

IZIBHALO ZOKHOLO
ISIPROFETO SAKHO SEMIHLA NGEMIHLA

ISSUE

3

Julayi – Aga – Sept

2026

Iindaba Ezilungileyo

Mihla Yonke



ISIMAHLA

AYITHENGISWA
LE NCWADI YEZIBHALO
ZOKHOLO SELE IBHATALEWE
NGABAXHASI BETHU AYITHENGISWA.

Ngamanzi abandayo emphefumleni otyhafileyo Iindaba Ezilungileyo, ezivela ezweni elikude. (Imizekeliso 25:25)

Uebert & BeBe
ANGEL



USHICILELO 3 | 2026

JULAYI - AGA - SEPT

Igama :

Ifowuni namba:

IINJONGO ZAKHO KULE KOTA:

INDLELA OMAWUYISEBENZISE NGAYO LE NCWADI YEZIFUNDO ZEZIBHALO UKUZE IBE YINZUZO KUWE*

Le ncwadi yezifundo zezibhalo yenzelwe ukukunceda ukhule eLizwini likaThixo ntsuku zonke. Musa ukungxama xa uyifunda koko zama ukuqondisisa umyalezo wayo.

Yenze imithandazo ebhalwe apha, uwathethe namazwi esiprofeto ukholwa, uthembile ukuba uThixo uza kusebenza ebomini bakho.*

Landela itshalenji leya yezifundo zeBhayibhile zonyaka ukuze womelezwe ekuliqondeni iLizwi likaThixo, uqinise ihambo yakho naye.

Uze ke uthi njengokuba uyifunda mihla yonke le ncwadana, uhlale ulindele ukukhokelwa nokomelezwa nguThixo, uze ufumane uloyiso nempumelelo yakho.

Yonwabela ixesha lakho noThixo ngale le ncwadi yeendaba ezilungileyo, GoodNews Daily. UThixo akusikelele.

ngokubhalwe nguMprofeti Uebert Angel



OKUMALUNGA NALE NCWADI YEZIFUNDO ZOKHOLO

IGoodNews Daily le, liLizwi lakho lesiprofeto sosuku yaye sisixhobo esixatysisiweyo kakhulu kwezobuKrestu nesibhalwe ngobuchule obubodwa ukuze sixhobise abantu ngokomoya suku ngalunye lonyaka. Le ncwadana ingena nzulu ezibhalweni, ikhuphe izityhilelo kunye neziprofeto zemihla ngemihla ezijolise ekukhokeleni abafundi kubomi obungqale kuKrestu, obusekelwe bazinziswa kwiimfundiso eziguqulayo kunye nesityhilelo sikaMprofeti u-Uebert Angel. Le ncwadana ikhutshwa qho ngekota, yahlukile kunjalonje ngoba ifikelela kwihlabathi jikelele, ifumaneka simahla ngeelwimi ezininzi ukuze kungabikho bani uthi akawuva umyalezo wayo ngenxa yokungaluqondi ulwimi ebhalwe ngalo, nomyalezo wayo onguguqulimpilo ufikeleleka kwihlabathi lonke. Ziindidi ntathu ezi ncwadana, yeyabadala, umthinjana kunye nabaselula. IGoodNews Daily akukho mntu ingamlungiselelanga ngokobudala bakhe ngeLizwi lesiprofeto, ixhobisa, isomeleza, ikhuthaza iintsapho ukuba zikhule kunye eNkosini, elukholweni nangokwesityhilelo esiqukathileyo.

UEBERT NOBE BE ANGEL

Ngamava azo ezi nkokeli zimbini zebandla, uMprofeti u-Uebert noMprofetikazi uBebe Angel, zivelele apha ehlabathini ngokuqaqamba kwamazwi azo ekuhambiseni lindaba ezilungileyo zobabalo lukaThixo (Euangelion) kunye nokuphakamisa inkonzo yobuprofeti ehlabathini. Njengababhali ababalaseleyo beencwadi ezinomtsalane nezinefuthe, liyabonakala igalelo labo kuncwadi lobuKrestu kwiincwadi zabo ezinjengezi zithi, Spiritual Warfare, Prayer Banks, Supernatural Power of The Believer, Grace Driven Life, kunye nayo yona iGoodNews Daily Devotional le iyincwadi yezibhalo zokhohlo zamihla yonke. Ngenxa yodumo kumbono wabo, ukuba ngoovulindlela kunye nobunkokeli obuphume izandla, u-Uebert noBebe Angel bahlala bemenywa njengezithethi ezinkomfeni jikelele.. Nanjengokuba bengooovulindlela ehlabathini nabaseki beNkonzo iGoodNews Church (Spirit Embassy), bekwakubizo lobuProfeti, inkulu, inzulu impembelelo asele benayo kwizigidi zabantu ehlabathini jikelele, beqhutywa kukuzinikela kwabo okungagungqiyo ekuhambiseni isityhilelo ngeeNdaba ezilungileyo namandla obabalo lukaThixo aguqula izinto (Euangelion).



GoodNews
DAILY

UKHOLO LUYANYAMEZELA

KumaHebhere 10:36 (KJV)

Kuba kufuneka ukuba nibe nomonde, ukuze nithi, nakuba nikwenzile ukuthanda kukaThixo, nizuzane nalo idinga.

Ndiwabonile amaKrestu enikezela kwakamsinyane ngaphambi kokubonakaliswa kommangaliso abeyicelile, kodwa qonda oku: olunjengolukaThixo ukhoho luyazingisa. Alutyhafi, aludinwa, alunikezeli. Umonde kaloku asikokuhlala ulinde nje ungenzi nto. Kukuhlala ngengqiniseko yokuba uThixo uza kukwenza abekuthethile. Olu uhlobo lukaThixo ukhoho goba izinto zilibazisekile okanye kusekho imiqotyana endleleni kuba lona isithembiso lusibona ngokungathi sesizalisekile. Ukhoho olunyamezelayo lukubeka endaweni yokuba ulungele ukuqandusela kwezinto.

Noxa nje ixesha liluvavanya ukhoho, unyamezelo luyalungqina. Xa uhlala ungaguquguquki, uthetha iLizwi, uhleli emlindweni, isithembiso side sizaliseke kuba uThixo akangomntu yena ukuba angaxoka. Oko kuthetha ukuba uza kukwenza akuthethileyo, ngexesha elifanelekileyo efemilini yakho ebhiziniseni yakho nakolo hlobo lomsebenzi uulwenzayo okanye uphangela kulo, kulo Nyaka weOyile engaqhelekanga.!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo oyiNgcwele, yomeleza ukhoho lwam ukuze ndinganikezeli. Ndamkela ubabalo lokukwazi ukunyamezela olwenzu ukuba ndihlale ndithembele eLizwini lakho ngoku nangalo lonke ixesha ngeGama likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Ukhoho lwam luyanyamezela. Ndiza kubambelela kwizithembiso zikaThixo de zifezeke ngokupheleleyo, ubomi bam buphakame buye kwinqanaba elitsha lobabalo noxolo, ngeGama likaYesu elinamandla! Mahyibongwe iNkosi!



FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 6:12



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 182

ULuka 12:32-59

Iindumiso 70-71



UMTHOMBO WOBONELELO

WENYANISOKwabaseFilipi 4:19 (KJV)

Ke uThixo wam wokwenzelelela konke ukuswela kwenu ngokobutyebi bakhe, ngokozuko olukuKristu Yesu.

Xa uyiya leza kuaThixo imali yakho kufuneka uqale ngokumvuma ukuba zonke izinto zivela kuye kakade. Iijobhu, iibhizinesi kunye namathuba avelayo ziitshaneli, kodwa uThixo yena nguMboneleli. Wakuyeka ukuzenzela uxhomeke ekubonelelweni nguwe, kuthi qabu, amaxhala ehle, intliziyo izale uxolo. Izibonelelo zikaThixo azibanjwa sisimo sesozoqoqosho. Yena uthatha kwiny=tabalala yobutyebi bakhe, obuhleli buphokoka kakade, akajonganga kunqaba kwezinto zisemhlabeni.

Xa imali yakho uyinikela ezandleni zeNkosi, izinto uyaziphindaphinda, uvula iingcango obungazilindelanga, akuhlanganisele izinto nje ngendlela obungakhange uyicinge. Ukuthemba uThixo ngemali yakho asikokuyilahla; bubulumko obubodwa.. Lowo unezinto zonke uyazi ukuba abantwana bakhe ubagcina njani ngamaxesha onke onyaka. UThixo, owandisa izonka neentlanzi ezintlanu atyise amawaka amahlanu, angazilungisa izinto nakweyakho ibhizinesi kulo nyaka weOyile engaqhel-ekanga!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, wena ungumboneleli wam, zonke izinto zisuka kuwe. Ndibeka izimali zam ezandleni zakho, ndithembe wena kunazo zonke ezinye iindlela ezikhoyo emhlabeni. Yandisa izinto zam, uziphindaphinde kaninzi, undivulele amasango angavulwa ngasandla samntu! Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

UThixo unguMboneleli wam, Konke okuphathelene nezimali zam ndikubeka ezandleni zakhe, ndihamba nje ndibonelela ngOsenyangweni. Igama elithi 'andinanto' aliphumi nokuphuma kowam umlomo; intswelo ayisondeli nokusondela kwelam ikhaya ngeGama likaYesu.



FUNDA UZANDISELE

INdumiso 121:1-2



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 183

Izikronike II 21-22

Izenzo 25

GoodNews
DAILY

UTHIXO ONGALIPHOSIYO IXESHA

KaPetros I 5:10 (KJV)

Ke kaloku uThixo walo lonke ubabalo, owasibizelayo eluzukweni lwakhe olungunaphakde, sikuKristu Yesu, wanga angathi ngokwakhe, nakuba nive ubunzima umzuzwana, anilungise nigqibelele, anizimase, anomeleze, anisekele.

Sikhonza uThixo onomonde kuthi, LiNyange lemihla. Umonde wakhe uhambelana nale nto lithetha yone kuye ixesha. Isibhalo sithi kuye iminyaka eliwaka injengemini enye. UThixo akaphili izolo okanye ngomso. Ukho ngoku naphakade.

Thina singathi izinto zibambekile, ziza kade, kuThixo akunjalo. Isibhalo sisibonisa ukuba uhlala ezibonakalisa kanye xa uphakathi engxakini. INtshisakulo kaShadraki, neMeshaki noAbhede-nego ngoThixo ngexesha besengxakini yavusa umnye kuThixo wangena nabo emlilweni. Walitshintsha elo dangatye lomlilo walenza i-air conditioner, Umlilo wakhupha umoya opholileyo endaweni yokubatshisa.

Mthembe uThixo ungekabikho mlilweni, usemlilweni, umthembe nasemva kokuba usemlilweni. Akaliphosi ixesha; uza kuvela kunjalonje uza kuvela kakhulu abenze nbuhle ubomi bakho!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Nyange lemihla, ndikuthembile ndingekangeni emlilweni, ndikuthembe ndikuwo, ndikuthembe nasemva kwawo. Ngena kule ngxibakaxaka ndikuyo; ndenze ndisulungeke, ndimise, ndomeleze, undizinzise. Guqula Nkosi ezi ngxaki ndikuzo zibe bubungqina, ubucikize bube buhle ubomi bam!



AMAZWI ESIPROFETO

Uza kuvela owam uThixo. Akaliphosi ixesha. Uza kwenzeka kunjalonje ummangaliso kaThixo ngeGama likayesu! Haleluya!



FUNDA UZANDISELE
KwabaseKorinte II 4:17



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 184
Izikronike II 23-24
Izenzo 26



UTHIXO OJIKI IZIGWEBO

UDaniyeli 7:22 (NLT)

Wada weza uNyangelemihla, wabagwebela abangcwele bOsenyangweni, lafika ixesha lokuba abangcwele babume ubukumkani.

UTHixo yeyona Jaji inkulu, otrone yakhe izoyisa zonke ezasemhlabeni izigwebo. Xa ubomi, abantu okanye iimeko zikubhedela, uyafika angenelele asijike isigwebo.. Kukho amaxesha ekuye kubonakale ngawo ngathi utshaba luyagunya, ityala likhulu, uzama ukuvala iingcango, uyakugezela nje umtyholi. Kambe kanye njengakumbono kaDaniyeli, uyaphakama uThixo abhale isigqibo esitsha. Sonke isityholo esisemoyeni, wonke umbhalo weedimoni kunye nezinto ebezisele zifuna ukuncamathelana nawe zisuka kumnombo wefemeli yakho, kuthi kwakufika uNyangelemihla, achithe yonke loo nto.

Akuwisa isigwebo ngetyala lakho uThixo, kuqhawuka izinto ebezele zizixelele ukuba zakhele, izinto ebezisele zizixelele ukuba zibethelelwe kuwe, kuguquka ubomi, kutsho kubuye isidima somntu. Akukho nasinye isityholo esimayo yakuvela inceba yakhe. Themba ukuba ebomini bakho ilizwi lokugqibela lelithixo. Kungade kube ngathi akwenzeki nto kodwa khumbula ukuba elakhe ixesha ligqibelele. Uza kufika kanye ngalaa yure iyiyo, afike ayichane entloko into, ze ithi le nto ibingathi kukoyiseka iguquke ibe bubungqina obumzakisayo uThixo.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, phakama, undigwebele ngokwenkoliseko yakho namhlanje. Guqula lonke ityala endibekwa lona, nelizwi elimdaka elithethiweyo neentshwabiulo eziwisiyo ebomini bam. Cima zonke izityholo, qhawula izibophelelelo zobumnyama, ubuyisele isidima sam. Amen!



AMAZWI ESIPROFETO

Lonke ilizwi elimdaka elijoliswe kum lichithiwe. Libhalwa ngokutsha ibali yaye uza kuzukiswa ngalo uThixo ngeGama likaYesu.



FUNDA UZANDISELE
Ulsaya 54:17



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 185
Izikonike II 25-27
Izenzo 27:1-26

UMTHANDAZO OVULA IINGCANGO EZINZIMA

Izenzo 12:5 (KJV)

Wagcinwa ngoko okunene uPetros entolongweni; ke kwathandazwa libandla ngenyameko kuThixo ngenxa yakhe.

Ndiyibonile impumelelo yomthandazo kubomi bam ngendlela esisimanga engakholelekiyo kangangokuba andoyiki ukutsho uubangokwenene umthandazo uyasebenza! Eminye iminyango ayinakuze ivuleke de kuthandazwe. UPetros wayetshixelwe ngaphaya kweengcango zentsimbi, egadwe ngamajoni, eza kubulawa, kodwa ibandla lathandaza. Umthandazo webandla washukumisa iingelosi zangenelela zaqhawula amatsheyina, zavula iingcango, zamhlangula ngaphandle kobunzima uPetros.

Oku kubonisa ukuba akukho ntolongo ibiyelweyo, meko inzima kangakanani, nazingango zityweniwe kangakani zingenakuvulwa ngumthandazo. Imithandazo yakho imema iingelosi, icima iiajenda zeedimoni, imisele intando kaThix ngenkani. Xa uthandaza, amandla awasabi ngawenyama, kwenzeka ebezingenakwenzeka.

Musa ukoyikiswa kukubona ngathi mkhulu umqobo; thembela emithandazweni yakho oyibhekisa kuThixo onamandla amakhulu. Iingcango obucinga ukuba zivalwe ngonaphakade ziya kuvuleka ngequbuliso xa uwamema, uwabandakanya emithandazweni amazulu.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndimema namazulu kulo mthandazo wam, vula zonke iingcango ezivalekileyo phambi kwam. Amatsheyina mawaqhawuke, avuleke amacango, iingelosi ziphakame zingenelele egameni lam!



AMAZWI ESIPROFETO

Yonke iminyango eyalele nechasene nekamav lam iyavuleka ngoku ngamandla kaThixo ngoku, kutyhileka iimfihlo zeZulu ngomthandazo, ngeGama likaYesu.



FUNDA UZANDISELE

UMateyu 7:7-8



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 186

IziKronike II 28-29

Izenzo 27:1-26

GoodNews DAILY

IGAMA ELINAMAGUNYA

KwabaseFilipi 2:10 (KJV)

Ukuze ngegama likaYesu onke amadolo agobe, awabasezulwini, nawabasemhlabeni, nawabaphantsi komhlaba;

IGama likaYesu aliyontetho nje; yeyona trone iphezulu yamagunya kwezibonwayo nakwezingabonwayo iindawo. Xa uthetha iGama lakhe ubiza amandla apheleleyo ovuko lwakhe kunye nokoyiswa kwesono, ukufa nobumnyama. Ngelo Gama, iidemon ziyangangcazela, izifo ziyatyhafa, kumiseleke ezikaThixo.

Igunya elisemthethweni elisongelwe kwiGama likaYesu laziwa eZulwini, loyikwa esiHogweni, liyahlonelwa eMhlabeni. Yonke imeko, nokuba inenkani engakanani na, kufuneka igobe kwakuthiwa 'eGameni likaYesu' kukholwa. Lisebenzise ngenkalipho iGama lakhe emthandazweni, emfazweni, kwizigqibo ekufuneka uzenzile nakwizinto ozimisayo. Ongenako ukukuphatha ngamandla akho asenyameni, ungakoyisa ngeGama lakhe!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, iGama likaYesu ndiza kulisebenzisa ebomini bam. Ndakuthi eGameni likaYesu, onke amadolo ayaguqa eNkosini, eZulwini, eMhlabeni nangaphantsi komhlaba. Amen!



AMAZWI ESIPROFETO

NgeGama likaYesu elinamandla, onke amadolo afuna ukuxhathisa ngekamva lam ayaguqa, ayakhothama yaye lonke idabi liyacinezelwa loyiswe phantsi kwegunya lakhe. Ndithi uxolo kuyo yonke indawo endichaphazeleka kuyo, eGameni likaYesu elinamandla! Amen.



FUNDA UZANDISELE

UMarko 16:17



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 187

IziKronike 30-31

Izenzo 28

GoodNews DAILY

UBABALO OLUKWAHLULAYO KWABANYE

Iindumiso 5:12 (KJV)

Ngokuba wena uyalisikelela ilungisa, Yehova, Ulihlanganisele ngenkoliseko njengekhaka

Ubabalo (ifeyiva) luphawu lukaThixo olumenza ahluke ebomini umntu oluzuzileyo. Lifuthe lamandla angaphezu kwawendalo awenza abantu, iisistim zehlabathi zilungelelane nawe kunye namathuba asondelelane nawe. Xa uThixo ekurhangqa ngobabalo, uye uthandeke, kukhethwe wena, babe ngathi bakho njee abanye.

UYosefu wayekwilizwe lasemzini, ukanti ifeyiva kaThixo yamenza wahluka endlwini kaPotifare, entolongweni, nakwibhotwe likaFaro ekugqibeleni. Ubabalo luphawu lomahluko alubekayo uThixo kuwe ukuba abonakalise ukwamkeleka kwakhe kusapho lwakho, kwibhizinesi yakho, emalini yakho nakuhlobo lomsebenzi wakho.

Ifeyiva kaBawo xa iphezu kwakho ifika ikuphakamise, ikunyuse, yenze izinto zikhawuleze. Itsiba izigaba, ival' imilomo yabakuchasileyo, ivule iingcango ebezingavuleki. Yakufika ihlale kuwe, obekunzima kwabanye kuba lula kuwe. Asiyonto efuna ukuba uysisukele ngokwakho; yinto oye uzilungiselele yona ngokwakho ngokuthobela imiyalelo kaThixo, ngokuthobeka nangokuba nobudlelane obushushu naye.



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Yehova, ndingqonge, undambathise ngefeyiva yakho. Mandibe nophawu lobabalo lwakho ebomini bam, efemelini yam, ebhizinesini yam nasemsebenzini wam, ukuze kucace ukuba ndinemvume yakho kuko nke endikwenzayo.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndingqongwe yifeyiva yasenyangweni. Naphi na apho ndingena khona, kukhethwa mna phambili, ndahlukile, igama lam libizwa kuqala. Ndingalelwa njani ndambethe ubabalo lweNkosi olundithethelayo, eGameni likaYesu.



FUNDA UZANDISELE

UDaniyeli 1:9



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 188

IziKronike II 32-33

KwabaseRoma 1

GoodNews DAILY

UTHIXO OHAMBA PHAMBI KWAKHO EDABINI

IDuteronomi 20:4 (NLT)

ngokuba uYehova uThixo wenu uhamba nani, ukuba anilwele kwi-intshaba zenu, anisindise.

Wawungadalelwanga ukuba amadabi obomi uwalwe wedwa. NguThixo ohamba phambi kwakho njengegorha elikhulu esenza imisebenzi engaqhelekanga, ecima iintshaba ezifihlakeleyo namaqhinga kasathana engekafezeki. Izinto ezininzi ophumelela kuzo mihla le ngamadabi akulwele wona uThixo ungazi nokungazi.

Xa uThixo ehamba phambi kwakho, uloyiko luyemka namathandabuzo aqobeka amandla. Uma phambili alungise ubomi bakho obuzayo, aqinisekise ukuba akukho sikhali sixonxwelwe wena siya kuphumelela. Indima yakho kukumthemba qha, wakugqiba uthi ngqo eLizwini lakhe. Xa kusilwa uThixo, amadabi abohlulayo abanye wena aza kukuphakamisa. Yima ngxi, ubukele usindiso lweNkosi lubonakala kuyo yonke indawo yobomi bakho! Haleluya!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Nkosi elungileyo, hamba phambi kwam kumadabi onke obu bomi bam. Ndilwele, thulisa iintshaba ezifihlakeleyo, qhawula imigibe engabonakaliyo, ucime amaqhinga kasathana ngeGama likaYesu elinamandla. Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

INkosi ihamba phambi kwam, iyandilwela yaye iyandisindisa. Akukho dabi lakuze lindoyise, kungekho nasixhobo sikhandelwe mna ngumntu siya kuze Simelane neGama likaYesu! Mayibongwe iNkosi!



FUNDA UZANDISELE

Ulsaya 52:12



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 189

ULuka 13:1-21

lindumiso 72-73



UTHANDO LUKATHIXO OLUNGAPHELIYO

UYeremiya 31:3 (KJV)

UYehova ubonakele kum kwakude, wathi, Ndikuthandile ngothando olungunaphakde; ngenxa yoko ndikolulele inceba.

Uthando lukaThixo alunaxesha litheni, alunazimvakalelo, alunamqathango: lukho ngonaphakade. Wakuthanda ungekamazi nokumazi wena. IBhayibhile ithi ngoxa sasisengaboni, uKrestu wasifela. Wathi uthandaza umthandazo wakho wokuqala apha ebomini, wabe sele wakukhethayo. Uthando lukaThixo luhlala luhleli naxa iimeko ziguquguquka. Uthando lwabantu lusenokuphela okanye luhle okanye luphole, kodwa olukaThixo alunguqi.

Uthando lwakhe luyamsukela (luyamlandela) umntu, luyabuyisela, luyomeleza. Alugwebi; luyaguqula. Uthando lukaThixo luyi-ankile kwiinkqwithela, ikhaka emfazweni, umthuthuzeli nompholisi ezintlungwini. Kwakuzamama, kushukuma yonke into, uthando lwakhe luhlala luqinile. Uthando lukaThixo alungqinwa kukungabikho kweengxaki, lungqinwa kanye phakathi kwazo. Uyaziwa nguThixo, uyabonwa yaye uyathandwa. Akukho nto inokukwahlula kububuele bakhe.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, namhlanje ndamkela uthando lwakho, ndizokuphumla kulo. Inceba yakho engagugqiyoy mayinditsale, indiphilise, indibuyisele ebendikuhuncule, lundomeleze. Hlala uyintsika yam ngamaxesha oqwithela, ulikhaka lam emadabini. Mandithuthuzeleke ezintlungwini kuwe, Nkosi.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiphumle eluthandweni lukaThixo olungunaphakde. Akukho nto ebomini nanaphakade eya kundahlula nothando lwakhe. Mayibongwe iNKosi!



FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 8:38–39



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 190

IziKronike II 34-36

KwabaseRoma 2

GoodNews DAILY

UBUBELE BUKATHIXO ABUZANGE BAPHELA

KwabaseRoma 2:4 (KJV)

Okanye uyabudela na ubutyebi bobubel bakhe, nonyamezelo, nokuzeka kade umsindo; ungazi ukuba ububele bukaThixo bukusa engugqweni?

Ububele bukaThixo abukho ethe-ethe, abuyonto efika igqithe, abuphelelwa lixesha; buninzi, buqinile, buyaqukuqela. Ububele bakhe butsala iintliziyo, bubuyisela ithemba, buphakamisa abatyhafileyo. Ukugqobhozela kwethu ezintweni akukho ngenxa yokuba singabagqibeleleyo kodwa kungenxa yokulunga kwakhe okugqithe ukuqonda. Ububele bakhe busoloko busemva kwethu busikhangela naxa sitsala nzima, siphazama okanye sibulahleka. Ububele bukaThixo busisikhumbuzo sokuba ungcala lakho, akachasananga nawe. Ungayama kuye.

Ububele bukaThixo obuhlaziywa ntsasa nganye buvula iingcango, buthomalalisa amadabi, buguqule izinto ebezingenakwenzeka. Yonke inceba owenzelwe yona bubungqina bobubele bakhe. Xa ubomi bunzima, ububele bakhe buza nentuthuzelo; bakukubandela abasemhlabeni, ububele bakhe bufudumeza umphefumlo wakho. Nokuba ungaphantsi kwesinjani ubumnyama isithokothoko, ububele bukaThixo buyafikelela kuwe. Uza kukhethwa kwabaninzi unyuselwe kulo nyaka wale oyile ingaqhelekanga, Year of Strange Oil!



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela, ububele bakho abomi. Ukulunga kwakho makundilandele kundifumane. Xutha zonke izikhali zemfazwe, uvule iingcango, ujike izinto ngeGama likaYesu! Amen!



AMAZWI ESIPROFETO

Ndingqongwe bububele bukaThixo yaye bundikhokelela ekubuxhamleni nangakumbi ngeGama likaYesu.



FUNDA UZANDISELE
IEksodus 34:6



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 191
UEzra 1-2
KwabaseRoma 3

GoodNews
DAILY

IKHAKA ELINGUTHIXO

lindumiso 3:3 (KJV)

Ke wena, Yehova, uyingweletshetshe kum, Uluzuko lwam, umphakamisi wentloko yam.

Ukhuseleko lukaThixo likhaka elirhangqe ubomi bam. Ikhaka likaThixo lukuvikela kwiintshaba ezihlaselayo ezibonakalayo nezingabonakaliyo. Iingozi ezininzi engezikutshabalalisile zanqandeka kuba uThixo wema phakathi kwakho notshaba. Ukhuseleko lwakhe lugquma intloko yakho, imali yakho, ifemeli yakho kunye nekamva lakho.

Awukho sesichengeni, emboniselweni; ungqongiwe. Ikhaka likaThixo akugqojozelwa kulo; akukho zintolo zobumnyama zinokugqobhoza kulo. Wakuziva unoloyiko, khumbula ukuba uThixo ngokwakhe lukhuselo lwakho. Ukhuseleko lwakhe alushoti, aluphelelewa mhla ngengxaki; luqaqamba ngakumbi ke xa kukho ingozi. Nantoni na ephakamela ukuchasana nawe mayingquzulane nekhaka likaThixo, hayi nobuthathaka bakho. Wena ufihliwe, ukhuselwe nguSomandla. Hlala elukhuselweni lwakhe uThixo kulo Nyaka weOyile engaqhelekanga!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

LBawo, uyingweletshetshe, ikhaka lam nokhuselo lwam wena. Rhangqa ubomi bam, ifemeli, impilo, imali kunye nekamva lobomi bam ngokukhuselo lwakho ekungagqobhozelekiyo kulo. Onke amatolo obumnyama makabhlokhwe, lonke icebo lotshaba linqanyulwe, axakeke! Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

UYehova ulikhaka lam. Ngamandla kaThixo ndikhuselwe, ndigciniwe, ndilondoloziwe, akukho nto inokundichukumisa ngoku nanganaphakade. Haleluya.



FUNDA UZANDISELE

lindumiso 28:7



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 192

UEzra 3-5

KwbaseRoma 4



GoodNews
DAILY

UBABALO LOKUPHA

KwabaseKorinte II 9:7 (KJV)

Elo wo makanike kangangoko agqibe ngako entliziweni; makungabi kokuphuma kabuhlungu, nangokunyanzelwa; kuba uThixo uthanda umphi ochwayitileyo.

Ukupha kulubabalo, akungomthwalo. Xa ukupha kuphuma eluthandweni nakwintobeko, kuba yimbewu eyamkelekayo eZulwini ze liyongeze ngokuyiphindaphinda, liyichumise. Ukupha kophula umoya wokunqongophala, ukushota nokuphela kwezinto, kubulala ukubawa, ze uMKrestu kumbeke endaweni elungileyo yokuba amkele okuphuma kuBukumani bukaThixo okunento yonke ngobuninzi. Umphi ochwayitileyo, okhululekileyo akanikezeli ngenxa yeengxaki, akuba netyala okanye akufikelwa luloyiko koko kuba uphila ngesityhilelo sokuba yonke into anayo uyinikwe nguThixo.

Xa unikela, usebenzisana nenjongo kaThixo (partner), uvula iingcango zezibonelelo zakhe. Ukupha akulinganiswa ngokobukhulu bembewu, kujongwa intliziyo. Xa usipha umema ifeyiva kaThixo, amathuba angaqhelekanga, nokuba uhlale ubonelelwa, unganqatyelwa nto. Ubabalo lokupha lukwalubabalo lokwamkela. Uye ungene kwixesha elitsha lokuxhamla kwintabalala oyibonelelwa nguThixo. Khawuvule isandla!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, phezu kwam khulula ubabalo lokupha ndichayitile, ndingangangcazeli. Khulula intliziyo yam kwimbophelelo yokunqatyelwa nokuba sezingxakini. Ndilungelelanise baseBukumkanini bakho ndiphathisane nawe kwinjongo oyimisileyo, ngeGama likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Ubabalo lokupha ndichwayitile luphumle phezu kwam, kuninzi, kuyaphalala ebomini bam yaye akukho mida, akukho zibophelelo, akukho kuvaleleka. ngeGama likaYesu! Amen.



FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 11:25



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 193

UEzra 6-8

KwabaseRoma 5

UKUTHEMBEKA OKUNGAGUQUKIYO

Izililo 3:23 (NLT)

Zihlala zintsha imihla ngemihla; kukhulu ukuthembeka kwakhe.

Ukuthembeka kukaThixo yiankile yethemba kuMKrestu ngamnye. Akatshintshi, akaguququki, akaphelelwa. Xa betshintsha bona abantu, xa iimeko zigungqagunga, naxa ubomi bungazamazama, uThixo uhlala emi, akatshintshi. UKuthembeka kwakhe kumiliselwe okanye kusekelwe kwisimo sakhe. Uzigcina zonke izithembiso, uyikhumbula yonke iminqophiso, awazalisekise onke amazwi awathethileyo ngobomi bakho.

UThixo akagcini zirekhodi zeziphoso zakho, nokuthembeka kwakhe engakulinganiseli ngokwemizamo kunye neemeko zomntu. Nokuba unganeempazamo wena, yena uhlala kulaa nto ebethembise ngayo. Ukuthembeka kukaThixo sisona sizathu sokuba sisizathu sokuba ube ugcinakele, ukhuselwe, uyabonelelwa. Asikho isizathu anokuze akufulathele ngenxa yaso uThixo. Ukuthembeka kwakhe yigaranti yokuba akuqalileyo ebomini bakho uza kukufeza kuo Nyaka weOyile engaqhelekanga!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Thixo othembekileyo, ndilibeke kuwe ithemba lam. Ndiyabulela ngeenceba zakho sezihlaziywa rhoqo kusasa. Ndiyazi ukuba uzizalisekise zonke isithembiso nesiprofeto malunga nam, ifemeli yam nebhizinesi yam ngeGama likaYesu. Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiza kuhlala ndimthembile uThixo ongaguqukiyo. SONke isithembiso esimalunga nam, lonke ilizwi lesiprofeto asiwisileyo phezu kwam, nombono ngamnye okhutshwe ngamazulu ngobomi nekamva lam uza kufezeka ngeGama likaYesu. Haleluya.



FUNDA UZANDISELE

Inumeri 23:19



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 194

UEzra 9-10

KwabaseRoma 6

GoodNews
DAILY

UTHIXO UMPHILISI

IEksodus 15:26 (KJV)

Wathi, Ukuba uthe waliphulaphula ilizwi likaYehova uThixo wakho, wenza okuthe tye phambi kwakhe, wayibekela indlebe imithetho yakhe, wayigcina yonke imimiselo yakhe: andiyi kubeka nasinye isifo phezu kwakho endisibekileyo phezu kwamaYiputa; kuba ndinguYehova, igqirha lakho..

UTHixo akazityhile nje kuphela njengoMsindisi, ukwazityhila njengoMphilisi. UKuphilsa kwakhe akuphelelisanga kwizigulo zasenyameni. Kufikelela kumanxeba omohefumlo, kumadabi asengqondweni, ekudandathekeni nakwinkxwaleko ekukudala zikho ezifemelini. Lo Thixo mnye owaphilisa uSirayeli entlango akatshintshanga. Amandla akhe okuphilsa aqukuqela ngeLizwi lakhe.

Ukuphilisa asiyonto uThixo ayenza ngamaxesha athile; yindalo yakhe, bubuyena. Uphilisa abagulayo, ubuyisela imizimba eyophukileyo, ubopha iintliziyo ezophayo, alungise okonakaliswe zezobomi. Akukho sifo, ziphumo zoxilongo nabulwelwe bungaphaya kwamandla akhe. Lakuyeka ukusebenz aiyeza, uyaqalisa uThixo ngemimangaliso yakhe! Kulula ukuphila! Haleluya!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, wena unguMphilisi wam. Ndiyawamkela amandla akho okuphilisa umzimba wam, ingqondo yam nomoya wam. Buyisela konke oko konakaliswe bubomi, uzibonakalise ngokundiphilisa, ngeGama likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Yehova Rafa, sonke isigulo somzimba, sengqondo nesomphefumlo esikum siyaphiliswa ngeGama likaYesu



FUNDA UZANDISELE
lindumiso 107:20



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 195
UNehemiya 1-3
KwabaseRoma 7

UYESU NGUMTHETHELELI WETHU

KaYohane I 2:1 (KJV)

Bantwanana bam, ndinibhalekla ezizinto, ukuze ningoni. Ukuba kukho othe wona, sinoMthetheleli kuye uYise, uYesu Kristu ilungisa.

Wonke umKrestu unommeli ongcwele okanye igqwetha lakhe eZulwini: uYesu Krestu, uMthetheleli wethu. Akasibongozeli ngenxa yokufaneleka kwethu, kodwa ngenxa yobulungisa bakhe nomsebenzi wakhe ogqityiweyo emnqalezweni. Xa utshaba lusityhola, lusibeka amabala, uYesu uyathetha. Lakukhonjwa kuthi ityala, uYesu uyathethelela. Xa ukuzigweba kuzama ukukubopha, uYesu uma endaweni yakho.

Xa esithethelela uchitha zonke izityholo, ucima lonke ibango lobumnyama, aqinisekise ukuba asoyiki ukuza kuBawo. Akuwedwa kwiinkundla zasemhlabeni; nguYesu ngokwakhe ummeli wakho. Igazi lakhe libubungqina bakho, ukulunga kwakhe sisambatho sakho, xa ekubongozela uyaxaba, abe ngumkhuseli wakho. Akasoze akushiye okanye akunikele umva nanini. Themba iLizwi lakhe.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela kuwe ngoba ngoYesu Krestu zonke izityholo nezigwebo zicinyiwe, ityala lichithiwe ngegazi lakhe. Kuyandivuyisa ukukwazi ukufikelela etroneni yakho apho ndikhuseleke khona ngomsebenzi kaKrestu ogqityiweyo. Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

UYesu, uMthetheleli wam, uMcebisi wam, uMkhuseli wam, iKhaka lam, uyandithethelela. Zonke izityholo ebomini bam zichithiwe bubulungisa bakhe. Mayibongwe iNkosi!



FUNDA UZANDISELE
KwabaseRoma 8:34



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 196
ULuka 13:22-35
Iindumiso 74-76



UYESU, INKOSANA YOXOLO

Ulsaya 9:6 (KJV)

Ngokuba sizalelwe umntwana, sinikwe unyana; ukuthethela kuse-sixhantini sakhe; igama lakhe kuthiwa nguMmangaliso, nguMcebisi, nguThixo oligorha, nguSonini-nanini, nguMthetheli woxolo,

UYesu, iNkosana Yoxolo, akangomniki nje woxolo kodwa uluxolo yena ngokwakhe. Apho ubukho bakhe buphumla khona, izaqhwithi azibi namandla noloyiko lungabi namagunya. Uxolo lukaYesu asilulo olu lwehlabathi lubhetyebhetye luhamba ngokokuba injani imeko ngoku apha phandle; lona luqinisekiso olusekelwe kubukumkani bakhe, alunagalelo lamntu. Uxolo lwakhe lulawula kwiimeko ezineziphithiphithi apho imikho-si engabonwayo izama ukuthintela inkqubela yakho. Yithi cwaka ubone usindiso lweNkosi!

UYesu akungenelela kwimeko ethile, kuphela ukudideka, kumka amaxhala, kubuye ucwangco nokuzola kwasebuthixweni. Uxolo lwakhe lugada intliziyo nengqondo, lukomeleze emoyeni.

Naxa kubakho ubunzima ebomini, iNkosana Yoxolo iyema ingashukumi. Inika uxolo olusuka ekubeni kaloku yiyo eyoyisileyo, hayi imeko zakho. Olu xolo ke lilifa lakho elingenakuphikiswa.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Nkosi yam enguYesu Krestu, ndiyakwamkela ubukho bakho kwinto yonke yobomi bam. Thulisa izaqhwithi zonke, susa ixhala noloyiko kum, ubuyisele uxolo lwam! Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

Ubomi bam bulawulwa yiNkosana Yoxolo. Izaqhwithi zonke azinandlela yimbi ziyaguqa, ziyakhothama. Intliziyo yam iphuphuma ukuzola okungcwele ngGama likaYesu.



FUNDA UZANDISELE

UYohane 14:27



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 197

UNekemiya 4-6

KwabaseRoma 8:1-21



SANELISWA NGUYE

KwabaseKorinte II 3:5 (NLT)

Le nto ayithethi kuthi ndinako ukuwenza ngokwam lo msebenzi. Amandla endinawo avela kuThixo,

Ndiyakuqinisekisa, njengomprofeti kaThixo, ukuba nezinto ngokwaneleyo akukho sekubeni unetalente, iintsiba (ufumbathile), iikhonekshini okanye amandla. Ukwanela kokwenene ukufumana kuKrestu. UYesu ungumthombo wayo yonke into oyifunayo ukuze ufezekise injongo kaThixo ngobomi bakho. Xa awakho amandla esilela okanye eshota, ubabalo lwakhe luyakubonelela. Yakutsha imithombo yakho, uyakulungiselela kuphuphume kuwe. Xa ngathi uxakiwe, kumke nobolumko, ukuqonda kwakhe kuba luncedo kuwe.

UYesu uphelele, ukwanele. Okukhona uzixhomekekisa kuye, kokukhona amandla akhe aye ebonakala. Xa izinto ziya zinqaba okanye zikuphelela asilotyala elo; sisimemo sokuba kubonakale isandla sakhe. Uvala zonke izikhewu, omeleze apho kubuthathaka khona, Akusayi kuswela nto kubauKrestu ungumanelisi wakho kulo nyaka, i-Year of Strange Oil!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyakulahla ukuzithemba, mandixhomekeke kubabalo lwakho wedwa. Vala zonke izikhewu, endaweni yobuthathaka bam yandlala amandla akho, ndinike konke endingenako, undixhobise ngokwanele ukuba ndizalisekise injongo yakho! Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

Nkosi yam enguYesu Krestu, ungumboneleli wam, ungumanezisi wam. Ndonako konke okufunekayo ebomini bam yaye akukho ndawo isililela kum. Ndinendyebo esimanga, kuninzi nje kum, ndiyintsikelelo ngenxa yoko kwesi sizukulwana ndiphila kuso. Mayibongwe iNkosi!



FUNDA UZANDISELE

KwabaseFilipi 4:13



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 198

UNehemiya 7-9

KwabaseRoma 8:22-39

UMTHOMBO WEMPILO

Ulsaya 53:5 (KJV)

Kanti yena uhlatywe ngenxa yezikreko zethu ezigwenxa, ubetho lokuba sibe noxolo thina lube luphezu kwakho; siphiliswe ngemivumbo yakhe.

Xa usempilweni entle ngokwakwaThixo akuthethi kungabi nasigulo nje kuphela. Bubomi bukaKrestu obuhleli buphokoka emizimbeni yethu. INkosi yethu uYesu Krestu yaba yimpiliso yethu ngeentlungu awayivaziyo. Imivumbo yakhe yayingathengi kuchacha nje okanye kuba bhetele nje ezigulweni; yaqinisekisa ukuba sinamandla, sinodlamko, sikhaphukhaphu nje siphelele.

Ukuba sempilweni kuthetha ukuba umzimba wakho ulawulwa nguMoya, abulawulwa yinyama. UYesu ngumthombo wobu bomi. Xa uhleli kuye, impilo yakho iyangcwaliseka, akubikwa mahlaba, uhlaziyeka emandleni, kubuyiselwe iindawo ebesezonakele esimeni esilungileyo—nkqu nala malungu angundoqo omzimba—ubulwelwe bugxothelwa phaa kude. Akuyilweli impilo; ubethelela, unyanzelisa oko wakulungiselela kona uYesu. Halleluya!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndamkela kuwe impilo entle yakwaThixo endiyizuze ngenxa yomsebenzi ogqityiweyo kaKrestu. Ngemivumbo yakhe, ndomelele, ndinamandla, ndidlankile, ndihlaziyekele, eGameni likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Ubomi bukaKrestu buhamba emithanjeni yam. Ndiphila impilo yangokwasenyangweni, ndomelele, imihla yobomi bam yonke idlamke ukugqitha ukuqonda. Akukho nasinye isixhobo esikhandelwe mna esiya kuphumelela, ngeGama likaYewsu. Amen.



FUNDA UZANDISLE
KaPetros 1 2:24



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 199
UNehemiya 10-11
KwabaseRoma 9:1-15

I Prosperithi Engazi Nalusizi

Imizekeliso 10:22 (KJV)

Intsikelelo kaYehova, yiyo etyebisayo, imbulaleko ayongezi nento kuyo.

Impumelelo kaThixo yahlukile kwisistimu yehlabathi. Ubutyebi behlabathi bukhulisa ukuza buxakathe inkxalabo, inkohliso namaqhinga, nokusoloko usoyika ukulahlekelwa. Kodwa xa uThixo ekuphumelelisa ngokwakhe, ufakela uxolo, ukugcoba nokuzinza emoyeni. Impumelelo eza ngobuthixo igcwele, iphelele: ichaphazela imali yakho, ubudlelane, impilo, neemko nje ezikungqongileyo. UAbraham, ulsake noYosefu baphumelela kungekhona ngenxa bomntu kodwa ngenxa yentsikelelo yomnqophiso kaThixo.

Iprosperithi asikokuziqwebela nokuziqokelelela nje ubutyebi; kukuxhotyiselwa ukwenza umsebenzi obizelwe wona kungabikho zingxaki. UThixo uyakuvuyela ukuphumelela kwabantwana bakhe ukuze babe yimibhobho nemijelo yokwakha uBukumkani nokungqina ngokulunga kwakhe. Xa uThixo akuphumelelisayo, nezichotho ezi azikwazi kuyitshitshisa intsikelelo yakho, iintshaba azinako nokukucphazela ukwanda nokuchuma kwakho. Ndibona ukuthululeka kweproperithi ekhayeni lakho; akusayi kudinga nto ilungileyo kulo nyaka i-Year of Strange Oil!



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndamkela intsikelelo yakho endenza isityebi, ingandiphathelanga zintlungu nazingxaki. Ndiphumelelise, undityebise ngokupheleleyo ngokwasemoyeni, engqondweni, emzimbeni nangokwezinto, ndibe bubungqina bokulunga kwakho kulo nyaka. Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

Intsikelelo yeNkosi iphezu kwam, indiphathela indyabo engazi nazintsizi. Iprosperity nempumelelo yam ikhuselekile ngeGama likaYesu.



FUNDA UZANDISELE

Indumiso 112:1-3



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 200

UNehemiya 12-13

KwabaseRoma 9:16-33

GoodNews DAILY

AMANDLA KATHIXO ANGENASIPHELO

UYeremiya 32:17 (KJV)

Awu, Nkosi yam Yehova, yabona, walenza izulu nehlabathi ngamandla akho amakhulu, nangengalo yakho eyolukileyo; akukho nto ikunqabeleyo.

Akunakuze ukwazi ukumchaza umgqibe uThixo. Uhleli engqongwe bubuyena etroneni yakhe, amandla akhe akanamda, akakukho unakumthintela ntweni, kwaye akachatshazelwa zizinto ezineendawo ezihamba zinqumka kuzo zasemhlabeni. Uthetha, indalo ivele; uyayalela, iintaba zishukume. Okumgungqisayo oyike umntu, akuyiyo nento le kuThixo. Amandla akhe akunakuwaqonda ngokwengqondo yakho yemveli, ubhukuqa izigwebo, ubuyisela abakamva labo liphazamisekileyo, aphumeze okungenakuohunyezwa ngamandla omntu.

Xa amandla kaThixo esebenza, imiqobo iyadilika, iidyokhwe ziyaqhawuka. UThixo, owathi kungekho nto wadala le nto kuthiwa nguMhlaba, wathi kule nto inguMhlaba ayidalileyo mayihlale kule ndawo ayikhombe kuyo kwabe kungekho "kwandawo leyo: inokuma kuyo, kodwa wathobela uMhlaba.

Bazalwana noodade, amandla kaThixo akanciphi ngokuhamba kwexesha okanye ngokweemeko; ahlala ehleli ngonaphakade. UThixo uthi nje kuwe kholwa ukuba unguThixo wakho kulo nyaka weStrange Oil.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Awu Thixo wam olungileyo, ndithembele ngamandla akho angenasiphelo. YOlula ingalo yakho phezu kobomi bam. Yophula imiqobo yonke, qhawula iidyokhwe utshintshe, ubhukuqe okumnyama konke, ngeGama likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Amandla kaThixo angenasiphelo ayasebenza ebomini bam. Konke okungenakwenzeka kugoba phambi kwakhe ngegunya. Ndi kweli cala linempumelelo mna; ndinoThixo nje ndiqinisekile ngokuba ndiza koyisa ngeGama likaYesu!



FUNDA UZANDISELE

ULuka 1:37



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 201

UEstere 1-2

KwabaseRoma 10



UMNCEDI OHLALA EKHO

lindumiso 46:1 (NLT)

UTHixo ulihlathi, uligwiba kuthi; Ezimbandezelweni ufumaneke eluncedo kunene.

UYesu akahlali kude abukele. Ungumncedi ohlala ekho ukuze angenelele, ekufutshane ngaloo mzuzu wakumbiza. Alulali endleleni kuba usithi lukude, alubanjwa ziimeko, alualinganiselwa, alunamida. Kungaba yinto ehlupha umphefumlo, kungasemoyeni wakho okanye enyameni, uYesu uyema abe ngumxhasi wakho kanye ngexesha omfuna ngalo. UnoYesu, ifemeli yakho soze iqhekeke, ibhizinesi yakho soze iwe, iimali zakho soze ziphele.

UYesu ungena nawe emlilweni, kwizaqhwithi ezincamathelene nawe nakwiintlambo eziphambi kwakho. Uncedo lwakhe lufika ngexesha elifanelekileyo, lunamandla agqith' ukuqonda, lungqalile. Le nto ikoyisayo asiyonto phambi kwawakhe amandla. Bakuzama ukuqoboza ubomi, ufika ngoncedo lwakhe akuxhase. Xa iimeko ngathi azilungi, uncdo lwakhe luvula indlela. UYesu akangomncedi nje; unguMncedi wakho, uthembekile, ukho maxesha onke, akaphezi



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Ishe Jesu, ndinotizira kwamuri Nkosi yam enguYesu Krestu, ndibalekela kuwe kuba uyindawo yam yokuzimela, ungamandla am. Ngenelela kuzo zonke iimeko endijamelene nazo emphefumleni wam, emoyeni nasemzimbeni wam. Gcina ifemeli yam, ukhusele imicimbi yam! Ame. seutiziro uye simba rangu. Pindirai munyaya dzangu dzose dzepamweya, panyama, nemupfungwa. Chengetai mhuri yangu musimbise bhizimusi rangu. Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

Andoyiki nto kuba uYesu unam ngamaxesha onke. UYesu ulilitye elizinzileyo endimi kulo. Soze ndiphelelwe; ubomi bam buza kuqaqamba ziindaba ezilungileyo ekuphumeni n asekungeneni kwam! Mayibongwe iNkosi!



FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 13:6



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 202

UEstere 3-5

KwabaseRoma 11:1-18

GoodNews
DAILY

UBUHLE OBUSITSHINTSHAYO

Iindumiso 27:4 (KJV)

Ndicela nto-nye kuYehova, ndifuna yona: ukuba ndihlale endlwini kaYehova yonke imihla yobomi bam, Ndibone ubuhle bukaYehova, ndiphicothe etempileni yakhe.

UYesu uyimbonakaliso yobuhle bobuthixo: ugqibelele ngobungcwele, uyakhazimla unobuqaqawuli, nobungangamsha obungenakulinganiswa nanto. Okukhona ujonga kuye kuba kukhona ubuhle bakhe bukusitshintshayo. Ubukho bakhe bucoca iinjongo zakho, buhlaziye ukuzazi apha kuwe. Oko kubizwa lihlabathi njengobuhle buyaphela, kodwa obukaKrestu ubuhle bungunaphakade kwaye buyanda, buyakhula.

Ubuhle bakhe bujika ihlazo bukunike isidima, uthuthu lube bubuqaqawuli, uthi ubophukile, uqobokile uphinde ubunjwe ube ngopheleleyo. Xa uchitha ixesha kubukho bukaThixo, buhle bucacile kuwe ububona bakhe. Uyathamba, uyomelela, uyazola, uyacwenga, ube nyulu, futhi ubengezele. UYesu akapheleli ekuhombiseni ubomi bakho ngaphandle nje, nefeyiva.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Nkosi yam enguYesu Krestu, mandithi ndakubuqwalasela ubuhle bakho, benze inguqu ebomini bam. Hlambulula iinjongo zam, mandizazi, hombisa isimilo sam ngozuko, ngobabalo, ngoxolo nenkoliseko yakho. Amen!



AMAZWI ESIPROFETO

Ubuhle bukaYesu buhleli phezu kwam. Ubomi bam buyabengezela luzuko lwakhe, ubunyulu bakhe nobabalo lwakhe eGameni likaYesu.



FUNDA UZANDISELE
KwabaseKorinte3:18



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 203
ULuka 14:1-24
Iindumiso 77-78

GoodNews DAILY

UMBHALI WEKAMVA LETHU

KumaHebhere 12:2 (KJV)

sise amehlo kuyo iMbangi noMgqibelelisi wokholo lwethu, uYesu, owathi, ngenxa yovuyo olwalubekwe phambi kwakhe, wawunyamezela umnqamlezo, elidelile ihlazo, waza wahlala phantsi ngasekunene kwetrone kaThixo.

Ubomi nesiphelo sakho saqala ngoYesu, hayi ngokwesicwangciso somntu. Phambi kokuba ubunjwe, wayishicilela eyona yakhe ngawe, wayicwangcisa indlela yakho, wabe sele ekulungiselela noza koyisa kuzo. Uyesu uyayiqala aphinde ayigqibezele. Into ayiqalayo, uyiphatha ngesandla sakhe, ayigqibe. Akukho nto isirhoxisayo esakhe iskriothi, ayitshintshi iplani yakhe noba kungade kubekho ukulibaziseka, yaye akukho zintshaba zinokuyibhala ngokutsha into ayibekele wena.

Xa uthe amehlo akho aqwalasela kuYesu, ukubhideka kuyaphela. Uyakukhokela, uyakulungisa, uyakomeleza, akubeke kwenye indawo de ubomi bakho buhambelane noko kwabhalwayo liZulu. KuYesu, isiphelo akunakuthi akusazi: sikhuselwe, kwaye sigqibelele. Uza kuba ngumsebenzi omhle xa sele egqibile eyigqibile abeyiqalile ngawe uYesu kulo nyaka wale oyile uyi-Year of Strange Oil!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ungumbhali nomgqibelelisi wekamva lam. Ndikhocele endleleni, ndiphathe ngesandla sakho kumsebenzi ondikhethela wona, ufezekise owandimisela kona ebomini. Amen!



AMAZWI ESIPROFETO

Ikamva lobomi bam libhalwe lagqitywa nguYesu. Nqanda into iza kuthintela, inqande into ayimisele ubomi bam! Mayibongwe iNkosi.



FUNDA UZANDISELE

KwabaseFilipi 1:6



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 204

UEstere 6-8

KwabaseRoma 11:19-36



UNQULO OLUVULA AMAZULU

UYohane 4:23 (KJV)

Kodwa kuza ilixa, nangoku selikho, xa abanquli abayinyaniso baya kumnqula uBawo ngoMoya nangenyaniso; kuba uBawo ufuna abanjalo ukumnqula.

Ukunqula nokudumisa uThixo asikokucula nje kodwa; ngumoya lo utsala ukungenelela koThixo osenyangweni. Unqulo lwangenene luvula amazulu, lumema uThixo ukuba abonakalise amandla akhe. Xa intliziyo yakho ithobeka phambi kwakhe ngokunyanisekile, uThixo uyangenelela kwimeko yakho ngamagunya akhe. Ukunqula nokudumisa ikulungelelanisa nentliziyo yakhe. Kusiphula imimoya exhathisileyo, kuvula indlela yokuba kwenzeke imimangaliso.

Kwezi khonferensi neendibano ezinkulu endiye ndizibambe nabantu, ndiye ndaqaphela ukuba intaphane yemimangaliso kunye nophiliso lwabantu okugqith' ukuqonda kwenzeka xa kukho umoya wonqulo lwenene nodumiso. Ukunqula nokudumisa kususa iziphazamiso, kumenza umkhulu uThixo de iingxaki zakho zishwabane. Kwakuvuka indumiso, iZulu liyaphendula. Lo nyaka weoyile engaqhelekanga mawugcwele yindumiso.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndikudumisa ngomoya nangenyaniso, vula amazulu phezu kobomi bam. Veza amandla akho, khulula izibophelelo, imimangaliso iqukuqele ngaGama likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndakumnqula ngenene nangenyaniso uThixo, amazulu aza kuvuleka phezu kwam kwaye uya kungenelela ngamandla akhe kwimeko yam ngeGama likaYesu. Haleluya.



FUNDA UZANDISELE
lindumiso 22:3



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 205
UEstere 9-10
KwabaseRoma 12



GoodNews
DAILY

UTHIXO UPHEZU KWAKO KONKE

Iindumiso 145:3 (KJV)

Mkhulu uYehova, ngowokudunyiswa kakhulu; Ubukhulu bakhe abunakugocwagocwa.

Ubukhulu bukaThixo abunamida. Iingqondo zesiqhelo azinakukwazi ukubuqonda ngokupheleleyo ubunzulu bobulumko bakhe, ukuphakama kwamandla akhe, okanye ubukhulu bozuko lwakhe. Ke wena ungongaqhelekanga kuba unengqondo kaKrestu! Yonke into ayenzayo Yonke into ayenzayo kwizinto akubonelela ngazo mihla le.

Ubukhulu bukaThixo abunakwazeka, abunakugocwagocwa, ukanti uzityhila ngokwaneleyo kuthi ukuze ukholo lwethu lomelele. Xa ubomi bukongamela, khumbula ukuba lowo uphethe okusesibhakabhakeni, nobomi bakho busesandleni sakhe. Lowo unika iindudumo amandla azo kunye nombane ukukhawuleza kwawo, unawe, kwaye akukho nto inkulu inokuwoyisa amandla akhe, okanye incinane ukuba angayilungisa. Ubukhulu bakhe buqinisekisa ukuba akukho sithembiso angasifezekisiyo, akukho dabi liVuya, ugcoke, akuloxhoba, ungowoyisileyo!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Thixo onamandla angaphezu kwako konke, tyhila ubukhulu bakho ebomini bam. Yongama kwizinto zonke ezinga zingazizithintelo, wenze okungenakwenzeka. Amandla akho mawalawule yonje imeko ebomini bam



AMAZWI ESIPROFETO

Ubomi bam bujikelezwe bubukhulu bukaThixo. Amandla akhe angenakulinganiswa nanto ayasebenza kwaye akukho nto imnqabeleyo, ingenakwenzeka kuye, ngeGama likaYesu.



FUNDA UZANDISELE

UYeremiya 32:17



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 206

UYobhi 1-2

KwabaseRoma 13



GoodNews
DAILY

INDUMISO EPHAKAMISA UTHIXO ETRONENI

Indumiso 22:3 (KJV)

Ungcwele ke wena, Ungulohlala ezindumisweni zakwaSrayeli.

Indumiso le ayinanto nakwenza nakuzonwabisa. Imalunga nokuhlalisa uThixo etroneni yakhe. Xa udumisa uThixo, umnika indawo yokulawula imeko yakho. Indumiso itshintsha umoya, isusa ubunzima, izise uThixo kule nto ujongene nayo. Indumiso isusa amehlo akho kwidabi ojongene nalo iwajongise kulowo ungoyiswayo.

Ukudumisa uThixo akunanto yakwenza nendlela oziva ngayo. Kumalunga nokuba ngubani na uThixo. Xa uphakamisa indumiso ezukileyo, iingelosi ziyashukuma, zingqunge, uThixo abonakalise amandla akhe. Indumiso imema ubukhosi bukaThixo, ubulumko bakhe, noloyiso lwakhe, ebomini bakho. Akukho meko ingatshintshiyo aph' uThixo ahleli khona. Le-Year of Strange Oil mayibe ngunyaka wendumiso ephuma emlonyeni wakho iye kuMenzi wakho, ujonge indlela eziza kutshintsha ngayo izinto ebomini bakho!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Nkosi, hlala esihlalweni sakho ndisakudumisa nje. Makatyhileke amandla akho, ubuqaqawuli bakho bubonakale, ulawule phezu kwayo yonke imeko ngeGama likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndisahleli ndidumisa uThixo nje, ubukho bakhe bugcwalisa ubomi bam. Ukhona phezu kwemeko endikuyo noko asetroneni yakhe nje, kwaye uloyiso luyabonakala ebomini bak ngGama likaYesu! Amen.



FUNDA UZANDISELE

Indumiso 47:6-7



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 207

UYobhi 3-4

KwabaseRoma 14



ONGOYISWAYO UTHIXO

IEksodus 15:3 (KJV)

Wathi uAbram, Yabona, akundinikanga mbewu; yabona, umntu ongowendlu yam uya kuba yindlamafa yam.

Ukususela emaphakadeni amaphakade, uThixo akazange oyiswe. Lonke ungquzulwano olushicilelweyo eBhayibhileni lutyhila ubungangamsha bakhe. Wahlula iilwandle ukuze abanyulwa bakhe bawele kodwa imikhosi kaFaro yona irhaxwe, iintshaba zabo. Wadiliza iindonga, wathi vala imilomo yeengonyama, woyisa imikhosi engaphakamisanga nekrele. Uloyiso lwakhe lugqibelele.

Uloyiso lukaThixo lolona malube sisiseko sethemba lakho. Akuma endaweni yakho, qiniseka ukuba uza koyisa nakanjani.. Amadabi abonakala ekongamela awazozinto phambi kwalowo wadala iigalakhsi. Utshaba lwakho akalufundi; lulo utshaba lwakho olusuka lutyhwatyhwe, lungcangcazele lakukhankanywa igama likaThixo.

Hlala kule nyaniso: uThixo onilwelayo akazange akwazi ukoyiswa. IBhayibhile ithi uThixo makaphakame achithachithe iintshaba zakhe! Kulo Nyaka weOyile engaqhelekanga, nayiphi intsongelo neentshwabulo ezithethiweyo ngobomi nekamva lakho ziza kuwa phantsi njengoGoliyathi, yena owawiswa lilitye lelalingathi lelesichotho, elingaqhelekanga lona, lisuka kuThixo,



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bayo, uyindoda yemfazwe wena". Vuka ume ngenxa yam. Ndilwele onke amadabi, thulisa lonke utshaba, guqul' izinto apho bendoyiswe khona ndizisele uloyiso olungekakuze lunqandwe mntu, ngeGama likaYesu. Amen!



AMAZWI ESIPROFETO

UThixo ongahlulwayo uyandilwela. NdinoMcebisi Omangalisayo kwelam icala. Uloyiso lusisabelo sam, andinakuzo ndoyiswe nokuba kutheni kulo naya wale Oyile ingaqhelekanga!



FUNDA UZANDISELE

Iindumiso 24:8



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 208

UYobhi 5-7

KwabaseRoma 15:1-13



UKUZUZA IMIPHEFUMLO: KUSENTLIZIYWENI KATHIXO

ULuka 19:10 (KJV)

Kuba uNyana woMntu weza kufuna nokusindisa oko kulahlekileyo.

Ukuzuza imiphefumlo yeyona nto isentliziyweni kaThixo. Wonke umsebenzi kaYesu emhlabeni wawujongene nokubuyiseleni umntu kuBawo. Xa sisiza nemiphefumlo kuThixo, singqamelana nondoqo kwinjongo zeZulu. Wonke umthandazo, umyalezo kunye nezenzo zenceba lithuba lokukhupha umntu emnyameni umse ekukhanyeni kukaKrestu.

Ukuzuza imiphefumlo akubekelwanga abathile okanye abefundisi nabavangeli bodwa. Luxanduva loMKrestu wonke. Izulu liyavuya ngomphfumlo ngamnye ozuzelwa kuKrestu. Xa ungqina ngoYesu, iZulu lima nawe likuxhase, uMoya Oyingcwele ukunika amandla, uYesu ngokwakhe ame nawe. Akukho nto imvuyisayo uThixo njengokubona abantwana bakhe behlangula abalahlekileyo.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, vusa kum uthando lokutsalela imiphefumlo kuwe. Ndiyabulela ngokundixhobisa ngobungqina, ngokukhokela ngemandikwenze, ngokuvula iintliziyo nokundisebenzisela ukusindisa abalahlekileyo imihla yonke. Ubomi bam maburhwebele abantukuKrestu naphina apho ndiya khona ngeGama likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiredi kwaye ndiyafumaneka ukuba ndingasebenza ndizuze imiphefumlo, ndingqine ngoKrestu ophilayo. UMoya Oyingcwele uyandikhokela ukuze nam nditsalele abantu kuKrestu. Beza kuKrestu ekukhanyeni kukaKrestu ngam abantu.



FUNDA UZANDISELE

UYohane 15:16



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 209

UYobhi 8-10

KwabaseRoma 15:14-33

UKWANDA OKUSISIMANGA

KwabaseKorinte II 9:10

Lowo umnika imbewu umntu otyalayo nomnika isonka, uza kuninika imbewu eninzi ukuze nityale aze asandise isivuno senu sobulungisa.

UTHixo ayingomnikezi wembewu kuphela, kodwa ukwangumandisi wembewu. Xa ubeka oko unako ezandleni zakhe, uyenza yande ngaphaya kwamandla ezandla zomntu. Ukwandisa kwakhe yena akuhambi ngokwezoqoqosho, imvelaphi yakho, okanye amandla akho njengomntu. Lo Thixo mnye owandisa ioli yomhlolokazi eBhayibhileni usabandisela nanamhlanje oko abantwana bakhe bakunikela ezandleni zakho ngokhohlo.

Ukwanda yinyaniso esekelwe abo bazukisa uThixo ngezinto zabo, abathembele ekubonelelweni ngosenyangweni. Imbewu yakho ingancinc, kodwa ezandleni zikaThixo, ithwele lukhulu. Lindela ukwanda okusisimanga ezimalini zakho, kwizinto ozicebayo, amathuba avelayo, ukunaba kwakho nakwindlela nje ilihamba ngayo igama lakho ngenxa yemisebenzi yakho. Ukwanda ke akwenzeki nje; kukuhlangana kwezulu nokwasemhlabeni ukuze kuphume esi sivuno usilindeleyo kulo Nyaka weStraw Oil!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, imbewu yam ndiyibeka esandleni sakho. Yiphefumlele, uyandise ngokuphindaphindiweyo ngokudlule ukuqonda. Amen!



AMAZWI ESIPROFETO

UTHixo wandisa imbewu yam ngokuphindaphindiweyo, wandisa umhlaba wam, wenza kakhulu kuzo zonke iinkalo zobomi bam, eGameni likaYesu. Haleluya!



FUNDA UZANDISELE

ULuka 6:38



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 210

ULuka 14:25-35

Iindumiso 79-80

GoodNews DAILY

UKUBUYISELWA KOZUKO

UHagayi 2:9 (KJV)

Buya kuba bukhulu ubuqaqawuli bamva bale ndlu, ngaphezu kobokuqala, utsho uYehova wemikhosi; kuyo ke le ndawo ndiya kunika uxolo; utsho uYehova wemikhosi.

lingxaki zobomi ngamanye amaxesha ziyakuba ukuzithemba komntu, uthando, namathuba abele kuwafumana. Kodwa uThixo ungumbuyekezi wozuko. Akabuyisi nje kuphela okulahlekileyo, kodwa uyakuphindaphinda kwaye enze okuza mva kube kukhulu kunobekuqale kwakho. USirayeli walila ngenxa yozuko olulahlekileyo lwetempile kaSolomon, kodwa uThixo wathembisa itempile entsha ezuke ngaphezulu. Usebenza njena ke uThixo: xa ubudanisiwe ngaphambili, akuthethi ukuba nakwixesha elizayo kuza kuba njalo.

Xa kukho uThixo ebomini bakho, iimini zakho zobumnandi azikho ngemva. Ubuyisela isidima, amandla, uyawuvuselela umbono obunawo nomlilo ngaphakathi kuwe. Nokuba ungabalula ihlazo okhe wakulo okanye ulibaziseke ntweni ithile, eli lizayo ixesha lelozuko olukhulu kuwe. Linda uphuculo lwasenyangweni, olungenziwanga ngazandla zamntu kunye nesidima esitsha kulo Nyaka weStrange Oil.



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Bawo, buyisela uzuko lwam. Vuma ukuba izinto ezintsha ozenzayo ebomini bam zibonakale ukuze bonke babone ubungangamsha bozuko lwakho. Dambisa zonke iingxoko, uphelise yonke impikiswano ukuze iintshaba zam ziphoxeke, eGameni elinamandla likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Uzuko lwam lwamva luza kulogqitha olwangaphambili. UThixo uza kuyibuyisela yonke into eye yandilahleka, kunjalonje ayiphindaphinde eGameni likaYesu.



FUNDA UZANDISELE

UYoweli 2:25–26



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 211

UYobhi 11-13

KwabaseRoma 16



AMANDLA OMTHANDAZO OZINGISILEYO

ULuka 18:1 (KJV)

Ke kaloku wayethetha nomzekeliso kubo, wokuba bamelwe kukuhlala bethandaza, bangethi amandla;

Ukuthandaza kungumoya ophefumlwa ngumKrestu, i-injini yoyoloyiso lwasemoyeni. Ngalo lonke ixesha uthandaza, umema urhulumente wasezulwini ukuba angene kwimicimbi yasemhlabeni. Umthandazo ongayekiyo waphula amandla awo nawuphi umoya omdaka oxhathisayo, udiliza izithintelo zobumnyama ezingabonakaliyo, uvula indlela yezinto uThixo asele ekwabele yona ebomini. UYesu wafundisa ukuba ukutyhafa kuqala apho umthandazo uphela khona. Ngoko ke, ukuhlala emthandazweni asiyonto onokuyijonga uthi uyayifuna namhlanje, akuyifuni ngomso; bubomi bakho, kubalulekile.

Xa utyala ubomi bonxibelelwano oluzinzileyo noThixo, umoya okungqongileyo ugqwala amandla akhe. Loo nto ikulibazisileyo iyaguqa kumandla omthandazo ozingisileyo, izibophelelo ziwa phantsi koxinzelelo lomoya oluzingileyo. UThixo akashukunyiswa kukutatazela kwakho, ushukuma bubushushu bokholo oluqinileyo olubonakalisa ngomthandazo. Kulo nyaka weOyile engaqhelekanga, iYear of Strange Oil, umthandazo mawube bubomi bakho bakho yemihla ngemihla, hayi nje impendulo ngeemini zikaxakeka.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndimi phambi kwetrone yobabalo lwakho ukuze ndixhotyiswe ngokuhlala ndiphikelele, ndizingisile. NgoMoya wakho, ndiza kuthandaza bude bufike nobam ubungqina. Ubizo lwam luza kufikelela kwinqanaba elingaqhelekanga kuba ndiza kuthandaza ndingayeki kulo Nyaka we-Strange Oil!



AMAZWI ESIPROFETO

Ndizinikela ekuthandazeni ndingayeki yaye yonke imeko enga ngathi inenkani ebomini bam iguqa phambi kwamandla kaThixo eGameni likaYesu.



FUNDA UZANDISELE



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 212

UYobhi 14-16

KwabaseTsaloni 1 | 5:17 KwabaseKorinte I | 1

GoodNews
DAILY

GUQUKA NGAPHAKATHI

KwabaseRoma 8:10 (KJV)

Ukuba ke uKrestu ungaphakathi kwenu, umzimba okunene ufile ngenxa yesono; kodwa uMoya ububomi ngenxa yobulungisa.

Abantu abaninzi abangamaKrestu bacinga ukuba ukuba ngumntu omtsha kuKrestu kuthetha ukuba kufuneka uzicoce okanye uzigutyule ngokwakho, uzame kangangoko unako ukuvisa uThixo kamnandi, ungenzi nanye impazamo. Inggondo enjalo ibashiya abaninzi bedandathekile kuhambo lwabo kuba asiyondlela leyo, asiyonyani. Inyaniso kukuba asibizelwanga kubuphila ngamandla ethu obu bomi butsha. Lowo ngumsebenzi kaMoya Oyingcwele.

Ivesi yanamhanje isikhumbuza ukuba uKrestu uphila pha ngaphakathi kuwe. NguMoya wakhe wodwa okwazi ukuguqula umntu ngaphakathi, iziphumo zivele ngaphandle. Ngoko ke, yeka ukuzama ukuzitshintsha ngokwakho ngenkani. Ndaweni yoko, yekela umoya oyiNgcwele akutshintshe ngokwakhe. Nokuba ungazama ukwenza nokucinga kangakanani na ukuba ufanele ukuzitshintsha ngokwakho, khawuyekele kuThixo ngoku enze umsebenzi wakhe ongaqhelekileyo.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo oyiNgcwele, ndiyabulela ngokundiguqula ngaphakathi. NgoMoya wakho oyiNgcwele buguqulwe ubomi bam yaye ndisikelelekile ngeGama likaYesu!



AMAZWI ESIPROFETO

Andisayi kubuya ndithi ndiphoxeke kuhambo lwam lobuKrestu. UKrestu ongaphakathi kum undenza ndingoku, ndingoyiswa, kodwa ndiphumelele ezintweni zonke endizenzayo namhlanje!



FUNDA UZANDISELE

KumaGalati 2:20



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 213

UYobhi 17-19

KwabaseKorinte I 2



UBULUMKO BUNGCONO KUNEERUBHI

Imizekeliso 8:11 (KJV)

Kuba ubulumko bulungile ngaphezu kwekorale, Neento zonke ezinqwenelwayo azilingani nabo.

Ndidibene namadoda kunye noomama abaninzi abakrelekrele kule minyaka yam ndikweli bandla. Abanye banezidanga zobugqirha kwizifundo ezintsonkothileyo ngelixa abanye benamawonga abawanikwe ngenxa yobungqondongqondo babo. Kambe, benobu buchopho bungako, iBhayibhile isifundisa ithi ubulumko yeyona nto. Kutheni kunjalo nje? Kungenxa yokuba ubulumko busisityhilelo, buyingqiqo ngezinto zasebuthixweni.

Xa uhamba ngobulumko bukaThixo, akusoze ulahlekiswe, uqhathwe ziinkqubo zasemhlabeni; akunakuze ugqithwe nditsho nazezokugqibela iinkcubabuchopho zeli lizwe. Kulo nyaka wale Oli yahlukileyo, iYear of Strange Oil, qonda ukuba uKrestu ububulumko bakho ngokwabaseKorinte 1:30. Oko kuthetha ukuba wena akusebenzi ngokokusebenza komntu wasenyameni; uphuma apho kungaqhelekileyo, izinto zalapho uphuma khona zahlukile, zinamandla angaphaya kwezasenyameni zeli lizwe. Yahluka ke! Yenza izinto ngokwahlukileyo ngolo hlobo ke ukususela ngoku!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Ndiyabulela Bawo oyiNgcwele, ngokundinika ubulumko basenyangweni nokundigcwalisa ngendlela eyodwa yokuqonda. Ngenxa yaloo nto, ndihamba kolungapheliyo uloyiso ngeGama likaYesu!



AMAZWI ESIPROFETO

Ndixhobe ngobulumko beZulu, ndibona apho bangaboniyo khona abanye. Ndinobutyebi obufihlakeleyo kwaye ndiphile saka, impilo yobuthixo. Andisayi kuswela nto okanye ndoyiswe nakwenye into. Makazukiswe uThixo!



FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte I 2:7-8



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 214

UYobhi 20-21

KwabaseKorinte I 3

GoodNews DAILY

MAKHE SITHETHE NGONQULO

UYohane 4:24 (KJV)

UTHixo unguMoya; abo ke bamnqulayo bamelwe kukumnqula ngo-Moya nangenyaniso.

Into efika kuqala kumaKrestu amaninzi xa esiva igama elithi ukunqula, ukudumisa, ngumculo weVangeli ocothayo. Ukunqula oku yinto engaphaya kwaleyo. Yima ndikubonisa inkcazelo.

Ukunqula kukuvuma nokubulela ukulunga kukaYehova, ububele neentsikelelo zakhe, Xa unqula kuthixo, ukhankanya le nto ayiyo, isimo sakhe. Umzekelo, xa usithi, “Nkosi, ulungile; unobubele,” njalonzalo. Uyamchaza, uyambalula, ubonga indlela ayiyo.

UTHixo uyakuthanda ukuba simnqule ngolo hlobo kuba oko kubonisa ukuba ungubani na ebomini bakho; ukwenza oko kukwahlula phakathi kukaThixo naye wonke omnye umntu, nazo zonke ezinye izinto. Nangaphezulu koko, ukunqula nokudumisa uThixo kusinika isityhilelo sikaThixo nangakumbi. Xa kukho ubudlelane obulolu hlobo ke noThixo, uye azi-tyhile ngokuzityhila kuwe. Abo banqula uThixo ngenene nangenyaniso ababhaduli. Kunike ingqalelo eyodwa ngakumbi ukunqula uThixo kuba oko kuya kubutshintsha ubomi bakho.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Nkosi ethendekayo, ndiyakuvuma, ndiyakwamkela ndikubulela ukuthembeka kwakho, ububele, uthando lwakho kunye nobabalo lwakho olusebenzayo kum. Ndiyakubulela Nkosi yam ngentliziyo yam yonke egcwele indumiso, ngeGama



AMAZWI ESIPROFETO

Lo unyaka kum ngowemimangaliso nobungqina obungaqhelekanga, kunjalonje obuza kuhlala busisabelo sam ngenxa yentliziyo yam egcwele indumiso nokunqula uThixo ophilayo.



FUNDA UZANDISELE
KwabaseFilipi 3:3



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 215
UYobhi 22-24
KwabaseKorinte I 4

UKUPHOKOKA KWEYOILE ENGAQHELEKANGA

Ulsaya 28:21 (NIV)

Ngokuba uya kusuk' eme uYehova, njengasentabeni yePeratsim; uya kuguguma, njengasentilini yeGibheyon; ukuba enze isenzo sakhe esisodwa, ukuba asebenze umsebenzi wakhe, umsebenzi wakhe ongaqhelekileyo.

Ukuba ndinokubuzwa abantu ukuba bayakholwa na ukuba uThixo Wadala ihlabathi okanye wavusa uYesu ekufeni, uninzi lungavuma lungathandabuzi nokuthandabuzwa. Kodwa, ngasizathu sithile, xa kufika ekubeni amandla akhe ayasebenza na ebomini bethu, uninzi luyamthandabuzwa.

Incwadi yamaHebhere 13:8 ithi, “UYesu Kristu ukwanguye izolo, nanamhla, ase kuwo amaphakade.” UThixo wemimangalisano engaqhelekanga akatshintshanga. Usengulaa Thixo esisesandleni sakhe isiseko somhlaba, uyalela intsasa, inkwenkwezi nganye esibhakabhakeni ikhanyiswa nguye. Usengulaa Thixo wahlula uLwandle olubomvu, lo wamisa ilanga nokwavula amehlo eemfama. Wonke umsebenzi okhamnqisayo awayewenza ngoko usawenza nanamhlanje.

Mihla le ke zikhumbuze oku, uya kukubona ukukuphokoka kweoyile yakhe engaqhelekanga kulo nyaka!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngokuhlala usebenza ebomini bam, undenzela izinto ezingaqhelekanga. Ndikubulela ngokwenene, eGameni leNkosi uYesu. Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

Ngale oyile ingaqhelekanga entlokwini yam, wonke ummangalisano ongekafezeki mawufenzeke ngoku ungalibazisanga!



FUNDA UZANDISELE

UYeremiya 32:27



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 216

UYobhi 25-27

KwabaseKorinte I 5



NDINAKO

ULuka 9:16-17 (KJV)

Ezithathile ezo zonka zihlanu nezo ntlanzi zimbini, ukhangele ezulwini, wabulela, waziqhekeza, wamana enika abafundi bakhe ukuba babele isihlwele. Badla ke bahlutha bonke, kwaza kwaqokelelwa iingobozi ezilishumi elinambini zokutya okuseleyo.

Esi sesinye sezona zifundo zinamandla ezibhalweni ezingcwele, ezibonisa oko uThixo anokukwenza esebenzisa nje okuncinane. Bangaphi abafunda le mfundiso ngalo mzuzu abaziva bengafanelekanga, bengenathemba, okanye abajonge nomsebenzi omkhulu obaxhalisayo? Injongo kukujonga le nto unayo ngamehlo eNkosi. Yona yajonga izonka ezihlanu neentlanzi ezimbini yabona ukuba kuza kwanela amawakawaka abantu.

Ngolu suku ujongene nalo, musa ukumcuntsa uThixo. Izimanga azenzayo ezingaqhelekanga akukhathaliseki nokuba zikumila kuni okanye zibukhulu bungakanani na. Akuzi koyisa nje kuphela, uza kwanda, uphumelele, uqhame, uphindaphindeke, kude kushiyeke uphe nabanye! Khwaza uthi, 'Ndiza kwenza kwenzeke!'



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Thixo othandekayo, ndiyizisa kuwe yonke into endiyiyo ukuze wena undisebenzise. NOkuba ndingajongana nantoni na, ndiyazi ukuba ndiza kuphumelela kuyo ngenxa yokuba ndinawe, Bawo.



AMAZWI ESIPROFETO

NgoKrestu ndenza obekungenakwenzeka. Ndingayiphosa ibhrakfesi, ilantshi kanti nesopholo kodwa izipho zam ezahlukileyo nezingaqhelekanga ezivela kuThixo zona soze ndiziphose. Halleluya!



FUNDA UZANDISELE
KwabaseFilipi 4:13



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 217
UYobhi 28-29
KwabaseKorinte I 6

GoodNews
DAILY

INGQINA ELIGQIBELELEYO

Izenzo 1:8 (NIV)

Niya kwamkela ke Amandla, akubon' ukuba uMoya oyiNgcwele uhlele phezu kwenu; nibe ngamangqina am eYerusalem, kwanakulo lonke elakwaYuda nelaseSamariya, kude kuse nasekupheleni komhlaba.

Izibhalo ezifana nesi zisisikhumbuzo esihle sendlela asithanda ngayo uBawo wethu oseZulwini.

UYesu akubuyela kuBawo, akazange abashiye bengenamandla abantu bakhe—wabashiya nesithembiso esiqinisekileyo. Kwakungaphezulu kobuthunywa oku; kwakuyinjongo engaphezu kwengqiqo yenyama. Kwalo Moya mnye wamthambisayo uYesu ukuba ashumayele iindaba ezilungileyo kumahlwempu, ukubopha abantliziyo zaphukileyo, nokukhululwa abathinjiweyo, uphila ngaphakathi kuthi ngoku. Oko kuthetha ukuba asithwelanga zindaba zilungileyo nje kuphela; sithwele yena ngokwakhe.

Ngokuba ukwazi ke oku, akufanelanga ukuba kube lula ukumgcina abe nawe wedwa! Khawumthi chatha ezincokweni emsebenzini okanye eziklasini, kwiilekhtsha (lecture rooms) zakho, iZulu lihlele eMhlabeni ngawe. Asingobabukeli nje thina eBukumkanini; sibuthwele yaye kufuneka sizisasaze iindaba ngabo. Yiba lingqina lakhe namhlanje.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, kuqala ndikubulela ngokundithanda kangaka. Enkosi ngokundinika uMoya oyiNgcwele ohlala undinceda ukuba ndibe lingqina eligqibeleleyo elibizela eminye imiphefumlo kuwe.



AMAZWI ESIPROFETO

Ubomi bubungqina obugqibeleleyo bukaKrestu. Ndiphila nje, ndihamba, ndithetha, ndiyiBhayibhile ephilayo etsalela izihlelele kuKrestu!



FUNDA UZANDISELE



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 218

ULuka 15:1-10

KwabaseRoma 10:13-14

Iindumiso 81-83

GoodNews DAILY

UTHINI UMBONO WAKHO?

Imizekeliso 29:18 (KJV)

Apho kungekho mbono baba yimiqhathu (iindlobongela; abalawul-eki; bayaphelelwa; bayatshabalala) abantu...

Ndiqinisekile uqaphele ukuba ngamanye amaxesha emakhayeni ethu kubakho elaa gumbi lithile ungalaziyo lelantoni kanye. Ngenye imini liba ligumbi leendwendwe, ngenye istora, ngenye kuchetyelwa kulo, ngenye ligcina ukutya, yipentri, ukanti ngelinye wofika kubekwe kulo kwanto nje ingenandawo apha ekhayeni. Buba njena ke ubomi bomntu ongenazinjongo zicacileyo. Kulula ukubuxakekisa, ubugcwalise ngezinto eziyimfeketho ezisa kwantshabalala. Le nto ingumbono uyibona ngokuqonda ukuba yintoni na ekufuneka itshintshile, uyibeke ithi gca einokutshintsheka, leyo iza kutshintsha, nendlela oza kufikelela ngayo kolo tshintsho. Ndingathi umbono yinto efana nebhlorho ephakathi kwale ndawo ukuyo nale kufuneka uye kuyo.

Kwaye kwafuneka ukuba ndibe nombono ngeSpirit Embassy kungekabikho nophawu lokuba iya kuze ibe iyiyo. Jonga ke ukuba siphi namhlanje. Sisiphumo sokuba nombono esi. Uthini owakho umbono ngobomi bakho? Wubhale phantsi wakugqiba uthi ngqo kuwo uwulandele.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, ndincede ndiphile ubomi ngokombono nenjongo yoMoya wakho. Ndikhokele ukuze ndiziphephe iziphazamiso endleleni, ndibe ngumthunywa woBukumkani bakho eGameni likaYesu. Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

Andinakuze ndibe sisibhadubhadu nje, ndingazazi ukuba ndiya phi, ndenza ntoni ebomini bam. Nyathelo ngalinye endilithathayo limiselwe nguThixo yaye lindikhokelela ekubeni ndibe nobungqina obusisimanga, obungaqhelekanga, obubhid' ingqiqo yomntu, ngeGama likaYesu!



FUNDA UZANDISELE
UHabhakuki 2:2



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 219
UYobhi 30-31
KwabaseKorinte I 7:1-19



EYONA KHAMPASI

Indumiso 119:105 (KJV)

Lisisibane seenyawo zam ilizwi lakho, likukukhanya emendweni wam.

Uvavanyo oluninzi lubonis' ukuba umntu ukwazi ukuhamba iimitha eziyi-100 kuphela ethe ngqo okanye streyithi kungekho nto sikhanyiso okanye kumnyama. Ngaphaya kwezo mitha ziye-100, uvela abhadule nje, ahambe ahambe abuye azokuthi gqi kulaa ndawo ebeqale kuyo.

Nasi isifundo omawusifumane kule vesi yanamhlanje: xa ufuna ukwazi ukuba ithini injongo kaYehova ngobomi bakho yaye mawenze ntoni, funda iLizwi likaThixo. ILizwi likukukhanya, yikhampasi yakho, lingumkhokeli wakho; ukuba ulandela lona, akusoze ulahleke. Uya kuhamba ugqithe lee kwezo "mitha ziye-100" bezinokuba ngumqobo obekwe ngumtyholi ebomini bakho.

Wakuhlala eLizwini, amehlo omoya ayavuleka utsho ubone ekufuneka ukubone. Utsho uyazi ekufuneka uyenze nekufuneka uyithethe nasemagumbini eengxoxo okanye eziknundleni. Ngena eLizwini ukuze ungabe ufunisele ukuba usuku lukuphathele ntoni na. Akukho nto iza kwenzeka ungayilindelanga namhlanje.



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, ndiyabulela ngeLizwi lakho elisisipho esikhulu, esisibane esikhokela inyathelo ngalinye endilithathayo. Ndithembe ukukhokelwa nguwe kuko konke endikwenzayo nokulandela iLizwi lakho ngokuzinikela, ngeGama likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Ukususela namhlanje, amehlo am athe ntsho kwiZwi likaYehova, lona elingumkhombi wendlela, ikhampasi yam. Ndingquba, ndidiliza konke, ndigqobhozela ngaphaya kwako konke okunga kungangumqobo. Impumelelo yam ayinasiphelo!



FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 3:5



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 220

UYobhi 32-33

KwabaseKorinte I 7:20-40



IZWI LIYEZA

UMateyu 12:37 (NLT)

Umntu uya kugwetywa, okanye akhululwe, ngokwamazwi akhe.

Amagama zezona zinto zinamandla emhlabeni. Libala ngodumo, ubutyebi okanye amabali aqhayisa ngobutyebi obungabonakaliyo: amagama anzulu. Ziliwe iimfazwe ngenxa yamagama. Ziqhekekile iifemeli ngenxa yamazwi athethiweyo; baninzi abafileyo ngenxa yamagama, zagutyungelwa yintswelo nentlupheko izizwe ngenxa yamagama.

UTHixo yonke into uyidale ngokuthetha amazwi yaye ngawo amazwi akhe yonke into iphantsi kolawulo lwakhe. Ikwangamama akho ke akugqibelayo apho uphila, uhlala khona ngonaphakade. Ngako konke ke oku, wenzeni ngawakho amagama okanye amazwi owathethileyo? Uza kuwasebenzisa njani namhlanje?

Enye yezinto ekufuneka uziqhelise yona kukuthetha ubhekise emzimbeni wakho—usebenzise amazwi akho ukugcina umzimba wakho usempilweni entle ngokugqibeleleyo. Thetha ngomlomo wakho, ubhengeze ukuba womelele, usempilweni. Wuxelele umzimba wakho, uza kukuva. Nokuba ukuxelele ntoni ugqirha; gqampu, uthi qabavu, ubuyele empilweni. Umzimba womntu ufana nesilwanyana esifuna ukuqeqeshwa. Qinisela kule nto ufuna ube yiyo umzimba wakho, uwunyanzele, uya kubona. Uya kude uvume, wenze ngokwamazwi akho.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, ndiyabulela ngobomi bakho obubaleka emithanjeni yam. Ndiphile saka, impilo yasebuthixweni, ndinamandla ndidlamkile ngenxa yokuba ndinawe.



AMAZWI ESIPROFETO

Umzimba wam ndiwukhulula kuso sonke isiqalekiso sabo nobunjani ubuthathaka, ndiwabuyisela onke amalungu omzimba wam abekwe kwiminquba yobumnyama! Andinasifo mna ngeGama likaYesu! Umzimba wam ndiwukhulula



FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 18:21



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 221

UYobhi 34-35

KwabaseKorinte I 8



ABAHAMBISI BOBABALO

KaPetros I 1:1-2 (KJV)

UPetros, umpostile kaYesu Kristu, ubhalela abanyuliweyo... ngokokwazi kwenxa engaphambili kukaThixo uYise...Makwandiswe kuni ubabalo noxolo.

Inye into oyifumanayo ke kwiincwadi zikaPawulos, uPetros noYohane, lulwazi nokuluqonda kwabo ubabalo noxolo lukaThixo. Babekuqonda ukubaluleka namandla obabalo noxolo kubomi babantu bakaThixo. Kwesi sifundi sanamhlanje, uPetros uyanaba asibonise into emangalisayo. Ekuqaleni kwale ncwadi yakhe uthe, "Makwandiswe kuni ubabalo noxolo." Awu! Kanti ubabalo olu noxolo zizinto ezinokwandiswa? Njani?

Ekuqaleni kwencwadi yakhe yesibini, ubalula nto ithile njengempendulo yakhe: uzandisa ngokwazana noThixo kunye noYesu Krestu iNkosi yethu. Xa wandiselwe ubabalo, uyagqwesa, wenza kakhulu, unenkoliseko kaThixo (ifeyiva), kunye nobomi obunempumelelo. Ayibi nguwe wedwa ke oxhamlayo, kodwa uthi wakwandelwa, wakuchunyelwa, unabise izithebe zobabalo, wabele nabanye.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Ndiyabulela Bawo Othandekayo, ngokwandisa ubabalo noxolo lwakho kum ngelizwi lakho elibhaliweyo.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiyakhula kubabalo noxolo lukaTata wam, bunyuka noBukumkani bakhe, umoya ondingqongileyo kaThixo uthumela uloyiko nokungcangcazela enkampini yotshaba. Mayizukiswe iNkosi!



FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 1:7



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 222

UYobhi 36-37

KwabaseKorinte I 9

GoodNews DAILY

XOLELA QHA

KwabaseKolose 3:13 (KJV)

Nixolelana, ukuba ubani uthi abe nokusola ngakubani; njengokuba naye uKrestu wanixolelayo, yenjani njalo nani.

Kuyinyani ukuba kumanye amaKrestu kunzima ukuxolela. Nakuba bezelwe ngokutsha, bethetha izilwimi, bethembekile enkonzweni, athi amrhamente eyifunda iBhayibhile kanti nabefundisi, bayakwazi ukuhlala benenzondo ekumashumi-shumi eminyaka. Kanti ke akukho mzekelo apho iBhayibhile ikukhuthaza khona ukuba mawunqalele omnye okanye ungamxoleli omnye nokuba kungaasiphi isizathu.

Kwivesi yanamhlanje, uPawulos uyichaza ngokuthe ngqo indlela ofanele uphendule ngayo ebantwini abakuphoxayo okanye abakukhathazayo. Njengokuba ubomi obu buneemeko ezidanisayo, kubalulekile ukuqondisisa ukuba wayethetha ukuthini na uPawulos ngoku wayebhala la mazwi. Ukuba uThixo ebenokwenza njengoba abantu abathile besenza, akhethe ukungaxoleli, ibingakushiya phi loo nto wena? Unezi zinto zingalunganga zingaka zonke, ungaboluleli isandla nje nabanye ubaxolele? AsibobuKrestu ukungaxoleli. Akukho mfuneko yakube ucacisa, unika isizathu. XOLELA QHA!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, ndifundise ukungabambi nqala ngezinto ezenziwe kum. Hlambulula intliziyo yam ngoMoya wakho kuko konke endikubambileyo nokuba kungabani na. ENkosi bawo, ngokundixolela.



AMAZWI ESIPROFETO

Andizi kubambelela bubini mna. Ngawo lo mzuzu, ndimxolela wonke owakha wandenza into embi-owayenza kudala, oyenza ngoku noseza kuyenza!



FUNDA UZANDISELE

UMateyu 6:14-15

Kwabase-Efese 4:32



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 223

UYobhi 38-40

KwabaseKorinte I10:1-17

UVAVANYO OLUKHULU

ULuka 16:11 (KJV)

Ukuba ngoko anibanga nakuthembeka ebutyebini bokungalungisi, ngubani na owonithemba kobo buyinyaniso?

Indlela oyiphatha ngayo noyihlonipha ngayo imali yakho, livavanyo lukaThixo lokuba uzilungele na iindawo eziphezulu ebomini. Uyijongile indlela oyisebenzisa ngayo imali yakho kwaye oko kuyamnceda ukuba abone ukuba ulilungele na inqanaba elilandelayo. Uyayibona into enjalo?

Ngokumamela uMoya kaThixo nangokuzeyisa (ukuzibamba), ungakwazi ukuphila ubomi obungenamatyala, ungafani nabanye. Ukuba akukwazi kuzilawula, unenkitho kangangokude ungabi nakusikhupha isishumi, unikele nakweminye imisebenzi yenkonzo uMoya Oyingcwele akuxelela ukuba ufake isandla kuyo, oko kuthetha ukuba wohlulwa luvavanyo uThixo alusebenzisa ukukukhangela ukuba ukulungele na ukungena kwiindawo eziphakamileyo. Imali yakho luvavanyo olukhulu! Yiba ligosa elilungileyo, ungene kwinto ezinkulu kulo nyaka weStrange Oil.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, ndifundise ubulumko kunye nokuzibamba kwimicimbi yezemali ukuze uzokwazi ukundithemba ngobutyebi bokwenene boBukumkani bakho, eGameni likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Kulo nyaka ndiza kwandelwa yimali kuba ndiligosa elithembekileyo lemali. Ityala licinyiwe, kuyathengwa, imali iza ngeendlela ezingaqhelekanga, ngeGama likaYesu!



FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 3:9-10



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 224

UYobhi 41-42

KwabaseKorinte10:18-33



GoodNews
DAILY

UKUZINIKELA NGOKUPHELELEYO

KwabaseRoma 12:1 (KJV)

Ndiyanivuselela ngoko, bazalwana, ngeemfefe zikaThixo, ukuba niyinikele imizimba yenu ibe lidini eliphilileyo, elingcwele, elikholekileyo kuThixo: inkonzo yenu ke leyo yasengqondweni,

Ngamaxesha eTestamente eNtsha yayingekho into ekuthiwa lidini eliphilayo xa kwakunyuswa amadini ngezilwanyana. Kwakuthi yakuhlatywa loo nto kwenziwa ngayo idini esibingelelweni kube kugqityiwe; ifile. Kambe uThixo uthi thina masinikele ngemizimba yethu ngoku siphilayo. Oku kuthetha ukuba uThixo ufuna abantu abazinikele ngokupheleleyo kuye, kwinqongo yakhe, nabaphilela yena ngokugqibeleleyo.

Akuyomfihlo ke ukuba iminqweno yethu yasenyameni ikholisa uku-chasana nezicwangciso zikaThixo ngobomi bethu. Ilwa ngazo zonke iindlela ukuze izenzele unothanda kuthi ngalo lonke ixesha. Kodwa khumbula ukuba wena ungubani, idini eliphilayo angasebenza ngalo uThixo kuphela ukuba wena unikela ngalo.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, ndiyaguquka kwiindlela zam ezitenxileyo zokuphila ngokwasenyameni. Ndiyakugweba oko ndithi kukukuvukela (irebheliyoni), kwaye ndiyala ukuyinika indawo ebomini bam ukususela namhlanje!



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiyabhubhisa onke amandla obubi, amandla kasathana angina ebomini bam ngenxa yeminqweno yenyama. Ukuqala namhlanje, mandikhokelwe nguMoya kaThixo naye uThix yedwa!



FUNDA UZANDISELE



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 225

ULuka 15:11-32

KwabaseKorinte I 6:19-20 lindumiso 84-86



ZINIKE IXESHA NGOKO NANGOKO

UMarko 6:45-46

Wabanyanzela kwaoko abafundi bakhe ukuba bangene emkhombeni... Akuba ebulisene nabo, wemka waya kuthandaza entabeni

Igama elithi 'kwaoko' (ngoko nangoko) kwivesi yethu ligama lesiGrike elithi euthéōs, elithetha ukwenza into ngoko nangoko, ungabazisanga okanye ungaphazamiseki. Eli gama lithetha ngokwenza kukaYesu ngexesha elifanelekileyo nangokuzimisela, ukuzinikela kwakhe, Impendulo yakhe ngoloyiso olukhulu olwalusandula kubakho lokutyisa amawaka amahlanu yaba kukuthi kwangoko azikhwebule kwabanye aye kwindawo anokuthandaza kuyo apho wayengazi kuphazanyiswa khona.

Ukuzibekela ixesha uwedwa noThixo akufanele kube yingxaki okanye umngeni (itshalenji) kubantu abathi bangamaKrestu. INkosi yethu uYesu Krestu yayineminyaka emithathu kuphela ukuba izalisekise umsebenzi wayo, owona msebenzi wawumkhulu wawumxakekisile emhlabeni. Noko wayenako konke oku emagxeni akhe, wayehlala ethatha ixesha lokuthandaza ngaphandle kwindawo angazi kuphazamiseka kuzo. Yintoni ethatha ixesha lakho lokuba wedwa noThixo? Inenzuzo loo nto? Impendulo ihlala inguhayi ke. Zinike ixesha ngezinto zikanaphakade.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, ngokukhokelwa nangemfundis kaMoya Oyingcwele, ndifundise ukuthi apha ekucwangciseni iintsuku zam wena uhlale ukwindawo yokuqala.



AMAZWI ESIPROFETO

Ukususela namhlanje, imihla yonke ndiza kuyichitha noThixo. ndiza kuchitha ixesha mihla le ebukhosini boBawo. Akukho ziphazamiso nazinti ziza kundithintela ekubeni ndihlaziye, ndenziwe mtsha nguBawo egameni likaYesu!



FUNDA UZANDISELE

UMateyu 6:6



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 226

Imizekeliso 1-2

KwabaseKorinte I 11:1-16

INTO AYIQALILEYO, UZA KUYIFEZA

KwabaseFilipi 1:6 (KJV)

ekubeni ndikholose ngayo le nto, yokuba lowo wawuqalayo ngaphakathi kwenu umsebenzi olungileyo, wowufeza, ide ibe yiloo mini kaYesu Kristu;

Nika ingqalelo kwilizwi elithi “ukukholosa” kwivesi yanamhlanje. Intsingiselo yalo yokuqala ligama lesiGrike elithi peíthō, (confident) elithetha ukuqiniseka, ukuba nengqiniseko, ukuba nokholo olupheleleyo, nokuba nentembelo engathandabuzekiyo. Xa uMpostile uPawulos wayebhala le ncwadi, wayethetha ngoThixo amaziyo. Wayembonile emkhupha kwi-ingxaki ngeengxaki.

Lo nyaka simphiwe nguThixo njengoNyaka weOyile engqhelekanga, emangalisayo, the Year of Strange Oil. Unentembelo engakanani yokuba leyo ayiqalileyo ekuqaleni kwalo nyaka uza kuyigqiba? Ukuba uyafuna, uMoya Oyingcwele angakufezela nantoni. Okufuneka kukuba wena ube nokholo olukhulu kuye, ungathandabuzi nakancinci uza kukungqina ukuzibonakalisa kwakhe kuwo wonke umsebenzi omhle awuqalileyo kuwe.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, kulo Nyaka weOyile engaqhelekanga, Year of Strange Oil, ndiqinisekile ngokupheleleyo ukuba wenze umsebenzi ogqibeleleyo kum kude kube yimini kaYesu Kristu, kwaye ndiyabulela!



AMAZWI ESIPROFETO

Ndithi yonke imimoya ekhohlisayo emi endleleni yokholo nentembelo yam eNkosini iyemka. Yonke intsikelelo endiyinikiweyo iza kuzaliseka ngokugqibeleleyo eGameni likaYesu!



FUNDA UZANDISELE



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 227

Imizekeliso 3-5

KwabaseTesalonika 1:5-24 KwabaseKorinte 11:1-16



GoodNews
DAILY

LAHLA PHAA UBULONGWE BENJA!

KwabaseFilipi 3:8 MSG

...zonke izinto ebezibalulekile kum ndiye ndazishiya yaye ndizijonga njengenkunkuma eninzi (ubulongwe benja), ukuze ndifumane uKristu.

Wakha wadibana naba bantu bangakwaziyo ukulahlala izinto zakudala? limoto ezinohlwa (irusi) nezityiwe ziimpuku zibolela eyadini, endlwini kuxinene yinkunkuma—yimfumba yezinto, iintambo zombane, oomatshini abadala abanyuke ngodonga abagcwele uthuli, iisuthkheyisi ezigcwele iimpahla ezinuka ukugunda, zinamanundu. Unawo nje umfanekiso wale nto imbi kangakanana?

Ngokwasemoyeni obu bubomi babanye abantu. Kunokuba bajongane nemicimbi yabo, balungise ukuhlala, bazicoce, bazihlambulule, hayi inkunkuma iyenyakula. Ezi mfumba ngeemfumba ke kukungaxoleli, ingqumbo, ubukakra bomphefumlo, umona nezinye iintlobo zenkunkuma apha ngaphakathi—yinkunkuma nje enukayo! Yintoni le uyigcine entliziyweni yakho namhlanje? Lilindle lenja lonke elo! Lahla la mabibi emgqomeni! Wakhuphe! Zicoce bo, wakugqiba uqhubele phambili!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ngokukhokelwa nguMoya wakho Oyingcwele, ndincece ndizibone xa ndiqalisa ukugcina izinto ezibambezelayo ngaphakathi. Andisayi kuze ndibambelele kuyo nayiphi na into embi (amabibi) ngegama likaYesu! Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

Namhlanje, ndiqala inkqubo yokucoca ukuze ndilahle lonke ibibi ebendibambelele kulo. Ndiza kwenza izinto ngokukhululekileyo, ndicacelwe kuko konke, ndisetyenziswa nguThixo kulo Nyaka weStrange Oiii! yeZinye izinto!



FUNDA UZANDISELE

KwabaseFilipi 3:13-14



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 228

Imizekeliso 6-7

KwabaseKorinte I11:17-34



GoodNews
DAILY

BULELA

kwabaseTesalonika I 5:18

Ezintweni zonke bulelani; kuba oko kukuthanda kukaThixo kuKrestu Yesu ngani.

Njengokuba ufunda esi sifundo nje namhlanje, usenokuba anjengoko ufunda oku, usenokub akwanelisekanga yindawo okuyo ebomini. Laa nkampani ixabisa iimiliyoni ngeemiliyoni zeedola wawucinga ukuba uya kube unayo namhlanje, laa mzi mkhulu wawucinga ukuba uya kube uwakhile, zizinto ezisesengqondweni kuphela. Nangona kunjalo, mhlawumbi uya kuvuma ukuba izinto azimbi noko njengokuba bezinokuba njalo!

Inyaniso yeyokuba zininzi izinto omawube nombulelo ngazo! Ukwazile ukuvuka uye ecaweni namhlanje; abanye abavukanga kwaphela. Usenokungabi nazimiliyoni okwangoku, kodwa buleloa uThixo ngomsebenzi lo unawo. Usenokuba akukabi namntwana, kodwa yithi enkosi kuThixo ngomyeni wakho okanye ngenkosikazi yakho. Uyabona ininzi into onokuyibulela xa nje ubunokuvula amehlo ujonge!

Namhlanje, xa ubuzwa ngumntu ukuba unjani, phendula uthi, "NDIYABULELA!" kwabaseTesalonika I 5:18

Ezintweni zonke bulelani; kuba oko kukuthanda kukaThixo kuKrestu Yesu ngani.

Njengokuba ufunda esi sifundo nje namhlanje, usenokuba anjengoko ufunda oku, usenokub akwanelisekanga yindawo okuyo ebomini. Laa nkampani ixabisa iimiliyoni ngeemiliyoni zeedola wawucinga ukuba uya kube unayo namhlanje, laa mzi mkhulu wawucinga ukuba uya kube uwakhile, zizinto ezisesengqondweni kuphela. Nangona kunjalo, mhlawumbi uya kuvuma ukuba izinto azimbi noko njengokuba bezinokuba njalo!

Inyaniso yeyokuba zininzi izinto omawube nombulelo ngazo! Ukwazile ukuvuka uye ecaweni namhlanje; abanye abavukanga kwaphela. Usenokungabi nazimiliyoni okwangoku, kodwa buleloa uThixo ngomsebenzi lo unawo. Usenokuba akukabi namntwana, kodwa yithi enkosi kuThixo ngomyeni wakho okanye ngenkosikazi yakho. Uyabona ininzi into onokuyibulela xa nje ubunokuvula amehlo ujonge!

Namhlanje, xa ubuzwa ngumntu ukuba unjani, phendula uthi, "NDIYABULELA!"



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, ndithi ndakujonga apho undithathe khona nendawo ondiceke kuyo yoxolo nokuphumla ndingabi namazwi wambi ngaphandle kokuthi ENKOSI, NDIYABULELA!



AMAZWI ESIPROFETO

Andisayi kuze nyeke ukubulela eNkosini. Ndiyaphuma ebukhobokeni ndiya enkululekweni ngankalo zonke zobomi bam kuba ukubulela kwam eNkosini kuza kundyusela ephezulu!



FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 5:20

KwabaseKolose 3:17



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 229

Imizekeliso 8-9

KwabaseKorinte I 12

FUNDISA ABANTWANA BAKHO

IDuteronomi 11:18-19 (MSG)

Ngoko ke lamazwi ndininike wona ze niwalondoloze abe sezingqondweni zenu nasemoyeni wenu (ezintliziweni zenu) ...Ze niwafundise abantwana benu, nincokole ngawo xa nihlelo ekhaya, ngokunjalo naxa niseluhambeni; nditsho xa nilalayo naxa nivukayo.

Abazali banoxanduva lokufundisa abantwana babo indlela yokuphilela uThixo kunye nokuba nolwazi lweLizwi lakhe. Isibhalo sanamhlanje sikhumbuza abazali nabanakekeli ukuba bathathe naliphi ithuba abalifumanayo bayenze loo nto. Abanye abazali bacinga ukuba olona xanduva lwabo kukwenzela nokunika abantwana babo izinto. Hayi akunjalo! Olona xanduva lwabo lukhulu kukubanika imfundiso yeLizwi likaThixo nentsulungeko yalo.

Akunyanzelekanga ukuba nibambe izifundo seBhayibhile mihla le, kodwa yenze isiqhelo into yokuhlala ubakhumbuza abantwana ngobubele bukaThixo ebomini benu. Xa nisiya esikolweni, bakhombise ummangaliso wendalo kaThixo. Xa nisitya, bulela uThixo ngokuba enibonelele ngokutya. UThixo ukuyo yonke indawo; abantwana baqheliseni naye,



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, ndifundise indlela yokusebenzisa eli Lizwi lakho ngokwenyani yonke imihla ukuze abantwana bam bakhule ekukwazini.



AMAZWI ESIPROFETO

Abantwana bam baza kukhula eLizwini imihla yonke. Ngegunya endinalo ndiyabakhulula kulo naluphi uqhagamshelwano olubi neempembelelo ezimbi ezichaphazela ukukhula kwabo, eGameni likaYesu!



FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 22:6



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 230

Imizekeliso 10-12

KwabaseKorinte 14:1-19



MASIVUMELANE

UMateyu 18:19

Kanjalo ndithi kuni, Ukuba ababini kuni bathe bavumelana emhlabeni apha ngeendawo zonke abazicelayo, bozenzelwa nguBawo osemazulwini.

Abantu abaninzi abangamKrestu abawaqondi amandla akhoyo xa kukho isivumelwano. NgesiGrike igama elithi “vumelana” (agree) kwivesi yomxholo wethu ligama elithi sumphōnéō. Livela kwelo ke eli gama lithi simfoni. Lithetha ukuxoxisana kujongwe kwimvumelwano, okanye ukuba nesivumelwano.

Isimfoni okhestra idibanisa izixhobo zomculo ezininzi ezahlukeneyo ukuze ikhuphe umculo ohlangeneyo. Xa uphulaphule ukubetha kamnandi kwezixhobo ezo ziyondelelene uya kuqonda ukuba kutheni isixhobo esinye besingayi kukhupha nto inancasa. Akukho mntu ufanele ukuma yedwa oku kwesiqithi. Umele ukubamba ngezandla nabanye, nivumelane ngezinto, ezingekho ngobomi bakho nje qha, koko nangezo zichaphazela ezasemhlabeni. Khawube nemvumelwano nomntu ngomthandazo namhlanje malunga neesistim zezmfundo, ezamazwe, ngenkonzo yakho, ngosapho, njlnjl, kuya kwenzeka njengoko nifuna.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngeLizwi lakho eliyalela ukuba apho kukho ubunye, ianoyinting yobukho bakho iyaphuphuma, ithi intsikelelo yakho mayibonakale phakathi kwethu.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiprofeta ukuba ngalo lonke ixesha ndibambisana nabazalwana emhlabeni jikelele ngomthandazo, oko sikuthethayo singumzimba kaKrestu kuza kwenzeka eGmaeni likaYesu!



FUNDA UZANDISELE
UYohane I 5:14-15



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 231
Imizekeliso 13-15
KwabaseKorinte I 14:20-40



Isityhilelo 2:5 (KJV)

Khumbula ngoko apho uwe usuka khona, uguquke...

Igama elithi “guquka” (repent) kwisiGrike lithi metanoéō. Lithetha ukwenza isigqibo, ukutshintsha ngokupheleleyo, okanye ukujika ngokupheleleyo indlela ocinga ngayo, okholwa ngayo okanye ophila ngayo. Igama elithi repent linika umfanekiso womntu otshintsha ngokupheleleyo. Jonga iBandla lase-Efese umzekelo.

INcwadi yeSityhilelo 2:5 isixelela ukuba uYesu iNkosi yethu wawangqala amaEfese xa wayewaxelela ukuba aye avumela ukuba ubudlelane naye budodobale. Eli lalilelona bandla lingumzekelo, umfuziselo amanye amabandla ayenokuwulandela. UYesu wathi kumalungu alo neenkokeli zalo “awile”; abuyele umva. Ingaba kunjalo nakuwe? Ingaba usavutha laa mliilo wawuvutha ngaphambili uvutha ngakumbi ngoku, okanye sekuqhuma nje umsi ngoku? Ukuba kunjalo, zama ukukhumbula ukuba uphulukene nawo phi, uguquke, uvuselele laa mliilo wawunayo kaThixo.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngokuthetha nam undixelele ukuba mandiguquke, ndibuyele endleleni. Ukususela namhlanje, ndiyayitshintsha indlela ebendicinga nebendiphila ngayo.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiyaprofeta ndithi yonke into ebomini bam iyatshintsha ukususela ngoko. Ndiqala ubudlelane obunentsingiselo noThixo, uMoya Oyingcwele uyandibasela ngeGama likaYesu!



FUNDA UZANDISELE

Izenzo 3:19



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 232

ULuka 16:1-15

Iindumiso 87-88

GoodNews DAILY

OKUPHAMBILI

ULuka 15:7 (KJV)

...ngokukwanjalo, kuya kubakho uvuyo emazulwini ngomoni eba mnye oguqukayo, kunamashumi asithoba anesithoba amalungisa angaswele nguquko.

Xa uliqonda ngokwenene ixabiso lomphefumlo, uvangelo alubi yinto yecandelo elinye ecaweni; luba yeyona nto ingundoqo. Kwale nto yokuba babe basebaninzi abangamaziyo uThixo kufanele ikudle ngaphakathi ngelixa ulila kuThixo ngabo, ubathandazela ukuba basindiswe. Uthando lukunyanzela ukuba uthethe ungenazintloni kuye wonke umntu oneendlebe zokuva ngaye..

Uyabona, usathana ufuna abantu baphazanyiswe zizinto ezizisa udumo, ubutyebi neziyolo ukuze balibale ngobomi obungunaphakade. Kodwa njengomthunywa nommeli kaKrestu, unoxanduva lokubanceda bayibone inyaniso. Qalisa ke ukubona wonke umphefumlo njengento exabisekileyo efuna ukuhlangukwa.

Ukuba izulu lonke liyavuya ngomoni omnye oguqukayo, ucinga ukuba ungakanani ke umsebenzi esinawo ukuze oko kuphindaphindeukwenzeka? Kubeke phambili njengento ebalulekileyo nengxamisekileyo ukuza imiphefumlo!



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, ndiyabulela ngokuthi usindise ubomi bam, undenze ndibe lilungu losapho lwakho. Ndisebenzise ngoku, Nkosi, ukuzuza imiphefumlo elahlekileyo ekukhanyeni kwakho okungunaphakade.



AMAZWI ESIPROFETO

Ngeli Lizwi namhlanje, intliziyo yam iza kuvutha nangaphezulu kunakuqala luvelwano ngabalahlekileyo. Ndiza ku By this Word today, my heart shall burn with compassion for the lost more than ever. khupha abaninzi ebumnyameni ndibakhokelele ekukhanyeni okumangalisayo kukaThixo!



FUNDA UZANDISELE

UYohane 3:16-17



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 233

Imizekeliso 16-18

KwabaseKorinte I 15:1-28



GoodNews
DAILY

EYONA NTSHUMAYELO INKULU

KwabaseFilipi 2:15 (NLT)

ukuze nibe ngabantwana bakaThixo abamsulwa, abangenabala Phakathi kwesizukulwana esijjekileyo, enikhanyayo phakathi kwaso njengezibane ehlabathini,

Ndihlala ndisitsho ukuba ukushumayela iVangeli akuphelelanga nje ekumeni emva kwepulpiti, unxibe isuti entle, uphethe imayikhrofowuni. Kumaxesha amaninzi, eyona ntshumayelo inkulu neyona isebenzayo bubomi bakho. Indlela oziphatha ngayo, uthethe ngayo, nendlela ohambisana ngayo nabanye abantu, kufuneka itsalele abantu kuKrestu

Isifundo sethu sanamhlanje sisikhumbuzo esifanelekileyo sendlela omele uziphathe ngayo kula maxesha anzima, eziphithiphithi, angenasimilo. Ihlabathi lizele qhu ngabantu abagwenxa. Khanyisela ubomi babo ngesi sakho isibane. Abantu bakubukele: izihlobo zakho, amalungu osapho, abalingane bakho emsebenzini, kwaneendwendwe. Ubomi bakho bungumlayezo. Bavumele abantu “bafunde” ubomi bakho njengophawu olugqibeleleyo olukhomba indlela ebheka kuKrestu.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Thixo wam Othandekayo, ndiyabulela ngokundenza incwadi ephilayo. Ubomi bam bubonakalisa ukuba wena ungubani kwaye bukhuthaza abanye ukuba bakulandele.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiwisa umthetho ndithi bonke abadibana nam baza kubona i-DNA kaThixo apha kum. Njengoko anjalo uThixo, ndinjalalo nam. Ndinempumelelo!



FUNDA UZANDISELE

UMateyu 5:16



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 234

Imizekeliso 19-21

KwabaseKorinte I 15:29-58



GoodNews
DAILY

NDIGQIBELELE, ANDIQHELEKANGA

Kwabase-Efese 2:10 (AMPC)

Kuba thina singumsebenzi wezandla zikaThixo ke thina, kaloku si-manywe noYesu Krestu...

Ukuba amaKrestu ebenokubuqonda ubuchule nobugcisa abunjwe ngabo, uninzi lwemithandazo yezicelo belungazi kuba yimfuneko. UThixo wakudala wangabi naso nasiphi isiphene, kungemi sithintelo okanye mqobo endleleni yakho. Ungumsebenzi wakhe wobugcisa obuphum' izandla, ugqibelele, uphelele, ucikizekile.

Ivesi yanamhlanje ithi ungumsebenzi wezandla zakhe ngo. Akuzoziphumo zikagqirha olungileyo, iivithamini, okanye iindlela ezithile zokutya—ungumsebenzi wezandla zikaThixo. Akukho sayentisti kweli hlabathi ikwaziyo ukugqibelela nokucikizeka kwalo matshini unguwe. Yithi ke uyigcine loo nto engqondweni, ume, uqine, uchasane namaqhinga kamtyholi. Musa ukuvuma ukugula, kwale kuphele ukufelisha nokusilela, nokuba lixhoba ebomini. Phila njengonegunya lolawulo nobungangamsha phezu kweemeko zeli hlabathi. Usisidalwa sikaThixo esingaqhelelanga, ugqibelele ngeenxa zonke!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo ndiyabulela ngokundenza umsebenzi osulungekileyo. Ngenxa yokuba undenze ndagqibelela ngolu hlobo, ndihamba kwimpumelelo engathethekiyo noloyiso osele undilungiselele lona eGameni likaYesu!



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiyala ukuphila nezigulo nokuhlala ndidandathekile ebomini. Ndinobukhosi kuyo yonke imiba yobomi kwaye andisayi kuze ndiwe phantsi. Haleluya!



FUNDA UZANDISELE

Tito 2:14



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 235

Imizekeliso 22-24

KwabaseKorinte I 16



GoodNews DAILY

VUTHA MLILO!

KuTimoti II 1:6 (KJV)

Endithi ngenxa yelo thuba ndikukhumbuze, ukuba usikhwezele isipho sokubabalwa kwakho nguThixo, esikhoyo kuwe ngokubekwa kwezandla zam phezu kwakho .

Kuhambo lwamaKrestu amaninzi, umdla nenzondelelo ababenayo ngaphambili ngezinto zikaThixo uyehla (uyabuna). Ndidibene nabaKhokeli kunye nabashumayeli ekungoku kusele nje amalahle ambalwa anomlilo kubo. abafikelele kwinqanaba apho okushiyekileyo kubo kungamalahle ambalwa avuthayo. Nantsi indlela endibancede ngayo.

Kwisesi yanamhlanje, “ukukhwezela” ligama lesiGrike elithetha anazōpyrēō, elintsingiselo ithi ukuqhwya okanye ukuvuselela. UPawulosi wayekhuthaza umfundisi osemntsha ukuba angqale ukukhwezela, efaka iinkuni kumalahle ayesele efuna ukuphela entliziyweni yakhe.

Mhlawumbi unjengokuba wayenjalo uTimoti nawe: laa nto wawunayo kuqala akusayiva namhlanje. Ndiyakukhuthaza ukuba uthathe ixesha uqale ngokutsha ihambo yakho yezakwaThixo. Qala ekuqaleni. Unawo onke amandla okuqalela umoya wakho, uvuselele adwanguze loo madangaty kwekhona.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyavuma ukuba ndiye ndawuyeka wetha umlilo wam. Namhlanje, ngoMoya Oyingcwele, ndiqala iqalo elitsha, ndiyavuselela.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndenziwe ngomlilo. Ubomi bam bubomi bomlilo nenzondelelo kuThixo. Andisayi kuze ndivume ukuba ucime loo mlilo, eGameni likaYesu!



FUNDA UZANDISELE

KuTimoti I 4:14



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 236

Imizekeliso 25-26

KwabaseKorinte II 1



OFILEYO KWISONO

KwabaseRoma 6:11 (KJV)

Ngokunjalo nani zibaleleni ekuthini, ningabafileyo okunene kwisono; kodwa ningabadla ubomi kuThixo, nikuKristu Yesu, iNkosi yethu.

Ndingathanda ukuba uqaphele igama elithi “zibaleleni” (zicingeni) kule vesi yomxholo wanamhlanje. Kwinguqulelo yesiGrike lithi logízomai, ekuthetha ukugqiba okanye ukubala into njengesele senziwa, kufuneka kuphela ukuqinisekisa kwakho nokwamkelwa nguwe.

Oku kubaluleke kakhulu kuba kusixelela ukuba engqondweni kaThixo, nabani na owawufudula unguye ngaphambili akasenabango, akasangeni ndawo ngoku ukuKrestu nje. Isono namandla aso abulewe ngamandla oMnqamlezo. Yivume, uyamkele le nto ebomini bakho. Akusenguye lowa wawunguye ngaphambili, noba angamana ekukhumbuzi amaxesha amangaphi usathana. KuKrestu, wafa laa mntu mdala. Musa ukuhlala uzikhumbuzi ngesono; wafa kuso, asisabalelwa kuwe!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela kuwe ngentsindiso endayifumanayo kuwe, eyaqinisekisa ukuba ubomi obudala, indlela endandiziphethe ngayo yacinywa. Haleluya!



AMAZWI ESIPROFETO

Endandinguye mandulo wafa. Ngoku ndiphila ngaphaya kweemeko kuba akukho sono sindibambileyo ngeGama likaYesu!



FUNDA UZANDISELE

KumaGalati 2:20



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 237

Imizekeliso 27-29

KwabaseKorinte II 2



NDIYAZIDLA NGOKUBA NDIYITYUWAN

UMateyu 5:13 (KJV)

Niyityuwa yehlabathi nina... □

Ityuwa yinto exhaphake kakhulu kangangokuba ungayifumana naphi na. Kodwa ngamaxesha eTestamente eNtsha, ityuwa yayiduru kakhulu, ixatyiswe kakhulu, isetyenziswa kakhulu ngeendlela ezininzi. Xa iNkosi uYesu yayithelekisa abalandeli bayo netyuwa, yayilwazi kakhule uhlobo lwemifanekiso eyayifuna ukuba ibaleke ezingqondweni zabo, isazi futhi ukuba xa isenza uthelekiso olunjalo, baya kuchukumiseka.

Ityuwa yayisetyenziswa njengesincasanisi sokutya, isigcini-kutya kungaboli, isibulala-ntsholongwane, isixhobo sokunyanga, nezinye izinto. Zonke ezi mpawu zetyuwa yile nto kufanele ube yiyo wena njengoMKrestu. Ingaba kwiindawo ozifumana ukuzo kukho nto abayicholayo abantu kuwe? Bayayifumana incasa yobutyuwa kuwe? Apho ikhoyo ityuwa, iziphumo ziyalandela. Yiba bubungqina!



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, enkosi ngokundenza ityuwa kulo Mhlaba.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndingutyuwa igama lam. Ndiza nempiliso kwabagulayo; ndigutyula iindawo ezinyehfu, ndiza nencasa kwabo bandingqongileyo. Makazukiswe uThixo!



FUNDA UZANDISELE

UMarko 9:50



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 238

Imizekeliso 30-31

KwabaseKorinte II 3

SOZE NDILAHLEKISWE

UMateyu 24:4 (KJV)

...Lumkani ningalahlekiswa.

Akufuneki nokuba ujonge kude kweli hlabathi likungqongileyo namhlanje ukuze ubone ukuba inkohliso ininzi, ikho nakwiindawo obungazilindelanga nakancinci. Ukonakala kokuziphatha kuxhaphake kangangokuba uyazivela nje ukuba inenene sifike kwelona qondo liphezulu.

Kule vesi ingentla, iNkosi uYesu yayixele kwangaphambili ngale nkohliso igqibe ihlabathi kule mihla yokugqibela, yaza yayalela abafundi bayo ukuba oku kuya kuba luphawu lokuba ukubuya kwayo kusemnyango. Njengoko sisondele ngakumbi nangakumbi kule yona kanye imihla yokugqibela, kufuneka sikhumbule isilumkiso sikaKrestu sexesha eza kuthi ilibambe lonke ihlabathi ngalo. Ixesha lokubuya kweNkosi lisondele, bazalwana noodade. Zondelelani, nikhuthale. Phaphani, nikhusele iintliziyo zenu, kwaye ningakhohliswa!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndithandazela ukuba undiphe isibindi, ndikhaliphe, ndimele iLizwi likaThixo, ndingaze ndikhohliswe, eGameni likaYesu!



AMAZWI ESIPROFETO

Amehlo am athankswe ngeoli engummangaliso endinika Amandla okubona ngaphaya kwazo zonke iintlobo zenkohliso! Andisayi kuze kukhohliseka. Makube luzuko kuThixo!



FUNDA UZANDISELE



KwabaseTsalonika II 2:3

365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 239

ULuka 16:16-31

Iindumiso 89-90

NDIXHOBELE UKULWA

KuTimoti I 6:12 (KJV)

Wuzame umzamo omhlo wokholo...

Kukho imbono ephosakeleyo phakathi kwamaKrestu ethi uthi wakube uzelwe ngokutsha ungabuye ujongane neengxaki ebomini bakho. Ayikho tu loo nto. Ihambo yethu noKrestu luhambo lokholo, kwaye ngokwesi sifundo sanamhlanje, indlela yokholo ihlala ifuna ukuba kuliwe de uyifeze imfazwe.

UKuba ufumana ubunzima endleleni eya ekuphumezeni iinjongo zakho, uze ungothuki okanye umangaliswe nto. UThixo ukulumkisile kwangaphambili ngoMpostile uPawulos ukuba ulungiselele umlo. Uze ungatyhafi okanye maze unganikezeli ngamaphupha owanikwe nguThixo. Yima uqine, ujongane ngqo nomchasi, uqhubele phambili uthwele uloyiso namhlanje!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo Othandekayo, maluphindaphindwe ubabalo lwakho endiludingayo kumzamo nomlo wam wonkolo ebomini bam, eGameni likaYesu!



AMAZWI ESIPROFETO

UMoya Oyingcwele ongaphakathi kwam undinika ngamandla akwaziyo ukumelana nalo naluphi uchaso notshaba. Ndiza kuma ndiqine ndide ndoyise.



FUNDA UZANDISELE
KuTumoti II 4:7



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 240
Intshumayeli 1-3
KwabaseKorinte II 4



NIKA INGCACISO

KaYohane I 5:15 (KJV)

Ukuba siyazi okokuba uyasiva esisukuba sikucela, siyazi ukuba sinazo izinto ezicelwayo, esizicelileyo kuye. □

Eminye imithandazo “ayiphendulwa” ngenxa yokuba ingacacanga kakuhle. Yima khe ndibuze: xa uthandaza, ingaba uthandazela ukucela iintsikelelo okanye uyifundile imfihlelo yokucacisa izinto xa uthandaza kuThixo? Imithandazo engangqalanga efana nale ithi, “Bawo, sikelela ubomi bam,” ayithanga ngqo, ayiniki zinkcukacha. Yeyiphi le ndawo ufuna ayisekelele kanye? Olo hlobo lomthandazo ongacacanga, awugqibekanga, awungqalanga ntweni, ngoko awuzi kuba nampendulo.

Kwisifundo sanamhlanje, amazwi athi ‘into enisukuba niyicela’ athetha ukuba nika iinkcukacha zento oyicelayo. Ngokwesigrike igama elithi ‘nanton’ lingathetha ukuthi ubani, eyiphi kanye, intoni. Ngoko ke xa uthandaza, chaza kanye ukuba uthetha ngabani, etheni, eyiphi. Khangela isifundo ezixhasa olo hlobo lwezicelo zakho, ukhankanye izinto ngokucacileyo!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Enkosi, bawo, ngokundikhokela ekubeni ndizifumane izithembiso zakho ezingqamene neemeko zobomi bam eLizwini lakho!



AMAZWI ESIPROFETO

Ukugqibelela kukaThixo kumiselwe kuzo zonke iinkalo zobomi bam endizithandazeleyo. Impumelelo yeyam!



FUNDA UZANDISELE

KuYohane 14:13-14



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 241

Intshumayeli 4-6

KwabaseKorinte II 5

OSEBENZISA NGOKWESIGUNYAZISOAKU

Izenzo 19:15 (KJV)

Waphendula ke umoya okhohlakeleyo, wathi. UYesu ndiyamazi, noPawulos ndiyamazi kakuhle; ke nina ningoobani na?

Ukuba ukuKrestu unalo lonke igunya lokusebenzisa iGama likaYesu namandla kaMoya Oyingcwele. Umoya ongendawo ochazwe kwisifundo sanamhlanje wayelazi iGama likaYesu kwaye wawumazi noPawulos kuba uPawulos wayekuKrestu kwaye waye egunyazisiwe ukuba alisebenzise iGama likaYesu Krestu!

NjengoMKrestu onamandla kaMoya Oyingcwele, unikwe lonke igunya eZulwini naseMhlabeni (UMateyu 28:18). Oko kuthetha ukuba unala mandla asebenza ngawo uYesu Krestu! Ugunyazisiwe ukuba uthethe egameni likaYesu, ulisebenze kanjalo eli gunya phezu kwayo nayiphi imimoya yongendawo eza ngakuwe namhlanje. Sebenzisa igunya lakho wenze izinto ezingaqhelekanga namhlanje!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Ndiyabulela, Bawo, ngokundinika igunya lokwenza izinto eGameni likaYesu! Xa ndixhobe ngeli Gama linamandla, andinakuze ndoyisakale ngeGama likaYesu!



AMAZWI ESIPROFETO

Ndisebenzisa amandla endinawo ukucima lonke uhlaselo lobumnyama olujonge ukunditshabalalisa. Soze ndibe lihlazo logama ndisebenzisa eli gunya!



FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 1:20-22



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 242

Intshumayeli 7-9

KwabaseKorinte II 6



YIBA NOBUBELE

Kwabase-Efese 4:32 (KJV)

Ke ninana yibani nobubele omnye komnye, nibe nemfesane, nixole-lane, njengokuba naye uThixo wanixolelayo ekuKristu.

Igama elithi “ububele” kwesi sifundo sethu sanamhlanje ligama lesiGrike elithi chrēstós. Lithetha ukuba nobulali, ukuthandeka, nokuba nentliziyo phakathi kwezinye izinto. Ukuba unobubele, ungumntu onenkathalo, uyazazelelela iimfuno zabanye.

Eli gama lichaza isimo iNkosi uYesu efuna ukuba sibe kuso ngamandla kaMoya Oyingcwele. Ububele asiyonto ekufuneka ifundiswe nje kubantwana abasaqala isikolo okanye kwisikolo secawa; yinto ekufuneka aziwe ngayo wonke umntu ozibiza ngoKrestu. INkosi yaba nemfesane yakubona umntu owayefuna ukwenselwa into. Bububele obo. Amanye amaKrestu “akupholele” ukubonakalisa ububele. Acinga ukuba xa unobubele ubuthathaka, akubhadlanga, kanti uBawo wethu ubububele buqu. Xa sivala le nyanga, qinisekisa ukuba unyaka lo uwuqhuba ngokubonakalisa ububele kwabanye.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndifundise ngoMoya wakho, indlela yokubonisa ububele kwabo babuswele kakhulu.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndizikhwebula, ndizikhulula kuyo yonke ebikade indibambile ndingakwazi ukwenzela mntu ububele. Ilimini zam ezizayo ziza kugcwaliswa yimfesane kubantu bakThixo!



FUNZA UZANDISELE
KaPetros I 3:8-9



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 243
Intshumayeli 10-12
KwabaseKorinte II 7

UKULUNGELELANISA KWEOLI

USamuweli I 10:1, 6 (KJV)

USamuweli wathabatha igutyana leoli, wamgalela entloko, wamanga, wathi, Inene, uYehova ukuthambisile ukuba ube yingànga yelifa lakhe. ... UMoya kaThixo wokufikela ngamandla, uprofete ndawonye nabo, uguquke ube mntu wumbi.

Yakuthi chatha kuwe ioyile engaqhelekanga (strange oil), utshintsho ulubona kwangoko. USawule akazange abe “ngumntu ongcono” kunento awayeyiyo; waba ngomnye umntu ngokupheleleyo. Uba njalo ke wakufumana intambiso. Ikunika amandla okwenza umsebenzi owabelwe wona.

Kulo nyaka, akulindelekanga ukuba ufezekise intando kaThixo ngobuchule bakho ungumntu. Ioyile engaqhelekanga iza kukubonelela ngoko amandla akho angenakukwenzela kona. Iza kuguqula indlela ocinga ngayo ikwenze uveze u-wena lo limaziyo iZulu. Lindela kuMoya Oyingcwele azokwandisa ikhaphasithi (umthamo) yakho. Uyatshintshwa bo, utshintshelwa ekubeni ngulo mntu lufuna yena ubizo lwakho.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngeoyile engaqhelekanga oyithululeyo ebomini bam. Ndizinikela ngokupheleleyo emsebenzini woMoya wakho. Intambiso yakho mayindiguqule indihlaziye ingqondo, ndize ndizilungelelanise nomfanekiso elinawo iZulu ngbizo lwam.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndithanjiselwe ukwenza izenzo ezizodwa, ezahlukileyo nemisebenzi engaqhelekanga. Ndihamba ngokugqithe amandla omntu ndaye andoyiki nto, ndilukhaliphele ubizo lwam namhlanje.



FUNDA UZANDISELE

Izenzo 1:8

KwabaseKorinte II 3:18



365 BIBLE CHALLENGE - USUKU 244

Iingoma yazo iingoma 1-3

KwabaseKorinte II 8



XA UNGQONGWE ZIZIBELE

Indumiso 5:12 (KJV)

Ngokuba wena uyalisikelela ilungisa, Yehova, ulihlanganisele ngenkoliseko njengekhaka.

Inkoliseko asiyonto uthi uyihambe okanye uyivizithele ngamaxesha athile; yinto ekurhangqayo. UThixo ubeka ifeyiva yakhe ibe ngathi likhaka ukuze amathuba angakuphosi, ungavaleleki kodwa ufikelele ezintweni, neengcango zikuvulele. Iisistimu ezikhoyo kunye nabantu ezivalekayo kwabanye kuwe mazahluke, mazivuleke kwakufika wena.

Iimpazamo zinako ukujika zibe bubungqina xa ifeyiva kaBawo isebenza. Lo nyaka uthwele imisebenzi kaThixo esisimanga, engaqhelekanga, lipolisi ziza kutshintsha, abantu baza kuklandela neemeko ziza kutshintsha izinto zikulungele. . Hamba ngokuzithemba namhlanje; ifeyiva kaBawo ayikho phambi kwakho okanye emva kwakho. Ikujikelezile, ikurhangqile.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngokundirhangqa ngefeyiva yakho njengekhaka. Enkosi ngokuhamba nam namhlanje nokundibeka endaweni endenza ndifikelele kumathuba angaqhelekanga neminyango evulekileyo. Ifeyiva yakho mayithethe endaweni yam ezindaweni elingenakufikelela kuzo elam ilizwi. Igama lam malikhankanywe emagumbini ndinganenanga kuwo, wenze yonke into endiphatha ngokwam namhlanje iphumelele, ngeGama likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiza kuqala iibhizinesi ezininzi, ndibe neeasethi, ndakhe ubudlelane ngendlela engaqhelekanga. Ndirhangqwe yifeyiva engaqhelekanga. Apho ndiya khona namhkanje, iingcango sevuliwe, zivulelwe mna!



FUNDA UZANDISELE
ULuka 2:52



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 245
Ingoma yazo iingoma 4-5
KwabaseKorinte II 9

GoodNews DAILY

ZICELELE UBULUMKO

Ookumkani I 3:9 (ERV)

Ngoko ke mna sicaka sakho ndiphe intliziyo enobulumko, ukuze ndikwazi ukubalawula abantu bakho...

UTHixo soze akugxeke nakanye ngokucela ubulumko. Ndaweni yokukugxeka usuka akunike ngokukhululekileyo nangobubele. Umyalelo omnye ovela kuThixo ungaphezulu kuneminyaka emininzi yomzamo owahlulekayo.

Ubulumko bukubeka kwindawo efanelekileyo ukuze wazi ukuba wenze ntoni, uyenze nini, kwaye uyiphumeza njani ngempumelelo. EGibheyoni, uSolomon akazange acele uloyiso, ubutyebi, okanye ukususwa kweentshaba zakhe. Wacela ubulumko, baza ubulumko bamlungiselela ukuba akwazi ukwamkela nezo ebengazicelanga izinto.

Imisebenzi eyahlukileyo, engaqhelekanga, ifuna ubulumko obungaqhelekanga. UThixo wenza izinto ezingaqhelekanga, kwaye ukucinga okuqhelekileyo akukwazi ukulawula iziphumo ezingaqhelekanga. Xa uThixo ekhulula imisebenzi engaqhelekanga, uphinda anike nokuqonda okuyimfuneko okuyiphumeza ngaphandle kobunzima. Biza ingqiqo kaThixo; cela ubulumko.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndicela ubulumko obuvela phezulu. Ndiphe ukuqonda okungaphaya kwamava am, nokuqonda okungaphaya kweminyaka yam. Khokela iingcinga zam, izigqibo zam, nezenzo zam namhlanje ukuze ndihambe ngemvisiswano nawe, ndenze wonke umsebenzi ngokuchanekileyo nangokulula.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiyabamkela ubulumko bukaThixo ngenyathelo ngalinye endilithathayo namhlanje. Ndiyakwazi ekufuneka ndikwenzile, nini, nanjani. Ngobulumko bukaThixo, ndiba sendaweni ngexesha elifanelekileyo, ndenza izigqibo ezifanelekileyo yaye ndibona impumelelo engaqhelekanga.



FUNDA UZANDISELE
EkaYakobi 1:5



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 246
ULuka 17:1-19
Iindumiso 91-93

GoodNews
DAILY

ISIXHOBHO SOXOLO

Ulsaya 26:3 (KJV)

Intliziyo ezimasekileyo uyayilondoloza ixole ixolile; ngokuba ikhohlose ngawe.

Uxolo Ikugqibeleleyo asikokungabikho kwempixano. Kukukhuselwa kwengqondo yakho nguThixo ekukhusela noba ungqongwe lungquzulwano. Olu xolo lukuthintela kuxinzelelo lotshaba olujonge ukukukhupha endleleni.

Kulo nyaka, uxolo asinto nje oza kuyonwabela, yinto oyithweleleyo. Njengokuba isazisi sakho njengommeli woBukumkani siya sibonakala ngakumbi, oko kubonakalwa kwaso luza nengxolo, iziphazamiso, kunye nongquzulwano. Kodwa uxolo luzizixhobo zakho zokulwaKhumbula ukuuba uthunyiwe. Ungunozakuzaku welinye ilizwe, ungummeli walo, kwaye abameli abangxami. Bathetha egameni lezizwe, kwaye bayazithemba kuba bathembe kwalowo bammeleleyo. Umele iZulu. Yamkela le ngqondo itshoyo namhlanje: akukho xhala, akukho koyika, akukho kugxabhazisa. Jonga phambili. UThixo sele ehambile ngaphambili. Hlala uphulaphule ilizwi lakhe, uvumele uxolo lube ngunogada wakho.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngokundigquma ngoxolo olugqibeleleyo. Ndjonge kuwe ngengqondo yam yonke. Hlala undijongile kwiziphazamiso zeli izwe. Nditthembe wena ukugcinwa nguwe ngeLizwi lakho namhlanje.



AMAZWI ESIPROFETO

Iilizwi lam liza kuviwa ezizweni. Ndihamba eluxolweni lweNkosi. Andizi kugungqiswa nto, andizi kuphazanyiswa nto, andizi kukhutshwa nto endleleni eGameni likaYesu.



FUNDA UZANDISELE

KwabaseFilipi 4:6-8



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 247

Ingoma yazo iingoma 6-8

KwabaseKorinte 10

GoodNews DAILY

NIKELA IZICWANGCISO ZAKHO KUTHIXO

Imizekeliso 16:3 (KJV)

Qengqela kuYehova izenzo zakho, Zizimasèke iingcinga zakho.

Wakunikezela izicwangciso zakho kuThixo umema ubulumko bakhe kuloo nto uyicebayo ebomini. Wakumnika imisebenzi yakho neeprojekthi zakho, uyaziqoqa, azilungelelanise kakuhle, aqinisekise ukuba inyathelo ngalinye liyazinzisa.

Amaxesha amaninzi, asikokungabi nambono into enzima, bubunzima kumzamo wokuzisombululela zonke izinto uwedwa. Kodwa xa ubeka iiprojekthi zakho, izigqibo, nalo lonke uxanduva oluphezu kwakho ezandleni zakhe kuye kuqale kuthi qwenge ubone ngokucacileyo, kube lula ukulibona nenyathelo elilandelayo.

Ubambisana noThixo wokungaqhelekanga. Nguye obeka indlela, ixesha, olungisa amabasebenzisane nawe kunye nezinto oza kuzifuna ukuze apho kuxinge khona kukhululeke, kuphumelele konke. Khawukhe uthi phambi kokuba uqhubele phambili namhlanje, ume kancinci. Zisa izicwangciso zakho phambi kobukho baKhe. Vumela uThixo athethe kuzo, aziphefumlele, ahambe phambili apha ngaphakathi kuwe.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndinikela kuwe zonke izicwangciso, iiprojekthi nezigqibo zam. Yenza ukuba kucace apho bendingaqinisekanga khona, ndingayiboni indlela, ndithandabuza. Ndiyabulela ngokulawula nyathelo ngalinye endilithathayo namhlanje.



AMAZWI ESIPROFETO

Njengokuba ndizinikela eNkosini zonke izicwangciso zam, kukho ukuzinza ezingcingeni zam. Ubulumko bukaThixo buyandikhokela, bundalathisa amaxesha, bundinika ubuchule. Yonke ephathwa zizandla zam namhlanje ineziqhamo. Lusuku olungenampazamo olu kum!



FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 1:11



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 248

Ulsaya 1-2

KwabaseKorinte II 11



GoodNews
DAILY

NYUKA

KumaHebhere 12:1 (KJV)

...masithi siwubekile nxamnye wonke umthwalo, naso isono esi-nokusirhawula ngokusisulu...

Il-eropleyini zenzelwe ukubhabha, kodwa ukuba zinyuka ziye kutsho phezulu kangakanani kuxhomekeka kumthwalo eziwuthweleyo. Inqwelo-moya enzima inyuka kancinane, ifike kumphakamo ofanelekileyo, ze itshise amafutha ukuze ikwazi ukuhamba kwaloo mgama ulingana naloo mphakamo. Athi ke amafutha la aye esehla ngokwehla kuba ayatsha njengokuba ibhabha nje, ngaloo ndlela nomthwalo uya usiba lula, kutsho kube lula ukunyukela phezulu nangakumbi kuyo, ihambe kamnandi.

Ubomi bakho busebenza ngale ndlela ke nabo. Akhona amandla kaThixo, kodwa ubunzima obungafunekiyo buyasichaphazela ispidi/ isantya ophakama ngaso kunye nokuba uya kude kangakanani. Obunye bobu bunzima yimikhwa onayo. Obunye ngabantu oqhogene nabo, iindlela oqiqa ngayo okanye okuthweleyo emphefumleni. Usenokuba, ewe, uzibona uqhubela phambili kanti noko uyacotha noxa uhamba nje, uyazirhuqa, yimigudu.

Ukuhamba uthwele umthwalo wayizolo akusoze kukuse kwinqanaba elilandelayo langomso. Gqiba ngoku ukuba akukho nto iza kuphazamisa into uThixo akulungiselele yona. Khulula, lahla nantoni na ekubambileyo, ikuthintela ungafikeleli kwikamva lakho. Nyukela phezula!



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndityhilele zonke izinto ezivalela inkqubela yam, uncede uzisuse. Ndiophe ubabalo lokukhulula ndahlukane nemikhwa, ndahlukane nendiqhogene nabo abangafunekiyo ebomini bam, ndiphinde ndahlukane nengqondo engasebenzeli njongo yakho.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiwulahlela kude lee umthwalo endingawudingiyo. Ndifikelela kwelona nqanaba liphakamileyo andilungiselele lona uThixo.



FUNDA UZANDISELE

KwabaseFilipi 3:13-14



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 249

Ulsaya 3-4

KwabaseKorinte II 12



SEB ENZISA AMAGAMA

UHoseya 14:2 (KJV)

Thabathani niphathe amazwi, nibuyele kuYehova...

Iintsana zikhala kuba zingakwazi ukuthetha. Xa ziva indlala, zingonwabanga, zinoloyiko okanye zifuna ukuhoywa, kuba zingakwazi kuthetha, zilile. KUkuthetha kwazo oko.

Ngokwezomoya, iZibhalo le meko ziyibiza ngokuthi yi nepios, kukuba uselusana kuKrestu. AmaKrestu aseziNepios aba njengeentsana xa ejongene neengxaki: ayakhala akuva uxinzelelo, xa engenamali, xa engamalolo okanye ejongene noxanduva oluninzi. Eyona ngxaki asibobukho bemeko leyo; kukungabikho kweZwi emlonyeni.

UTHixo akazange asiyalele ukuba silile apha ebomini. Wathi, "Thabathani amazwi." ILizwi likaThixo linamandla, liguqula iimeko, libiza iziphumo neempendulo

Lo asingonyaka wokuba ube ukhwina kwakubakho imicelimngeni. Ngunyaka wokuba uthethe! Thatha amazwi uwase emthandazweni, yalela imini yakho ngamazwi, thetha phezu kwemali yakho, kwezinto ozenzayo nakwikamva lakho. Yakha ubomi bakho ngale nto uThixo sele eyithethile



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, qeqesha umlomo wam ukuba uthethe iLizwi Lakho ukuze ndihlangulwe kwizinto ezinxunguphalisayo nokwenza ngobuntwana. Xa ndithetha, ndincede ndiwalawule amazwi am ukuze ubomi bam bubonakalise amandla oko sele ukuthehile.



AMAZWI ESIPROFETO

Umlomo wam yi-injini yempumelelo yam. Kuyo yonke imeko ndifaka iLizwi. Ndimisela ubomi, ukomelela, izibonelelo kunye noloyiso. Ubomi busabela endikugunyazisayo ngeLizwi likaThixo yaye kuguquka izinto ngokuthetha kwam!



FUNDA UZANDISELE

KaPetros II 1:19



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 250

Ulsaya 5-6

KwabaseKorinte II 13



GoodNews
DAILY

INDUMISO ENGAQHELEKANGA

KumaGalati 4:27 (ESV)

Kuba kubhaliwe kwathiwa, Yiba nemihlali, ludlolo lungazaliyo; Gqabhuka umemelele, wena ungenanimba...

Xa unika umntu isipho asixabisileyo ngokwenene, uyibonakalisa kwan-goko indlela eva ngayo. Akakhe aqale abe eyipeculula, eyivavanya. Uqhushumba ngendumiso, abulele kuwe, avuye, angabi nakuzibamba.

Indlela esizamkela ngayo iintsikelelo zikaThixo ifuna indumiso eyodwa, engaqhelekanga. Singabantu abakholwayo, asilindi ukuba sibone ukuze sivuye. Sikholwa ukuba esikuthandazelayo sicela sikwamkela ngalo, hayi xa sele impendulo iqanduseleMusa ukulinda de isithembiso sibe sezandleni zakho ukuze uvule umlomo wakho. Yiprekthize ngoku indumiso yakho. Zibone uvula iingcango zebhizinesi yakho entsha. Yiva isitshixo sivula imoto yakho entsha. Zibone usayina ikhontrakthi yeebhiliyoni zedola. Zibone uxhumaxhuma, ungekho zintlungwini, uphile ngokupheleleyo. Xa uqala ngokudumisa, umbonga, uchwangciselela into ezayo.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, mandikudumise ngokholo. Ekuvuyeni kwam kungekabonakali nto, makuvuleke iingcango, mazize iikhontrakthi, makubekho impiliso. Ndikudumisa ngoku kuba sele kumiselwe konke ezulwini.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndidumisa uThixo isithembiso singekazaliseki. Indumiso yam nokubulela kwam kunyukela phezulu ukuze kuhlangele nbukhulu bento andibekele yona uThixo! Amen.



FUNDA UZANDISELE
UAmos 9:13 (MSG)



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 251
Ulsaya 7-9
KumaGalati 1

GoodNews
DAILY

PHATHA NGOBUNONO

Iindumiso 105:15 (KJV)

Musani ukubachukumisa abathanjiswa bam...

Kwimihla yakudala, ubukho bukaThixo babuthwalwa ngesitya esibonakalayo, iTyeya. Wathi u-Uza akolula isandla eza kuyibamba, uThixo wambulala kwangoko (USamuweli II 6:1-7). Wafunda nzima ukuba ukuzama ukwenzela uThixo ububele okanye ifeyiva engakuyalelanga kuyingozi. ITyeya yayingenakuchukunyiswa nje nanjani na ngenxa yokuba uThixo wayehlala kuyo. Ngoku uThixo uhlala kuwe ngaphakathi. ITyeya kaThixo nguwe. Loo nto ithetha ukuba awunakuchukunyiswa, uphathwe, okanye kwenziwe nanjani na kuwe. Eyona ndawo iyingozi ke kule nyaniso kukuba nguwe omakagqibe ukuba kokuphi “ukuchukunyiswa” omawukwamkele.

Iintsuku zokuba ubhekiswe ngapha nangapha, kwenziwe unothanda kuwe, ziphelile. UThixo wenza into eyodwa, engqhelekanga kulo nyaka kwaye ungumthanjiswa wakhe. Uthwele uThixo. Amazulu nawo ancedise kuloo nto uyivumelayo okanye uyikhabayo.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngobukho baKho kum. Ndifundise ukuhlonela intambiso yakho nokuzihlonipha kuba ndiyindawo yakho yokuhlala. Ndinike ukuqonda ukubona oko kufuneka ndikuyekele kunye nesibindi sokwala oko kuhlazisa igama lakho ebomini bam.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndingumthanjiswa kaThixo. Andinakuphatheka kakubi nangubani. Zonke iinzame zokundichukumisa, ukundivalela nokuchasana nam zicinywa yaye ziphantsi kwesigwebho ngeGama likaYesu!



FUNDA UZANDISELE

KuTimoti II 4:14



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 252

Ulsaya 9-10

KumaGalati 2

ABAFILEYO ABAXOKI

KumaGalati 2:20 (KJV)

Ndibethelelwe emnqamlezweni noKristu: ayisendim ke odla ubomi, nguKristu ke oselesidla ubomi kum...

Kukho ncwadi ethi Dead Doctors Don't Lie. Umxholo ulula uthi: ungafunda lukhulu koko sele kufile. NgokweZibhalo, lowo wawunguye ngaphambili wabethelelwa emnqamlezweni kunye noKrestu, lo "mna ndi-" uhamba nehlazo, ukoyika, ukufelisha, ukoyiswa, ukubanjwa yimida, ufile.

Abafileyo ke abaphikisani nenyano. Abakhalazi okanye baphikisane nokuthethwa nguThixo. UnguMKrestu nje awusaphili ngokwendalo yakho (ibhayoloji) kodwa uphila ngobomi bukaKristu. Ngoko ke, njengesidalwa esitsha, kukho izinto ekungafanelanga ukuba uzixokisele ngazo kwakhona. Ungaze uthi ulahliwe kodwa wamkelwe kwabathandekayo bakaThixo. Kwale kwaphela ukuthi xa kuzibiza akunamandla abe uMoya kaThixo ephila kuwe. Ungaze uthethe ngokuthi uswele kodwa unezinto zonke kuKrestu. Amazwi akho mawangqinelane nokubethelelwa kwakho kunye nokuvuyuka kwakho.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ukuba ubomi bam obudala babethelelwa kunye noKrestu. lingcinga zam, amazwi ama mazivumelane Mawavumele ingcinga zam, amazwi am, nezenzo zam zibonakalise wena, ubulungisa bakho, noloyiso lwakho. Ndikhethe ukuphila ngokolu hlobo ndilulo kuwe. Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

U-mna omdala wabethelwa noKrestu. Ngoku ndiphila ngobomi bakhe, ngenyano yakhe, ngoloyiso lwakhe. Ndiyala ukuzibiza ngento endingeyiyo. Ndithetha kuphela amazwi angqinelana nobomi ba bovuko. Bonke ubuxoki buvalwe umlomo eGamemni likaYesu!



FUNDA UZANDISELE

UYohane 1:12-13



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 253

ULuka 17:20-37

lindumiso 94-96



GoodNews DAILY

MAYIBE YEYAKHO UNGEKATHANDAZI

UMarko 11:23 (KJV)

...ekholwa ukuba oko akuthethayo kuya kwenzeka, wokwenzelwa.

sathandaza; uyathatha qha! Xa into iyeyakho ngokwasemoyeni, ungabi ngocelayo, ube ngodandulukayo azibize. Awuyiceli okanye akuyingqibeli into esele isezandleni zakho: uthetha njengomnini wayo kaloku ngoku.

Mna nenkosikazi yam sifikelele kulaa ndawo yokuba singasajonganga zimfuno zethu. NgokweZibhalo sikule ndawo ithi “sizimele, siyazibonela.” Imithandazo yethu ayisekho malunga nokucela esikufunayo, imalunga nokufunwa buBukumkani: izizwe, abantu, ukwanda nenkqubela-phambili. Ukuzazi ukuba unako konke kwenza loo nto ke: kuthatha umthandazo kuwubeke kwelinye inqanaba.

Kulo nyaka, imithandazo yakho iyatshintsha. Ylithi njengokuba ukuphethe asele ekulungiselele kona uKrestu uye uncipha ukuthetha ngeemfuno zakho, wande ukuthetha ngokonobukhosi, onamagunya. Lo ngunyaka othatha ngawomagunya akho angokomoya, imali, ngokwasemzimbeni nangokwesiprofeto. Ezakho zezakho eGameni likaYesu!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngegunya ondinike lona kuKrestu. Tshintsha ukuqonda kwam ndiyeke ukwenza iingcelo, undincede ndithethe njengonobukhosi, ndingathethi njengongenanto, eeGameni likaYesu.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndinako oko uThixo andinike kona. Ndinolawulo; andicengi, andingqibi. Makwande! Makwanele! Ndiqhubela phambili kuyo yonke yobomi bam!



FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte I 3:21

KwabaseKorinte II 9:8



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 254

Ulsaya 11-13

KumaGalati 3



IMITHANDAZO ENGAQHELEKANGA

Iindumiso 5:3 (MSG)

Imiso ngemiso ndibeka amaqhekeza obomi bam esibengelelweni zakho ze ndijonge ukuhla komlilo.

Imililo yeoyile yeminye eyingozi kakhulu kuba kunzima ukuyicima. Uthi nje ukuba untumekeke, uye uvutha ngokuvutha, unabe ngokukhawuleza ungafuni kucimeka ngeendlela eziqhelekileyo. Kuvuka idangatye apha kuvuke elinye phaya, aye ehamba, umlilo usiba mkhulu, uphindaphindeka. Nguwo lo ke umfanekiso wobomi bomthandazo ovuthayo. Wakubeka amaqhekeza obomi bakho esibengelelweni sikaThixo, umlilo uyajiya. Umthandazo ubasela, utshise nantoni na odibana nawo. Uyabona ke laa ndlela uba yiyo umlilo ogalelwe yioyile, xa unjalo nowakho wenza izinto ezinkulu: uyazingisa, uyaphikelela, unwenwa ngokukhawuleza, kube nzi-ma kutshaba ukuwucima.

Kulo i-Year of Strange Oil, uza kuvutha emthandazweni, hayi umthandazo oqhelekileyo okanye oyekeyeke, ongulozilozi ugqibe ufe, kodwa uhlobo olunabayo lunabela ekhyeni lakho, kwizigqibo ozithathayo, kwizimali nakweminye imisebenzi yakho. Umthandazo otsala yonke indawo etenxileyo yobomi bakho uyiqokelele phambi kukaThixo, uyitshise



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, mawuhle umlilo ongcwele untumeke ubomi bam bomthandazo ngeoyile engaqhelekanga, yezimanga zakwaThixo. Tshisa iziphazamiso, ubuthathaka nokungakhathi. Imithandazo yam mayibe yezingisayo, ingabi nakulinganiswa, uyenze utshaba lungabi nakuyicima.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndibeka ubomi bam esibengelelweni, umlilo kaYehova uyalephuza udla yonke indawo apha kum, iZulu liyaphendula, iSihogo siyatyhwyatyhwa luloyiko. Iyingozi imithandazo yam!



FUNDA UZANDISELE
UMarko 1:35



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 255
Ulsaya 14-16
KwabaseGalati 4



UPHELELE UMSEBENZI

KuTimoti II 1:10 (KJV)

Lwbonakaliswa ke ngoku ngako ukubonakala koMsindisi wethu uYesu Kristu, owakubhangisayo okunene ukufa...

Le vesi kufanele ibe yenye yezona kuxoxwa kakhulu ngayo eZibhalweni ezingcwele, kodwa ayinjalo, ngenxa yokuba uninzi kumaKrestu ayala ukwamkela amathuba ozuko ewatyhilayo. Ubomi obungunaphakade (ukungafi) asibobezulu kuphela; bobangoku. Isizathu sicacile: uKrestu wakubhangisa (wakuphelisa) ukufa.

EBukumkanini bethu, ukufa kubhangisiwe. Eli gama ngesiGrike lithi katargéo, yaye lithetha ukuba into yenziwa yayinto engenamsebenzi, engasebenziyo, engenabuzaza, into nje engaqeshekanga. Halleluya! Ukufa kuhluthwe amandla nempembelelo yako. Akufanele ze kunikwe sikhundla kwakhona ebomini boMKrestu. Akukho mthethweni!

Khawuhambe ekukhanyeni kwale nyaniso ukhangele. Camngca (meditate) ngayo de ibe lapha kuwe ibe yinto oyiphilayo, engaxoxisiyo. Mayiguqule indlela ocinga ngayo, othetha ngayo owenza ngayo kwakufika uloyiko, izigulo nemiqobo. UKrestu akazange athi uza kuba yimeneja yokufa. Wakuchitha kwaphela. Akubulaleki wena.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, enkosi ngomsebenzi awawugqibayo uKrestu. Ndiyabulela ukufa kubhangisiwe, kuqotywe kwahluthwa amandla, akusoze kusebenze ebomini bam. Phila ngaso esi sityhilelo nzulu emoyeni wakho.



AMAZWI ESIPROFETO

UMthetho wezoMoya wobomi uyasebenza ebomini bam. Akunagunya ukufa phezu kwam. Makafe onke amalinge okufa! Kufandini, uphelelwe ngumsebenzi!



FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 2:14-15

KwabaseRoma 8:1-2



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 256

Ulsaya 17-19

KwabaseGalati 5



GoodNews
DAILY

INKOSI IYA KUSUKA IME

Ulsaya 28:21 (NKJV)

Kuba uYehova uya kusuk' eme njengasentabeni yePerazim...

Xa ithe yasukuma yema iNkosi, kutshintsha yonke into. KwiZibhalo zonke, ukusukuma kwayo kuluphawu lwesenzo esiqinisekileyo. Akuphakama, kukhululwa isigwebo, kugalelwa inceba, ze ithi loo nto ibikhonkxekile iqalise ukushukuma. Uyaphakama xa kungasafuneki lubambezele. Uyasukuma abamele abantu bakhe, abababale ukuze uzuko lwakhe lubonakale ebomini babo.

KwiNtaba yePerazim, iNkosi yasukuma yema ngesiquphe, yatyhoboza njengomlambo ngempuphuma. Ulsaya xa eyibiza le ntshukumo uthi “ngumsebenzi ongaqhelekileyo,” into eyayingalindelekanga, eyakhwankqisa wonk' ubani. Akuphakama uThixo, uza kumangaliswa inene. Ayizi kuba yinto encinci okanye ethe chuu. Iza kuza ngathi ngunogumbe, ikhawuleza, kungabikho mphikisi, ifike ngexesha elifanelekileyo.

Lonke utshaba lwenkqubela-phambili yakho, nokuba luxinzelelo kwezezimali, isigulo esizingileyo esingapheliyo okanye ukubambeka nje kwezinto zakho, namhlanje kuqutyiswana nako. Oku bekuthe cwa-ka kodwa kusilwa nawe kuyawa namhlanje. Akukho inokuma endleleni kaBawo.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, enkosi ngokuvuka ume endaweni yam. Mayiwe phantsi kwamandla akho yonke into echasene nempilo yam, eval' imali, nengumqobo nje ekuphileni kwam. Gqobhoza mgqobhozi namhlanje wenze izinto ezingaqhelekanga kubonwe apha kum.



AMAZWI ESIPROFETO

Iphakamile iNkosi, indimele! Ziyawa bhuma namhlanje ezi bezikade zimi zivale indlela yezinto zam. Nantoni na ibilibazisile, nakuphi na okungalunganga kunye nayiphi inkcaso igwetyiwe namhlanje. Inene uyashukuma uThixo, kwenzeka ezingaqhelekanga!



FUNDA UZANDISELE

lindumiso 68:1-4



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 257

Ulsaya 20-22

KumaGalati 6



GoodNews
DAILY

IINDABA EZILUNGILEYO ZEMALI

UMarko 16:15 (KJV)

Wathi kubo, Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nizivakalise iindaba ezilungileyo kuyo yonke indalo.

Kungakumangalisa ukwazi ukuba uninzi kumaKrestu, nangona ezelwe ngokutsha, akazange ayive iGospile, iVangeli. IGospile (euagellion) ziindaba ezimnandi kakhulu ukuba zingakholeleka ukuba ziyinyaniso. Bazalwana noodade, ukuba asizondaba zilungileyo, zimnandi, asiyiyo iVangeli leyo

IVangeli yenzelwe ukuba ishunyayelwe kuyo yonke indawo, hayi kuphela ebantwini, kodwa “nakuyo yonke indalo.” Wagqibela nini ukushumayela ebhizinesini yakho? Usenokuba ushumayela yonke imihla yecawa, kodwa ukhe wazishumayela iindaba ezilungileyo eakhawuntini yakho yebhanki?

Le yanamahlanje imini mayibalulwe ngokuba lusuku okwasungulwa ngayo okwavuselelwa ngokutsha ukushunyayezwa kweendaba ezilungileyo. Shumayeza yonke indalo, ndithi yonke into edaliweyo. Iindaba ezilungileyo yonke indawo!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndincede ndishumayeze ezi ndaba zilungileyo ngenkalipho, ndingabanjwa nto. Bekunga ubomi bam bungayiqhubela phambili iVangeli ngalo lonke ubonelelo endilufumanayo, ukwanda nezinto endinazo. Amen.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiwisa umthetho ke ngoku ndithi: imali mayindikhangele. Andizi kuswela malik ulo nyaka. Bhanki yam, ziyagxalathelana iimali zezizwe ngezizwe zingena eziakhawuntini zam! Bhizinesi yam, ukhula ngendlela engazange ibonwe ngaphambili, unomjelo ongapheliyo weeklayenti! Mali yam, uyanda, uzuko lukaThixo lubonakala ngawe. Ndithetha nemali yam” Iindaba ezimnandi kuwe!



FUNDA UZANDISELE

UYeremiya 22:29



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 258

Ulsaya 23-25

Kwabase-Efese 1

GoodNews
DAILY

UKUBA LIKHOBOKA LENTO

UMateyu 6:33 (KJV)

Funani ke tanci ubukumkani bukaThixo nobulungisa bakhe, zaye zonke ezo zinto ziya kongezelelwa kuni.

Abantu abangamakhoboka ento baneendlela abenza ngayo, iiphatheni, Usuku lwabo luhamba ngokwaloo nto bangamakhoboka ayo okanye bayinqwenelayo. Basemva kwayo, bacinga ngayo, izicwangciso zabo zinayo phakathi, bazincamela yona. UYesu wasebenzisa lo mfanekiso xa wayesithi funani kuqala uBukumkani. “Ukufuna” (epizēteō) nqwenela kuthetha ukukhangela okanye ukurhalela into kakhulu; kukungavumi tu ukungayifumani.

Khawucinge nje ukuba ukuba indlela omfuna ngayo uThixo ibikwelo nqanaba. Ukuba umntu ukujongile, ingaba indlela oziphethe, ocinga nolichitha ngayo ixesha lakho, angakwazi ukugqiba ukuba inene “ulikhoboka” lezinto zikaThixo?

Xa uyibeka phambili into efunwa nguThixo, nantoni na oyinqwenelayo uyayinikwa ungenzanga migudu okanye ungadanga wazidina. Khawuyeke oku kuzizamela. Zinikele kule ajenda yakhe wonke. Nabo obukhoboka abuxabisileyo uThixo.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, hlengahlengisa iminqweno yam, undiqeqeshe ngokutsha kwizinto ofuna ndizinike ngqalelo. Ndifundise ukukufuna ngamandla, ubaluleke kum, ndinikele kuwe. Ncothula yonke iminqweno engafanelekanga, uze endaweni yayo ufake ukulambela uBukumkani bakho nobulungisa bakho.



AMAZWI ESIPROFETO

Ubomi bam buphawulelwe ukulandela uThixo yedwa. Ndiyakulangazelela ukuhlala naye. Ndzinikela kwiajenda yakhe ndonke. Ndilikhoboka laseBukumkanini beZulu; yonke into endiyifunayo ikhona, ndiza kuhluma, ndiza kwanda.



FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 23:4 (MSG)

KwabaseFilipi 4:19



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 259

Ulsaya 26-27

Kwabase-Efese 2

UKUJIKI KWEZINTO

UMateyu 2:20 (KJV)

...kuba bafile abo babezonda ubomi bomntwana.

Xa kukho injongo ethile, yazi ukuba umchasi uyalandela. Phambi kokuba uYesu athethe ilizwi okanye enze ummangaliso, utshaba lwalube selujonge ubomi bakhe. Ukuchaswa kudla ngokuvela kwangethuba xa ubomi bomntu busekiwe. Impendulo kaThixo yayingeyompikiswano ekuqaleni. Yayilulondolozo.: Baleka!

Isibhalo sibonisa ukuba ukubalule ukusaba okanye ukubaleka endaweni kungathi kanti licebo eliqhutywa lukholo. Endlwini kaPotifare, uYosefu wabaleka ukuzibandakanya enyakeni ukuze azigcine enyulu. agcine ubizo. UDavide wabaleka wazimela uSawule ukuze aze agcine ubizo. UPawulos wafakwa engobozini ebalekiswa engozini kodwa kusasa waphathelela khona waya kushumayela.

UYosefu, umyeni kaMariya, wayalelwa ukuba asabe ukuze asindise ubomi bomntwana. Kodwa uyafika umzuzu wokuba uThixo athi, "Bafile abebefuna ukuthatha ubomi bakho." Amaxesha onyaka ayatshintsha, utshaba obelukhe lwakusukela lulo olusukelwayo ngoku. UThixo weMikhosi yeZulu uyakulwela. Yeka ukubaleka, bheka phambili, Lutshaba omalubaleke ngoku!



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngokugcina ubomi bam nokulondolozo ikamva lam. Ndinike ubuluqonda xa kufuneka ndibalekile naxa kufuneka ndibheke phambili. Ndiyabulela ngokundilwela nokucima izoyikiso kunye nabachasene nobizo lwam.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiwisa umthetho, ndiyagweba kanjalo: wonke olutshaba lwam ndimqhawula amandla. UThixo undixhasile ngesandla sakhe sobulungisa!



FUNDA UZANDISELE

Ulsaya 41:11-13



365 BIBLE CHALLENGE – DAY 260

ULuka 18:1-17

lindumiso 97-99



UKUCWANGCISWA KWEOLI

Iindumiso 133:2 (KJV)

Kunjengeoli elungileyo entloko, Isihla ezindeveni, Ezindeveni zika-Aron, Isihla iye emqokumbelweni weengubo zakhe.

Ezinye iintlanzi ziye zidade zibheke kweli cala umsinga ungabheki kulo kodwa oko kuye kuthande ukuba ngumgudu omkhulu. Yonke into iba nzima, kucothinkqubela iba kancinci, amandla aphele, kwaye ingxaki ibe ihleli yona. Ubomi buba njalo ukuba xa ingekho intlanelo. Kufana nokuzama ukutsiba emhlabeni kodwa ume ngentloko.

Intambiso yongeza ukuhamba lula kwezinto apho khona bezinokunzima; wenza ngakumbi ungatsalanga nzima. Noko kunjalo, uThixo intambiso le uyidizayine yayinto ehamba ngomgaqo othile: iqala entloko, ihlele ezantsi.

Wakubanika ingqwalasela nentlonelo abo uThixo ababeke phezu kwakho, uya kuba kwindawo efanelekileyo ukuba ufumane ioli. Intambiso oyibekileyo noyihlonelayo yintambiso oyitsalayo



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabonga ngocwangciso olumosileyo lokuhamba kwentambiso yakho. Ndancede ndilubone yaye ndilixabise ubabalo olubeke kwabanye, ndiluhloniphe ubabalo lwakho kubo.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndihamba ngocwangco nangentonelo. Ndiyaliqonda, ndilamkela ixabiso locwangciso lwezinto nguThixo phezu kwam isehla njalo ioli ebomini bam. Ndizivulile izandla, ndamkela konke okuza nentambiso, eGameni likaYesu.



FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 7:7



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 261

Ulsaya 28-29

Kwabase-Efese 3



IFEYIVA ONGENAKUYIPHEPHA

Ulsaya 60:2 (ESV)

...ke kuwe uYehova uthe chapha, ubuqaqawuli bakhe bubonakele ekukhanyeni kwakho.

Khawube nomfanekiso uthi xa ungena egumbini kusuke kutshintshe umoya. Incoko ithi nqum, iintloko ziguquke. Kuvakala usebesebe, “Ngubani na lo?” Awuthethanga nelinye kodwa kukho into ethi mabakujonge. Abantu bayakubhekelela, bakunika indawo yokuhlala, hayi ngenxa yegama lakho kodwa ngenxa yale nto unayo bangayaziyo. Yifeyiva ke le ihamba apho. I vele ikwahlule phakathi kwabanye ungadingi nokwaziswa. Unentambiso engaqhelekanga etshintsha indlela abakujonga ngayo abasegumbini. Ngaphambili mhlawumbi ungasiwa so, bebegqitha nje kuwe. Kulo nyaka, akubuyi kube njalo.

Akuzukungena nje emagumbini ngoku; uza kuwisa umthetho. Uza kubona ujulelwa amathuba obungawajonganga nokuwajonga. Baza kutsalekela kuwe abantu bengza noba kuxa bekutheni. Sukubuza. Sukungayihoyi loo nto. Sukungxengeza. Wawuphawulelwe le nto kakade.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngozuko phezu kwam. Igumbi ngalinye endingena kulo maligobele intambiso endiphila nayo. Yanga ifeyiva nenkoliseko yakho, nobabalo lwakho lungandivulela iingcango kungafunekanga ngcaciso.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndithwele ifeyiva engenakuphilwa. Naxa ndithe cwaka, ndiyabonakala. Andisukeli; ndiyayalela. Uzuko lweNkosi luyabonakala kum, yaye ioli engaqhelekanga ithetha naphi aapho ndiya khona.



FUNDA UZANDISELE

UDaniyeli 1:9
Ulsaya 60:1-2



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 262

Ulsaya 30-31
Kwabase-Efese 4



AKUNGOWELI LIZWE

UYohane 17:16 (KJV)

Abangabo abehlabathi, njengokuba nam ndingenguye owehlabathi.

Abantu bathabathekile ngulo mcimbi wee-UFO ngoba zibonakala ngokungathi zisebenza ngemithetho engahambisaniyo nezinto esizaziyo. Zihamba ngendlela engqhelekanga, zivela zibonwe zingalindelekanga, zishiye abebesaziqwalasele bekhanqekile, benganizpendulo.

Kwakunje ke nakuYesu. Wayesithi akuphilisa abagulayo, enze imingan-galiso, abantu bathi inene abazange bayibone into enjengaleyo ngaphambili. Imisebenzi yakhe yayingalandeli zindlela ziqhelekileyo. Yay-izezelinye ilizwe.

Kusebenza kwangale ndlela inye ke nakuwe. Indlela oziqhuba ngayo iibhizinesi zakho ayizi kuqheleka. Indlela owenza ngayo imali ayizukulilungela eli ixesha. Indlela ezithontelana ngayo iiklayenti ukuza kuwe, iingcango eziza kukuvulekela kunye nokubonelelwa kwakho kuza kwenza ukuba beme abathile bathi, “Asizange sayibona ke le.” Ukwelinye inqanaba, iziqhamo zemisebenzi yakho yahlukile. Akungoweli!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, yenza umsebenzi wam, izibonelelo zam nenkqubela ebomini bam isebenze ukudlula iindlela ekwenziwa ngazo ngabanye abantu ukuze ubuqaqawuli bakho bungathandabuzeki ebomini. Ndiyalwamkela ubabalo lokundigqwesisa nokuvelisa iziqhamo ekunguwe kuphela onokunika ingcaciso ngazo.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndisebenza ngoluphezulu udidi. Iziphumo zam ziyangqina ukuba andingoweli lizwe. Yonke into ngobomi bam iyamangalisa!



FUNDA UZANDISELE
UMarko 2:12 (NKJV)



365 BIBLE CHALLENGE – SUKU 263
Ulsaya 32-33
Kwabase-Efese 5:1-16



KAKHULU KAKHULU!

ULuka 5:4 (KJV)

...Khwelelisela enzulwini, nihlise imibatha yenu, kubanjiswe.

I-googol ngu-1 olandelwa ngooziro abayi-100. I-googolplex ngu-1 olandelwa zii-googol zeros. Ngaphaya koko, iingcali zemathemathikhs zisebenza ngamani amakhulu kangangokuba aboniswa kuphela ngobhalo lwemathemathikhs, izibalo. Elo "nani lilelona likhulu" sithi abazikhethela ukuma kulo.

Sinengqondo kaKrestu, ingqondo engasikelwa mda. Ngoko, naxa wena ucinga ngamanani amancinci nje, uThixo akazange anike myalelo wakuba ucinge apha kuftshane, ucinga ngezinto ezincinci. UYesu wathi kuPetros makajule iminatha enzulwini, hayi enyeleni. Andithi ke nangoku wabambisa inkitha de wafuna ukugqabhuka iminatha!

Musa ukuwoyika amanani amakhulu. Zixelele ukuba i-R100 000 yitshintshi kuwe. I-R2 000 000 yilantshi yakho. Umvuzo wakho uqala kwi-R1 000 000 000. Sebenzisa ukholo usuke kule ndawo ukuyo ungene enzulwini. Sukuyeka de kufuneke ukhangele igama onokuyibiza ngayo impumelelo yakho.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, yandisa umbono wam, uchithachithe wonke umoya odibene nokoyika ukuphumelela nokuchuma. Ndifundise ukucinga ngezinto ezinkulu, ndingazibhaqi ndingawanyelisi amandla akho okundinika impumelelo nobutyebi),



AMAZWI ESIPROFETO

Ndiza kuwabiza amanani amakhulu abonakalisa ubukhulu bukaThixo endimkhonzayo. Lo ngunyaka wam wokudadela enzulwini; uThixo uzalisa iminatha yam de iqhawuke.



FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte 2:16



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 264

Ulsaya 34-36

Kwabase-Efese 5:17-33



UBOMI OBUNGAQHELEKANGA

ULuka 2:26 (KJV)

Wayehlathelwe nguMoya oyiNgcwele, ukuba akayi kufa, engekam-boni uKristu weNkosi.

Nani ninobomi obufanayo bukaThixo; yinto yangoku sithethayo le. UYohane 3:16 uthi wonkeumntu okholwayo kuKrestu makangatshabalali koko makabe nobomi obungunaphakade. Isidalwa esitsha esikuKrestu asenzelwanga ukuphila elindele ukufa. Kufuneka ube ne-zōé, obu bomi anabo uThixo.

USimon wafumana isityhilelo kuMoya Oyingcwele sokuba akayi kufa de ambone uMesiya. Wena esakho isityhilelo singaphezulu kunesikaSimoni: unoMoya odlisa ubomi ophila kuwe ngaphakathi. Incwadi yabaseRoma iyasixelela ukuba lo Moya wavusa uKrestu ekufeni uyawuvusa umzimba oyinyama, onokufa, uwuhlaziye, uwunike ubomi namandla, uvuselelo nozokuzalwa ngokutsha, Thatha isigqibo sokuba wena akusayi kufa. Yenza isigqibo. Kholwa. Zixelele uthi, "INKosi iza kubuya ndihleli, ndiphile qete."Phila!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngobomi bakho obuphila kum. Namhlanje ndinikela amalungu ama onke kuMoya onika ubomi ukuze ndibone ubomi obungaunaphakade kusebenza kum ngoku.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndinobomi bukaThixo. Andiyi kufa. Ndiqisa umthetho ndigweba ukuba ndiza kuphila de ibuye iNkosi yethu.



FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte 15:51



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 265

Ulsaya 37-38

Kwabase-Efese 6



I-INSHORENSI YOBOMI

KwabaseKorinte 9:7 (AMPC)

Elo wo makanike njengoko agqibe ngako entliziyweni ... kuba uThixo uthanda (...is unwilling to abandon or do without) umphi ochwayitileyo (ovuyayo, “ekhawuleza ukwenza”) [ontliziyo yakhe isekupheni].

Abantu bathenga i-inshorensi yobomi ukuze bakhusele, balungiselele okanye bakhusele abo babathandayo abaza kubashiya ngasemva. Kodwa eBukumkanini, kukho olunye uhlobo lweinshorensi yobomi, leyo ikulondolozayo. Xa usipha uchwayitile, ukhawulezisa kunjalo, uzivulela ipolisi yeinshorensi yobomi obungunaphakade kaThixo

UDorcas wayengumama owavuswayo eBhayibhileni ngenxa yokuba wayenikela njalo. Imbewu yakhe yamthethelela sele engakwazi kuthetha, uThixo wabulondoloza ubomi bonikelayo.

Khusela ipolisi yakho ye-inshorensi yobomi ngokuba luhllobo olufunwa nguThixo; ingenguye lowo unikelayo phantsi koxinzelelo, kodwa lowo upha elindele ngovuyo, esazi ukuba bazalisekisa umnqweno wentliziyo kaThixo.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela kuwe ngobaba ondiphe lona lokuba ndikhawuleze ukunika kunjalonje ngentliziyo ekhululekileyo. Ulonwabo lwam malube lolokukholisa wena kuko konke endikwenzayo.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndingumntwana kaThixo, ndinikela ndiyakhawuleza ndichwayitile! Xa ndinikela, ndiqinisekisa ukuba ndiphantsi kwesistimu kaThixo yolondolozo phezu kobomi bam, kwempilo, kwefemeli kunye nekamva la. Amen.



FUNDA UZANDISELE

Izenzo 9:36-41



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 266

Ulsaya 39-40

kwabaseFilipe 1

GoodNews DAILY

ISENZO ESISODWA. IMISEBENZI ONGAQHELEKANGA

UYohane 10:34 (KJV)

Uwaphendule uYesu wathi, Akubhaliwe na emthethweni wenu, kwathiwa, Mna ndithe ningoothixo?

Sidlwe ngokomfanekiselo nangokufana noThixo. Oko kuthetha ukuba asifani naye nje kuphela, sifana naye nangendlela yakhe yokusebenza, yokwenza izinto. Ulsaya usixelela ukuba uYehova wenza isenzo esisodwa, umsebenzi ongaqhelekanga.

Ukuzuza imiphefumlo uyilungiselela ukushiya le planethi ngumsebenzi ongaqhelekanga. Ukucwangcisa unaphakade ngelixa ihlabathi lileqa ixesha ngumsebenzi ongaqhelekanga. Ukuhlwayela eBukumkanini ukuze iintlanga zize kuKrestu ngemini enye yinto engqhelekanga.

Une-DNA kaThixo ondlela zakhe ziziphazamisayo izithethe, zingalandeli iindlela eziqheleliweyo. Xa intobelo yakho ibonakala ingaqhelekanga, okanye xa umsebenzi owenzayo ungahambelani nokwenziwa ehlabathini, khumbula ukuba ungubani na wena kanyekanye. Wadizayinelwa umsebenzi ongenakukwazi ukuchazwa ngongenaThixo.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndikhulule kubukhoboka bokwenza ngokuzithandisa, undomeleze ndenze imisebenzi efika iphazamise okwesiqhelo, ndingalandeli izinto ezisisithethe. Mandibe lingqina elinyulu, wenze ngam imisebenzi yakho ongaqhelekanga.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndine-DNA kaThixo mna. Ndenza izenzo ezahlukileyo, imisebenzi ongaqhelekanga ngokuzithemba. Ndiambisa ivangeli, ndizuza imiphefumlo ngeendlela ezahlukileyo, ezingaqhelekanga!



FUNDA UZANDISELE

Ulsaya 28:21 (NIV)



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 267

ULuka 18:18-43

Iindumiso 100-102



ASINGABALO MHLABA

KwabaseFilipi 3:20 (AMP)

Kanti ke thina [sahlukile, kuba] ikowethu lisemazulwini...

Into e-extraterrestrial yaziwa ngokuba yinto engasuki kulo mhlaba: ibubomi obusuka kwenye iplanethi. AmaKrestu ke nawo singawachaza ngokuzi azii-extraterrestrials. Singabaphambukeli kulo Mhlaba, abemi baseZulwini abaphila okwexeshana nabo sibizelwe ukubabuzela uKrestu.

Xa uhlala kwilizwe lasemzini, usenokulufunda ulwimi lwakhona, uzihlonele nezithethe zakhona kodwa uhlala uzazi ukuba akungowelo lizwe. Indlela yokwenza, izinto ozixabisayo, ubuzwe nje bakho kuyahluka. Usengafana nabanye abantu kodwa wahlukile. Ukubetha kolwimi lwakho, izinto ezibalulekileyo kuwe nendlela nje owenza ngazo ziyakuntama ukuba ungowaphi.

Amaqhawe ezenkolo ayesaziwa njengabasemzini ngoku babesemhlabeni. Umpostile uPetros xa esichaza uthi singabaphambukeli sikwaselubhacweni. Umhlaba uthunyiwe kuwe, asiyondawo uphuma kuyo. Ubekiwe nje apha. Elona khaya lakho lizulu; apha emhlabeni ungumhambi, uvizithile.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, gcina intliziyo yam ingabandakanyeki kwiisistimu zeli hlabathi. Ubomi bam mabuyibonakalise ngokucacileyo inkcubeko yaseZulwini apho ndivela khona noThixo endimele yena



AMAZWI ESIPROFETO

Mna ndingowaseZulwini. Ukunyaniseka kwam kukuKrestu kuphela. Ndithwele inkcubeko yamazulu, ndizokuzalisekisa umsebenzi wam kulo mhlaba ndaye andizi kuphulukana nento endiyiyo, eGameni likaYesu.



FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 11:13



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 268

Ulsaya 41-42

KwabaswFilipi 2



GoodNews
DAILY

IOYILE ESULUNGKILEYO

Intshumayeli 10:1 (NABRE)

Impukane ezifileyo zinukisa zibilise amafutha omqholi...

Umzimba lo womntu ukhupha uphinde wamkele ieneji. Singabahambisi nabakhongozeli, sisebenza oku kanye kwee-antena (ii-eriyali) eziphilayo. Yiyo le nto izibhalo ezingcwele zisinika imiyalelo ngokucacileyo ngendlela ehlangana ngayo inyama nokomoya. Xa kubekwa izandla, kwenziwa usulelo/ugqithiselo lwentambiso, nokuba yekaThixo okanye asiyyo.

Ngenxa yokuba usulelo lungenakuthintelwa, kubalulekile ukwazi ukwahlula. IBhayibhile ayithi masikuphephe kwaphela singakwenzi oku; ithi masingakwenzi ngokukhawuleza. Kufuneka icace indawo esuka kuyo le nto isulelwayo okanye isulelayo. Ioli ihla ibheke ezantsi njengomlambo. Ukuba ke intloko ingcolisekile, yonke engezantsi iyangcoliseka; kunjalonje ke akuthathi nto ingako ukungcolisa into eyakha yanyulu.

Nantoni na engenantloko inye sisilo (monster). Ukubhideka ngokomoya kubakho xa uphulaphula amazwi amaninzi. UThixo umabela ilizwi elinye elingundoqo umntu, intloko enye, nomntu omnye onesityhilelo esabelwe wena. Kulo nyaka weolie engaqhelekanga, qinisekisa ukuba zizandla zikabani, ngamazwi kabani, isispirithi sikabani esi uphulaphula isityhilelo sakhe. Khusela ioyile yakho.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndinike ukuqonda ukuze ndilazi ilizwi ondithumele lona ukuze ndithathe kuphela okuphuma kuwe.



AMAZWI ESIPROFETO

Ioyile yam isulungekile. Ndamkela kuphela okuphuma emthonjeni andibekele wona uThixo. Ndiwisa umthetho, ndigweba ndisithi akusayi kuhlala zimpukane eoyilini yam



FUNDA UZANDISELE

KuTimoti 1 5:22



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 269

Ulsaya 43-44

KwabaseFilipi 3

AKUHLALWA DYOKHWE WENA

Ulsaya 10:27 (KJV)

...idyokhwe yonakale ngenxa yokuthanjiswa.

Abaninzi bafundiswe ukuba esi sibhalo sithetha ukuba intambiso iya kwaphuka emva kokuba sele ibekwe emntwini. Ukuba sitsho, ok uke ngoko kuyawususa umongo wale vesi. Intambiso ekuthethwa ngayo apha ayilindi kwenzeke; inamandla aneleyo ukuba idyokhwe ayenze ingasondeli kwakusondela kuwe.

Qwalasela umahluko phakathi kwala magama – ukumenteyina nokuthintela. Ungathanda ukuba kubekwe idyokhwe phezu kwakho ze yophulwe, okanye ungathanda ukuba ingabi saqala kwaukubekeka oku phezu kwakho? Olu thelekiso ke lufana nokukhetha phakathi kokuphiliswa kuloo nto ubunayo nokuhlala usempilweni ungabi sachatshazelwa nasesiphi isigulo. Ukuphilisa kubuyisela imeko ebizonakele ukanti ukuhlala uphilile kuthintela izifo zingabi saqala kwaukubakho. Enye ilungile, kodwa enye ingcono ngakumbi.

Kwakubakho intambiso yaye isebenza, incinezelo ayikwazi kuzinza, akubikho mida, nemithwalo ayibi nakubambelela. Le Oyile ingaqhelekanga idala iimeko ezingakwazi kuphila kuzo iidyokhwe zobumnyam. Zithi zisazama nje, zigeqwe, zitshatyalaliswe.



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela undirhangqe ngemeko apho incinezelo, imida nemithwalo ingenakufumana indawo yokbuyele. Le ntambiso mayoyise, mayiphakame kuyo yonke indima yobomi bam.



AMAZWI ESIPROFETO

Ndikhuselekile edyokhweni yobukhoboka. Ngale ntambiso ingaqhelekanga, andizi kuncanyathelwa mithwalo, ndisikelwe mida, okanye ndiphile phantsi kwengcinezelo ngeGama likaYesu.



FUNDA UZANDISELE

KwabaseGalati 5:1



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 270

Ulsaya 45-46

KwbaseFilipi 4

ULOYISO NGAPHANDLE KWEMIGUDU

UYoshuwa 10:11 (KJV)

Kwathi, ekusabeni kwabo... uYehova wabathobela amagtye amakhulu ezulwini... Baba baninzi abafa ngamatye esichotho, kuna-babulawayo ngoonyana bakaSirayeli ngekrele.

Isifundo sanamhlanje sithetha ngedabi ekwafa kulo abaninzi beentshaba bebulawa ngamatye esichotho athululwe nguThixo ngaphezu kwabo babulawa ngamaSirayeli ngekrele. Uloyiso lwalungazanga ngamandla amakroti ayengamachule ekreleni, okanye ngamaqhinga emfazwe, okanye ngakomelela kwawo. Lweza ngokungenela kukaThixo osenyangweni.

Kukho amaxesha apho uThixo angafuni kunika amandla okulwa ngezigalo. Ufuna kwaziwe ukuba yena ngokwakhe uyangena edabini. Ngumsebenzi ongaqhelekanga lowo. Kulo nyaka, uThixo ufuna kucace gca ukuba ukuba uloyiso alukho zigalweni nangamigudu yakho. Akwabiwanga abathile nabathile kweli idabi ujongene nalo; uThixo ulilwa ngokwakhe eli ukuze kungabikho bani uthatha udumo.

Kulo eli xesha, musa ukulinganisela uloyiso ngokwamandla akho. Bukele isandla sikaThixo sisenza esikwazi sodwa ukukwenza ngeendlela ezishiya ungenawo nanjani amathandabuzo okuba inene ngenene uloyiso luqinisekile.



UMTHANAZO WANAMHLANJE

Bawo, enkosi ngokundilwela, undoyisele. Isiphelo masibonakalise ukuba ngokwenene ibisisandla sakho sodwa.



AMAZWI ESIPROFETO

UThixo undilwela ngokwakhe kwaye impumelelo noloyiso alunakuphikiswa bani. Iintshaba zam ziza kubambana, zilwe zodwa. Buyeza ubungqina!



FUNDA UZANDISELE
IziKronike II 20:15



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 271
Ulsaya 47-49
KwabaseKolose 1

GoodNews DAILY

IINTSHABA EZINOXOLO

Imizekeliso 16:7 (KJV)

Ekukholisweni kukaYehova ziindlela zendoda, Uyixolelanisa neentshaba zayo nayo.

Kulo Nyaka weStrange Oil, uThixo ukunike uxolo neentshaba zakho. Bangcangcazeliswa kuklwenza kosenyangweni. Akukho thethathethwano lufunekayo. UThixo uzilungisa izinto ungekafiki. Kufana naxa uthi ulindele ukuba ityala liza kutsala suke ijaji igwebe ithi uliwinile ungekafiki nasezingcangweni zaloo nkundla yamatyala, Nawe akuzi kungenela ukhuphisane nabanye, uza kufike uqokelele qha.

Hamba uthi qoko, uzithembile kulo nyaka wonke, usazi ukuba uThixo sele ehambe phambili, uwagecile amahlala ukuze uhambe ngoxolo, upholile. Hlala ugcobile usazi ukuba iintshaba zakho ziza kuba zizihlobo zakho kulo nyaka. Akuzube ikukuba bayakuthanda okanye iintliziyo zabo zitshintshile. baza kuzibamba kuba baza kwazi ukuba ukulwa nawe kuneziphumo. Haleluya!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngokulwa nabalwa nam. Ngenxa yakho ndiza ngoxolo.



AMAZWI ESIPROFETO

Zonke iintshaba ziza kunkwantya xa zindibona, naxa kuphathwa igama lam. Akukho uza kuchasana nam aphumelele kuba uThixo unam. Zlyeza iikhontrakthi zebhizinesi. Imali iyeza. Akukho mntu uya kundivalela!"



FUNDA UZANDISELE

lindumiso 2:1-5



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 272

Ulsaya 50-52

KwabaseKolose 2



GoodNews
DAILY

UMOLULI-MIBIMBI

IGenesis 18:14 (KJV)

Kukho nto ingamqabelayo na uYehova? ...

IBhayibhile isixelela ngoSara owayeneminyaka engamashumi amathan-dathu anesihlanu kodwa bathi oonyana bakaFaro bakumbona aban-akuzibamba bathi, “Nantso inzwakazi. Mamma Mia!” Amashumi am-athandathu anesihlanu! Ixesha, ubudala kunye nebhayoloji, zange zibe nawo amandla okufiphalisa umtsalane wakhe. Tu imibimbi ukubonakala!

UEstere yena uthini ngaye? Xa silandela amaxesha eziganeko, ngathi wayenamashumi alithoba ukuya kwelikhulu elishumi elinesihlanu ubu-dala ukufika kwakhe ebhotwe kaKumkani uAhaswerosi. IBhayibhile ithi wathlekiswa ubuhle nobamantambazana aselula kodwa waphumelela apho! UEstere wayeluphele kodwa yathi ikumkani yakubona ukunyathe-la kwakhe yakholwa yathi, “Ndifuna lowa kanye.”

Ungayenzi impazamo yokucinga ukuba ndithetha ngoomama qha apha. Ndinixelela ukuba nokuba “imibimbi” ilapha eluswini, inembali yal-apho usuka khona okanye ingokwezimali, ayithi azikufanelanga izinto azenyzayo uThixo kulo nyaka. Imibimbi yemeko osuka kuyo ayikwazi kuba sisithintelo. Loo nto ibingathi iphelelwe lixesha, iyavuka kunjalonje iyagqwesa. Kuyadeda konke obekusisimnyama. INkosi yenza umseben-zi ongaqhelekanga!



UMTHANDAZO WANAMHLANJE

Bawo, ndiyabulela ngokwenza oko ekunguwe kuphela onokukwenza. Cima lonke uphawu olumiselwe ukundilibazisa ngeenxa zonke, ukundidodobalisa nokundenza ndingafaneleki, ngawo umsbenzi wakho ongaqhelekanga ebomini bam



AMAZWI ESIPROFETO

Bawo, ndiyabulela ngokwenza oko ekunguwe kuphela onokukwenza. Cima lonke uphawu olumiselwe ukundilibazisa ngeenxa zonke, ukundidodobalisa nokundenza ndingafaneleki, ngawo umsbenzi wakho ongaqhelekanga ebomini bam



FUNDA UZANDISELE

IGenesis 12:9-15

UEstere 2:7-17



365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 273

UISaya 53-55

KwabaseKolose 3



IGoodNews Daily iyakuvuyelwa ukukwazisa ngoshicilelo lweencwadi ezintsha ezenzelwe ulutsha kunye nezabantwana abancinci, lukhapha leya yokuqala yabantu abadala. Incwadi nganye ineLizwi elingumyalezo wosuku osuka kuMprofeti u-Uebert Angel, obekwe ngendlela elungiselele iimeko namanqanaba ahlukeneyo obomi, usenza unxulumano nelungu losapho ngalunye.

Ezi ncwadana zihlanganiswe ngononophelo ukwenzela ukuba iLizwi likaThixo livuke liphile, lizekeliswa ngokwendlela abaza kuyiqonda lula ngayo abantu xa beyifunda kananjalo ifike ichane ndawo ithile emntwini, imncede ukuba akhule elukholweni nasemoyeni. Umsebenzi wethu kkuqinisekisa ukuba inyaniso kaThixo ifikelela kubantu bonke ngokweminyaka yabo yobudala, ikhuthaze ihambo enzulu naye uThixo mihla yonke.

INCWADI YOLUTSHA

Ingena nzulu, inike ulwazi oluxhobisa umntu omtsha ngobulumko, lumoleze kwiimeko zobomi ahlangana nazo.

INCWADI YABANTWANA

Yenzelwe ukubafundisa iikhonsepthi ezisisiseko nezingundoqo ezimalunga nokholo, uthando kunye nezithembiso zikaThixo, ngendlela enika umdla, inceda ukwakha ubudlelane obuqinileyo phakathi kwezo ntliziywana zabancinci noThixo, kwanokuyenza ibe yinto ephilekayo iBhayibhile.



Suku ngalunye, uza kufumana iLizwi lakho eliprofetiweyo losuku lubhalwe nguMprofeti u-Uebert Angel, umyalezo owenzelwe ukukomeleza kwihambo yakho noThixo, nokukukhokela ngendlela omawuphie ngayo ngeLizwi lakhe. Yindlela enamandla kakhulu yokukhulisana kweefemeli elukholweni nasekuyiqondeni nzulu inyaniso kaThixo.

UNGAPHOSWA!

Qalisa ngoku ufumane amandla aguqulayo eGoodNews Daily, isikhokelo sakho seziprofeto zokuphakamisa nokukhuthaza isizukulwana ngasinye!





INKOSI YETHU YESU KRESTU

INKosi yethu uYesu Krestu yintsika yokholo yobuKrestu. Ubomi bakhe neemfundiso zakhe zibe nempembelelo enkulu ezimbalini. INkosi yethu uYesu Krestu iyaziwa ngovelwano lwayo olunzulu, ubulumko kunye nezenzo ezimangalisayo ezenzileyo. Umyalezo kaYesu wawugxile eluthandweni, ukuxolela nesithembiso sobomi obungunaphakade, enika ithemba nentlawulelo yezono kubo bonke abakholwayo kuyo iNkosi. Ngexesha lakhe emhlabeni walityhutyha lonke elakwaYuda (Judea), ephilisa abagulayo, ethuthuzela abaxhwalekileyo, efundisa ngobukumkani bukaThixo obungunaphakade.

Ukwamkela kwakho uYesu njengeNkosi noMsindisi wakho kuthetha ukwamkela iimfundiso zakhe nokumema ubukho bakhe obuza nenguqu ebomini bakho. Luhambo olo olusingise ekufezekeni nakwinzaliseko yomoya, esekelwe kukholo, uthando nakwisithembiso sosindiso.

NgeNkosi yethu uYesu Krestu, sifumana amandla, ithemba kunye nendlela esa kuxolo lwanaphakade. Ukwenziwa ukuba opheleleyo okanye ukusindiswa, kuthetha ukuzithoba kuThixo nakwicebo lakhe nenjongo yakhe ngobomi bethu. Kukujika kwiindlela zethu ezindala siguqukele kuYesu Krestu, simcele ukuba asixolele izono zethu, asinike ubomi obutsha sikuye.

KWABASEROMA 10:9:

“Ngokuba, xa uthe wamvuma ngomlomo wakho ukuba yiNkosi uYesu, wakholwa ngeNtliziyo yakho ukuba uThixo wamvusa kwabafileyo, wosindiswa.”

Usindiso sisipho sikaThixo kuthi, size ke sibe ngabantwana bakhe. Lulwamkelo kusapho lukaThixo olungenakujikwa nangubani, lukwaluxhotyiso lokuphila ubomi obugqibeleleyo, ngokupheleleyo, ngenjongo yokubonakalisa uThixo kuyo yonke indalo yakhe.



UMAMKELE

UYESU KRESTU?

Kaloku yena uNyana woLuntu wezela ukufuna kwanokusindisa abantu abalahlekileyo. – ULuka 19:10

SICELA UKUBA WAMKELE UYESU KRESTU NJENGENKOSI NOMSINDISI WAKHO NGOKUTHANDA LO MTHANDAZO:

“Yehova, Thixo wethu, ndiza kuwe egameni likaYesu Krestu. Ndikholwa ngentliziyo yam yonke kuYesu Krestu, unyana kaThixo ophilayo. Ndiyakholwa ukuba wafa waza uThixo wamvusa kwelabafileyo. Ndiyakholelwa ekubeni uyaphila nanamhlanje. Ndiyavuma ngomlomo wam ukuba ukususela namhlanje uYesu Krestu yiNkosi yobomi bam. Ngenxa yakhe nasegameni lakhe, ndinobomi obungunaphakade; ndizelwe ngokutsha.

Enkosi bawo ngokusindisa umphefumlo wam!
Ngoku ndingumntwana kaThixo. Haleluya!”

Siyavuyisana nawe!
Ngoku ungumntwana kaThixo.

Ukuze ukhule ke hlala eLizwini, thandaza yonke imihla, womelele elukholweni. Intle indlela akulungiselele yona uThixo ngaphambili.

Ukuba ufuna ukukhula kwihambo yabo yobuKrestu qhagamshelana nathi:

UK: +44 1244 727242 | USA +1 448 877 0344

RSA: +27 872 654 913 | ZWE +263 8677 211 645

WHATSAPP: 0773 195 955

EMAIL: GND@GOODNEWSWORLD.COM



SCAN ME



ISIFUNDO

SOKUKHUSELWA

Ujikelezwe ngamandla kaThixo, akukho bubi buya kumelana nawe!

ISAIAH 54.

14. Uya kuzinza ngobulungisa; ungakhe uxhale ngokuba akuyi kuba nakoyika; ungakhe uxhale uqhiphuke umbilini, ngokuba akuyi kusondela kuwe.

15. Yabona, bayaqukana bahlanganisane, andikho mna kuloo nto; nokuba ngoobani na abaya kuqukana ngawe, baya kuwa ngenxa enawe.

16. Yabona, mna ndadala ingcibi efutha umlilo wamalahle, ivelise impahla ngkweshishini layo; kwamna ndadala nomonakalisi wokuyonakalisa.

17. Zonke izixhobo ezikhandelwa ukulwa nawe aziyi kuba nampumelelo; zonke iilwimi ezimelene nawe ematyaleni uya kuzigweba. Lilo eli ilifa labakhonzi bakaYehova, nobulungisa babo obuphuma kum; utsho uYehova.

Utsho uYehova, laye iLizwi lakhe aliya kuwa phantsi ngeGama likaYesu!

Ukuba ufuna ukukhula kwihambo yabo yobuKrestu qhagamshelana nathi:

UK: +44 1244 727242 | USA +1 448 877 0344

RSA: +27 872 654 913 | ZWE +263 8677 211 645

WHATSAPP: 0773 195 955

EMAIL: GND@GOODNEWSWORLD.COM



SCAN ME



UMBONO WEHLABATHI UFUNA

IBHAJETHI ENGANGEYEHLABATHI

PHATHISANA NATHI NGE-GOODNEWS DAILY



Nyanga nganye, sinabaxhasi abazinikele ekuhambiseni iikopi zasimahla zencwadana yethu yezibhalo, iGoodNews Daily kubantu abakumakhaya eenkedama, ezitrongweni, ezibhedlele, emakhayeni agcina abadala, ezikolweni, kumaziko karhulumente, nakwenzinye iindawo ezininzi ehlabathini liphela. Buninzi ubungqina esibufumanayo ngokusindiswa kwabantu, ukuphiliswa nokubonelelwa kwabanye, kunye neminye imiqondiso, ngenxa yeli phulo lokuhanjiswa kwale ncwadana.

Sijoyine ube yinxalenye yale ntshukumo izukileyo kaThixo, unike nokuba mnye umntu ithuba lokuba neqalo elitsha nethemba elitsha lengomso.

**Ukuba ufuna ukukhula kwihambo yabo
yobuKrestu qhagamshelana nathi:**

UK: +44 1244 727242 | USA +1 448 877 0344

RSA: +27 872 654 913 | ZWE +263 8677 211 645

WHATSAPP: 0773 195 955

EMAIL: GND@GOODNEWSWORLD.COM



SCAN ME



MNYE UMYALEZO

IILWIMI ZONA ZININZI

NGOBA UMYALEZO KAKRESTU AWUSIKELWA MDA WALWIMI

I-GoodNews Daily iguqula ubomi babantu ehlabathini ngeelwimi ezininzi ezithethwayo eguqulelwe kuzo, inika izigidi ngezigidi indlela yokufikelela ekwazini ngoYesu Krestu osindisayo. Kwizizwe ngezizwe neenkubeko zazo, yonke indawo abantu bahlangana neLizwi lesirofeto, bekwatshintshwa ubomi kukuhlangana noThixo ngale ncwadana.




I-GoodNews Daily igawula imiqobo yaye ithetha ngqo ezintliziyweni zabantu ngeelwimi zabo. Ifikelela kuwo onke amanqanaba oluntu, emakhaya nasezikolweni ukuya ezinkonzweni, eziyunivesithi, nditsho nakwiikokeli nooprezidanti bamazwe ngamazwe.

Ngokuthwala kwayo iLizwi lesiprofeto likaMprofeti u-Ubert Angel, ilisa kwiintlanga ngeentlanga, i-GoodNews Daily inceda ekuzalisekiseni iKhomishini enkulu, iGreat Commission, kwesi sizukulwana.

UKUBA UFUNA UKUFAKA ISANDLA, NGENA KWIWEBHUSAYITHI
YETHU:

WAMKELEKILE

KWIJELO LETHU ONLINE



ZINIKE IXESHA UKHANGELE OKUFUNAYO

Ngena kwiwebhusayithi yeGoodNews Daily ukhangele incwadana yabadala, umthinjana kunye nabaselula, inye kuzo ezi ibhalelwe ukomelelza ukholo lwakho nokukuqondisa nzulu ngeLizwi likaThixo. Kule webhusayithi kukwakho iimfundiso zikaMprofeti u-Uebert Angel, iindaba ngenkqubo ezikhoyo kunye nezinye izibonelelo (resources) ezenzelwe ukuba ukhule, wande kwiinkalo zonke zobomi bakho.

Mhlawumbi ufuna ilizwi lenkuthazo laloo mini, imfundiso ethile, okanye iindlela onokukonektha ngayo neGoodNews World, konke oko kyafumaneka kule webhusayithi yeGoodNews Daily.



Konekthana nathi kula majelo e-social media:
[@goodnewsdailydevotional](https://www.instagram.com/goodnewsdailydevotional)



USHICILELO 3 | 2026

JULAYI – AGA – SEPT

I-GoodNews Daily yincwadana yezibhalo zokholo eveliswe yiSpirit Embassy:

I-GoodNews Church, yabelana nawe ngeemfundiso zobuprofeti nezityhilelo zikaMprofeti u-Uebert Angel. Ibandla eli lizinikele ekuhambiseni umyalezo kaYesu Krestu kunye nokufundisa, lixhobsa abakholwayo ngeLizwi likaThixo

UKUBA UFUNA ULWAZI OLUPHANGALELEYO, UMTHANDAZO OKANYE UFUNA UKUZIBANDAKANYA NEBANDLA, KHANGELA ISEBE ELIKUFUPHI KUWE:

Igama lesebe:

Thetha nalo mntu:

Ifowuni:

I-imeyili:

Iadresi:

Copyright © 2026 by Uebert Angel
All rights reserved.

support@goodnewsworld.com
www.goodnewsworld.com

Ulwazi oluphangaleleyo lufumane apha okanye nika ubungqina apha:
gnd@goodnewsworld.com | www.goodnewsdailydevotional.com

Ukuba ufuna ukukhula kwezobuKrestu qhagamshelana nathi:

UK: +44 3333 448 612 | **USA** +1 240 781 6942

RSA: +27 51 004 0209 | **ZWE** +263 773 195 955

Email: gnd@goodnewsworld.com





Ukuba ufuna ukwazi ngakumbi
ngendlela onokukhula ngayo
kukholo lwakho lobuKrestu,
sikhangele apha:

SKENA UKUZE
UDAWUNLOWUDE
SIMAHLA

UK: +44 3333 448 612
USA: +1 240 781 6942
RSA: +27 51 004 0209
ZWE: +263 773 195 9555

gnd@goodnewsworld.com
goodnewsdailydevotional.com

